

U-AGGREY UM-AFRIKA

Ibalwe ngesiNgesi ngu-
MFUN. uC. KINGSLEY WILLIAMS, M.A. (Oxon.)

Yaza yaguqulelwa esiXhoseni ngu-
S. E. K. MQHAYI

LONDON
THE SHELDON PRESS
NORTHUMBERLAND AVENUE, W.C. 2

270.92 AGGR(WILL)

80116

MADE IN GREAT BRITAIN

ULUHLU LWEZIQENDU

IziGANeko EZITHILE

IPHEPHA

vii

ISIQCINGATHA I

IMINYAKA YOBUNTWANA E-AFRIKA

ISIQENDU

I. ILIZWE LOKUZALWA	I
II. EBUNGINANENI	7
III. UMfundisi woSAPHO	11

ISIQCINGATHA II

E-MELIKA

IV. UMfundis oPHAMBILI NOMfundisi WABA-PHAMBILI	27
V. UБоми вЕKHAYA	39

ISIQCINGATHA III

IIHAMBO E-AFRIKA

VI. IIHAMBO KWIAFRINKA ESENTJONA-LANGA	47
VII. IIHAMBO KWIAFRINKA ESEZANTSİ	54
VIII. IIHAMBO KWIAFRINKA ESEM PUMA-LANGA	65

ISIQINGATHA IV

E-ACHIMOTA NANGASEMVA

ISIQENDU		IPHEPHNA
IX. UKUQALEKA KWEACHIMOTA	75
X. INTSEGENZO NEMPUMELELO	88
XI. EKHAYA	102
XII. LO MFO: ISIQU SAKHE	112
XIII. INTSUMAYELO YAKHE KWABAMNYAMA NA- KWABAMHLOPHE	125

IZIHLOMELO EZICATEHULWE EZIBALWENI
ZAKHE

I. UYISE	140
II. "KUKUTHETHA, KUKWENZA, SINI NA?" .	.	141
III. INCWADI AYIBALELE UNYANA WAKHE .	.	144
IV. IZIQHAMO ZOHAMBELO LWAKHE	147

IZIGANEKO EZITHILE

1875	Dwa <u>ga</u>	18	Wazalelwa eAnamabu, eGold Coast.
1883	siLimela	24	Wabaptizwa, Wangena esikolweni samaMethodist, eCape Coast.
1888	,	+	Waya kuhlala endlwini kaDennis Kemp.
1891	,	.	Wa <u>ba</u> yiTit <u>sala</u> eNcedisayo eCape Coast.
1896	mNga	.	Ukububa kukaYise.
		.	Wa <u>ba</u> liKhum <u>ja</u> emFazweni lamaAjanti.
1898		.	Wa <u>ba</u> yiTit <u>sala</u> eyinTloko eCape Coast.
nTla <u>ba</u>	10	.	Wanduluka ukuya eMelika.
Dwa <u>ga</u>		.	Wangena kwiKoleji eyiLivingstone, eSalisbury.
1902		.	Wafumana uGaga lo <u>bu</u> B.A. eLivingstone, waza wa <u>ba</u> ngumBali ne-nGungela yokuFundisa.
1903	nKanga	30	Wamiswa ebuDaleni kwiBandla lamaMethodist eZiyoni.
1904	nTla <u>ba</u>		Ukufunda kwakhe kokuqala eKolambyia.
1905	nKanga	8	Wazeka inKosaz. uRosebud Douglas.
1912		.	Wafumana uGaga lo <u>bu</u> A.M. eLivingstone, nolo <u>bu</u> D.D. kwiSinala so-Nqulo eyiHood.

1914	nKanga	. WaBa ngumFundisi weBandla kwa-Miller naseSandy Ridge.
	nTlaBa	. Wafunda eKolambiya.
1918	nTlaBa	. Wangena eKolambiya engumfundu opheleleyo.
1920	nTlaBa	. Wanduluka eMelika ngohambo lokuqala IweKomisoni yakwa Phelps-Stokes.
1921	.	. Waphindela eKolambiya.
1922	DwaJa	. Wafumana isiqiniselo soBuTit'sala noGaga lobuM.A. eKolambiya.
1923	mNga	. Waphumelela eluviweni IwePh.D. eKolambiya.
1924	mQungu 5	. Wanduluka eMelika ngohambo Iwesi'bin iweKomisoni yakwa Phelps-Stokes.
	Tjhaz'iimpuzi	Ukubekwa kweliTye lesiSeko se-Achimota.
	nTlaBa	. Wamiswa ukuBa aBe ngumOngameli oNcedisayo eAchimota.
	DwaJa 15	. Wafika eGold Coast.
1925	Tjhaz'iimpuzi	Ukufika kweTshawe laseWales eAchimota.
	nTlaBa	. Wasinga eMelika ngokuphumla.
	nKanga	. WaBuyela eGold Coast enenKosik. uAggrey.
1926	mDumba	. Ukuvulwa kwesiKolo saBaQalayo eAchimota.
1927	mQungu 28	. Ukuvulwa okukukho IweAchimota.
	Canzibe	. Wanduluka ukuya eNgilane nase-Melika.
	nTlaBa 30	. Wabubela eNew York.

ISIQINGATHA I

IMINYAKA YOBUNTWANA E-AFRIKA

IAfrika—iAfrika yam !

*Ndiya zidla ngebala endililo ; nabani na ongazidliyo
ngebala lakhe akasancle kuphila.*

Andinaxesa lakuziphindezel—aшибubo buAfrika obo.

*Ndisisikhuni esophulive eziko. Ndisisitholana nje esi-
vele ngokuzinikela kwabo aabo baphume beza kecli lizwe
liliNchwaba lomNtu oMhlophe.*

Sidla ngokuvuma le migca ibalwe nguHeber, ithi,

*“ Ebūmfameni bakh’ umhedeni
Unqula isikhuni nelitye.”*

Uthi, ebūmfameni ? Hayi—kusekulambeni kwakhe.

*Kwaaba bantu bakowethu, ayikakhulu into othetha
yona ; into kubo yindlela oyithetha ngayo, kwa naloo mntu
uthethayo.*

*Apha kubantu bakowethu ilizwi elinye elithi, “ Ma
senze,” lingapherzulu nakunewaka lamazwi athi, “ Yenzani.”
IAfrika le ingumutwana, kodwa loo mintwana uya khula.
. . . Kubaluleke ngokungapherzulu ukusebenzisana kunye
nayo, kunokuyisebenzela.*

J. E. K. AGGREY.

ISIQENDU I

ILIZWE NOKUZALWA

UJAMES EMMAN KWEGYIR AGGREY wazalwa mhla ngomVulo, ngosuku lwer8 kwinyanga yeDwaṛa, ngomnyaka wer1875, ezalelwa eAnamabu, kwizwe lamaFante, eliseGold Coast, kwiAfrika esenTsona-langa. Ngayo loo mini, isixeko sasidubathike kakhulu, kuṣa kwakusasazwe udaña oluthi, " Naanga, naanga amaAṣanti, ehlaße umkhosi oza kungenela izwe lamaFante ! " Aye namaqela aamaFante sel' exhotyisiwe, sel' ethamba, ukuya kuhlangaßeza utʃhaṣa olo, ekunye nemikhosi yaseBritani.

Ukususela kuloo mnyaka wer1875, kwaṣa kho iinguqulo ezinkulu. Endaweni yokuṣa kuße ziimfazwe eziphakathi kwesizwe nesizwe, ngoku kuluxolo nokuzola. Ngomnya-ka wer1879, umAfrika othile weza nomdumba wekoko, kwathi se kunini emva koko iΓuluneli yeza neminye imidumba, yayityala. Izwe laseGold Coast ngoku lelinye lawona mazwe avelisa kunene ikoko ehlabathini. Lisuke latyeṣa layiloo nto ; se lisuke laṣa neemayile ezininzi zoololiwe kwa neendlela.

Ilizwe elo lahlulwa-hlulwe laaziziqwengana ezimaṣumi mathandathu ananye, azimeleyo, siseso isiqwengana si-phantsi kwenkosi yaso, eyona inkulu ; zonke ke zithoßebe umEuso waseBritani. Kukho izizwe ngeziziwe ezahlukenyeo ; saye esona sikhulu, siṣalulekileyo, siseso samaFante, angowaso ke uAggrey lo. AmaFante la namaAṣanti aphuma ngcanjini nye ; luhantse ukuba lunye

ulwimi Iwawo, kwa namasiko. Kuthe ukuqala ukufika kwa Phuthukezi kwelo zwe, malunga nomnyaka we 1450, ama Fante ayesambatha iimfele zeenyamakazi, izixhobô zawo iyimikhonto namakhaka, iintolo neziphetha. Inkulu inkubela phambilayenzileyo ukususela oko. ,Ungathi ukuze uwaqonde ama Fante, iziphiwo zawo, uziqonde ngo Aggrey, um Fante wama Fante.

UAggrey wayezidla kakhulu ngobuhlanga Sakhe, nango buzwe, nangesizalo asiso. Wathi, mhla othile wabala ngaye esithi, " Uvele kumlibo ohlomelelene nekomkhulu," uAggrey wabalela umhlobô lowo ngasese esithi, " Akukho Aggrey wenene uphuma kumlibo ohlomelelene nekomkhulu. . . . Akukho mlîbo wasebukhosini apha kweli lase Gold Coast, ungaphezulu kowakowethu ; kajalo imbalwa kakhulu nenga ba kwesti siganga sikuso thina." Noxa wayezidla ngazo ezo ndawo, uAggrey ubesakuthi, " Andibali nto ngokwegazi lam. Bambalwa kakhulu abayaziyo le nto ngam . . . Andizanga ndiyinanze nganto ; ndingum Afrika qha mna." Kubé maxesa manga ecelwa ukuba athabathe ubukhosí, kuloko ubesuka athi, " Ndicija esi sihlalo, isi Hlalo se Golide, esiyimfundo ! " Ubenenkolo yoku ba kakhona aya kubakhonza kakuhle abantu Sakowa bo xa ayititsala.

UYISE

Uyise ka Aggrey, u Kodwo Kwegyir, indoda ebaluleki-leyo, wazalwa malunga nomnyaka we 1816, ezalelwa e Anamabu, isixeko esikwisithuba seemayile ezili sumi linantathu ukusuka e Cape Coast, esaye sikwa sesinye se sixeko ezithengisa kakhulu amakhoboka kwelo zwe.

UKodwo Kwegyir wayengum Amkeli we Golide, ingumsebenzi wakhe ukuyibeka emilingweni igolide le iluthuli, akuqonde kakuhle ukucoceka kwayo. Yayikwa ngumse-

benzi wakhe kanjalo ukuthi acebise abathengi bempahla ukuba ma bahlawule ngegolide, kunokuña bahlawule ngomwangalalana wemalana ; kuba igolide inokuthunye-lwa yona eNgilane, ize ithengiswe ngexabiso elihle. Ababanga baninzi abAmkeli beGolide abathe batyeba, waza noKodwo Kwegyir akaba kwelo nani lincinane labatyebileyo. Ngomnyaka we1873 wabona ukuba ma kafuduukele eCape Coast, apho wasebenzela omnye waBa-γwebi bamaAfrika atyebe kunene, umlwebi onguSarbah. Akatyebanga kwathi ni nalapho, kodwa waña yindoda ebekekileyo kwinkosi yayo.

Kweliya laseGold Coast, kukholisile ukuthi umfo abe namandla amakhulu ebuzweni, nokuba yena ngokwakhe ulihlempu. UKodwo Kwegyir singathi waña lelona phakathi libalulekileyo kwinKundla kaAmonu IV., eyona nkosi ingaphezu kwazo zonke eAnamabu. S'ivela kwa semanyangeni, isihlalo sobuOmankiyame saba sesakhe ; kwaza kwathi ngenxa yoku ke, nangenxa yobulu-mko bakhe ekuwenzeni umsebenzi olunge kuloo ndawo, waña ngumfo obalulekileyo kwelo lakowaño. Emveni kokufudukela kwakhe eCape Coast, waasoloko eyihambela iAnamabu, ngenxa yomsebenzi wakhe lowo.

Eli lizwi lithi *Kyiamē* kuthiwa lithetha ukuthi, " Umgqi-belelisi wam." Nje ngokuña inkosi le inokuthi ingabili ciko ekuthetheni, le *Kyiamē* yona ithetha igqibelelise oko inkosi inga kungathethwa khona esidl Langalalen. Ligosa elithenjiweyo, into ehlala ngasekunene kwenkosi. EmaBungeni nakwinKundla yamaTyala, nguye oma kaqoselise intetho, ayibike ngomxholo intando yenkos. Uyigcina ngentloko ayiqhubé into yonke elibali lesiHlalo. Uthi ngaloo ngqondo inzulu yokwazi amasiko enKundla le, afundise inkosana ethe yamiselwa. Udla ngokuyigu-qua into ebise ithambekile, nokokuña ibise ithambekile ngasemfazweni, nokuba ibise ithambekile ngaseluxolweni,

kuþa ezo zinto zixhomekeke kakhulu kwindlela ayibek
 ngayo indawo ekugqitywe ngayo yinkosi yakhe. Uthi,
 xa aphakamayo ukuba athethe esidlangalalen, ayame
 ngentonga yegolide, emiselwe kwigosa elikuloo ndawo;
 kukwa kho nokuthi iphathwe ngumkhonzi phambi kwa-
 khe. Nenkosi inokuthi imthume, aye kuba ngumlomo
 wayo ekuthini; yaye loo nto aya kufika athethe yona ibe
 nje ngokuþa iþithethwe yinkosi ngokwayo. Zimbini
iintloþo zeeKyiane: kukho oluphakamileyo, olu kuthiwa
yiOmankyiane, oko kukuthi *yiKyiane yeOman* yonke,
iOman leyo iliBunga lesizwe. UKodwo Kwegyir ke
 wayeyi*Omankyiane*.

Le ndawo ke iþaluleke kakhulu, yaye iyindawo ye-
 mbeko, ifuna usulumko obungaphaya, namandla engqo-
 ndo engafumane ilisale, ifune nobuciko bokuthetha.
 Yonke le nto uKodwo Kwegyir ubenayo kakhulu,
 wafuzwa ngayo nangunyana wakhe. Udumo lwakhe
 lwaþa yimbunguzulu kwiingqondo zaþantu þakowaþo,
 aþasakumtþho ngokugcina uxolo futhi nafuthi.¹

Engumceþisi nje, uKodwo Kwegyir waye kwa njalo
 elisoldathi. Wayengumphathi, ekuthiwa *yiSupi*, welinye
 kumaqela asixhenxe aþizwa ngokuþa *ziAsafo*, athi ama-
 Fante ahlulwa-hlulwe ngawo, xa kusemfazweni. Ilelo
 iqela lineþali lalo, nendwe yalo, kwa nendawo yalo
 emimangweni phaya.

UKodwo Kwegyir ngathi uphume amaxesa amathathu
 ukuya emfazweni, ephethe iqela lakhe. Okokuqala,
 wayesiya kulwa namaWassaw; okwesibini wayesiya
 kulwa namaElmina ekunye naþaseHolandi, ngomnyaka
 we1867; okwesithathu kwakuya kuliwa namaAþanti,
 ngomnyaka we1873. Kule yokugqibela imfazwe wangena
 kwidabi laseYankumasi Assin, laza looyiswa icala lakhe.
 Waphuma enamanxeba amathathu eembumbulu ngaloo

¹ Bona isiHlomelo I, kwiphepha le140.

mhla, nangona yena wayesithi imbumbulu ayinaku-mchukumisa.

UNina

UKodwo Kwegyir waphila wada waña ngaphezulu kweminyaka emafumi asibozo ubudala. Wayengazeka inkitha yañafazi ngokuthanda kwakhe; kodwa nangona abaFundisi aaba ñafika sel' eyindoda endala, ubesakuthi yena eli qhalo lithi, " Ndoda nye, mfazi mnye," lichaza eyona ndlela iyiyi. Wazeka amaxesa amathathu. Ngowokuqala umfazi wazala abantwana abasithoña, waza ngomkakhe wokuphinda wazala abantwana abane. Kwallile kaloku xa ayindoda engaphezulu kweminyaka emafumi mahlanu, wazeka umfazi wesithathu, onguAbna Andua (okanye Annuah), inkosazana yaseAjumako, umzikazi obalulekileyo welingaseNtla lamaFante. Waye eyintombi kaKweku Eduonu noAmbo Doma, engomnye wañantwana abasibozo. UKweku Eduonu lowo ke wayengowecala eliphethe ulawulo IwaseEnyan Denkera, indawo leyo ke enesithuba seemayile ezikumañumi omathathu anesihlanu ukusuka eCape Coast.

KumaFante, isiHlalo sihamba ngoonina. Usapho luka-Abna Andua Iwaye lulunge kwiziHlalo zoñuKhosi ezili-qela—uAggrey yena ubesithi ezo ziHlalo zihlanu. Unina lo kaAggrey ungowesiduko samaAgona, ekusakuthiwa kuseziKhweneneni; ngoko ke uAggrey, ngokwecala lakulonina, sisiKhwenene.

Ngayo le nkazana, uAbna Andua, uKodwo Kwegyir waña nabantwana abasibozo—oonyana ñane, iintombi zine. Ñane bokuqala bazalelwaa eAnamabu; ababini kwaña ñabuba ñeseziintsana; owesithathu, onguAraba Abonyiwa, wayethandwa kakhulu ngumnakwaño; nguyená uyimbalasane kuye ebululeni ñakhe. UAggrey waye ngumntwana wesine kanina, engowesumi linesixhenxe ke

ngoko kuyise. Ubeno beleko olulula unina, awada wathi, ngokony watyis wa yiloo nto unina, wa ba nangonyana ayivumayo ngayo, eyenje nje :

" Umka Kweku, umka Kweku wafika kumthikazi omkhulu, Wachola-chola iinkumba, wazichola-chola, akeva ntlu-ngu yena."

Ilula loo ntetho ukuchazwa, ku ba ithi, " Ndingumfazi onethamsanqa lokubeleka abantwana lula."

Inkwenkwe le yathiywa amagama alinani. Ithe xa kaloku se izibalela igama layo kamva, ilenje nje : James Emman Kodwo Mensa Otsiwadu Humamfunsam Kwegyir Aggrey.

UMnumzana uA. W. E. Appiah, umtshana ka Aggrey, uthi xa abala ngonina-khulu athi, wayengumfazi olinco-kokazi, ohlekisayo nonentsini, othanda abantwana, kude kuse ngakumbi aabø bathanda ukudlala. Isuke ibe yinkcazel enombiza leyo, wanga, uya mbona umzalikazi owonwa bileyo, engqongwe Iusapho Iwakhe ludlamkile, lunemigoso. Babesakuthi, Bakumva evumela usana olubelekiweyo, ubabone bewusiya loo mdlalwana bebesekuwo, besiya kuye ngokubaleka, besiya kuxhentsa. Box huma ke bejikeleza, ahlale yena kumqotyana omfutshane womthi, umbone ke sel' eman' ukuwa ngapha, esiva ngapha ngomzimba, ebetha izandla. Kothi ke kwa kamsinya usana lulale, bee tshalala abaxhentsi ; umbone ke uAbna Andua ekhefuza, eziphozisa ngezandla ukubiza umoya, emva kwaloo ntlobme ; ufike eyisinga-singa, engayithandi, loo ntendelezo ifuneka itshayelwe, naloo mphanda kufuneka kukhiwe ngawo amanzi.

ISIQENDU II

EeuNcinaneni

KUTHE ke kolu sapho lonwañe kunene kwaya kufika izinto ngezinto ezivuyisayo, kwaya kufika amathembamamatsha neminqweno eyeminye; kuña ngoku olu sapho luguquke IwaangamaKristu. Kuthe ngomhla wama²⁴ kweyesiLimela, ngomnyaka we1883, wabapatizwa uKodwo Mensa, kunye nomninawa wakhe, uKodwo Awir, kwaza ke ngokwesiko lelo xeja Banikwa amagama apheseya, okuba nguJames noWilliam.

UAggrey ubedla ngokuthi, " Ubawo lo noma, abaninawa aña, noodade, bafufumana ubuKristu obu ngam. Le nto yandihla ndiseminyaka isibozo ubudala. Andaña nakho ukumanelisa ubawo, ngezinto endimxelela zona."

ImFundo yaseKhaya

Kamva uAggrey ubesakuthi—atsho achane ke khona xa atshoyo—athi, amaAfrika la anamfundo ithile iyeyawo, kuña xa kukhankanywa imfundo, kuthethwa ilifa lobulumko eligqitiselwa kubantwana livela kwañadala, ukuze bafaneleke kaloku ukuzithañatha iindawo zaño ebuzweni. Nekhaya likaAggrey laye likwa sisikolo, baye abafundisi beso sikolo inguKodwo Kwegyir noAbna Andua. Inxalenye yemfundiso yaye ingumseñenzi wokugcina indlu, inxalenye ikukudlala. Ukuñaliswa kweembali yaña yenyne indlela ebalulekileyo yokudibañanisa abantwana nemeko yakowaño yakudala. Belusakuthi usapho olu, xa luñlanganiseneyo ngokuhlwa, luñawule iziko kuphekiwe,

uyise lo nonina бабалise iimbali zaloo mlibo, баиуе umva баде байе kwizenzo зeqela leAkomfudzi, kwa nakwizigiga ба зoyise-mkhulu, uKweku Eduonu, owaye eyingqanga-ngqanga yeqqira lemichiza. Kwakusaku ба kho namabali amnandi ezilo zasendle nawabantu; aye ke la маbali enganandiphisi kodwa, koko ayefundisa nezizezinye izifundo ezininki. Yonke ke le nto yanga ijcilelwe ezingqondweni zaabantwana. UKodwo Kwegyir ubesakuthi unyana lo wakhe aye naye enKundleni, athi ma kajonge abantu ааба, xa бangenayo. Уbungamva emana ukuthi, "Lo mfo uyingonyama; lowa yimpungutye." Kwakusaku ба kho kanjalo nezonqulo izifundo. Ukuqala kukaAggrey ukufunda ingqondo yesi-Afrika (okanye, ukuba ayiphelelanga iAfrika, sithi sisiAkan), yokucinga ukuba uThixo unguYise, ekwa ngumZalikazi, le nto waqala ukuyiva ngabazali баклие. Phakathi kwamapheda akhe уbungafumana uluhlu Iwamagama kaThixo, awanikwa ngabantu баковабо: anje ngokuthi unguObatan Nyame, "uThixo ongumZalikazi oFukamelayo"; ukuthi nguNyame, "Lowo ,uthi xa unaye uhlale wanele"; ukuthi nguNyankupon, oko kukuthi, "Oyena mHlobo mKhulu," njalo-njalo ke.

Abazali бакаAggrey бамнхала ngengqondo apha yesidima nembeko ama kayazi malunga nosapho Iwakowa бо. Уbungamva kodwa esithi, "Ukuзalwa ngokuphakamileyo kuza neenzima." Elo qhalo walifaka naye kamva kubantwana бакhe nakubatshana. Уbungamva esithi, "UmAggrey uya ligcina idinga alibekileyo."¹

Isikolo

UKodwo Kwegyir wayengakwazi kubala nakufunda, phofu wayebanqwenelela imfundu abantwana бакhe.

¹ Eona isiHlomelo III, kwiphepha le144.

Uthe ke ngoko uAggrey wangena kwisikolo samaMethodi
disi angama Wesile, eCape Coast, xa sel' esondele kakhulu
kwiminyaka esibozo ezelwe. Kukhe kwathi kuqala
akwaña mnandi kwinkwenkwe le ukumana igungquza
ithuba elingaka lemini, ihleli endlwini, ingqongwe zizile-
yiti needesika ; koko yahle yanakana ukuba kanti
nesikolo esi sineyayo imigcobo. Wayifunda ngenzonde-
lelo yonke into esakuña ibekwe phambi kwakhe ; wañuya
wafumana nethamsanqa lokuba afundiswe ngañafundisi
abangaño.

Nangani uAggrey waya esomelela, ekwa nayo nempilo,
wahlala noko unina ekhalaza ngokuncipha oku kwakhe.
Ußungamva kodwa esithi, " Siswaña sini na esi, ngathi
sesentlanzi, singabi nje ngesenkwenkwana yomFante
ephilileyo ! " Yaña mbi kunina le nto yokuba engaku-
thandi oku kutya kuyifufu (ibatata eqotyiweyo) kwa
namafutha aphuma emaqakambeni esundu. Umninawa
wakhe, uAwir, ußemthanda yena ngokunye ngayo loo
nto ; ußesakuziqokelela isabelo sikaAggrey kunye nesakhe
kwezo zityo zoziñini, ziñe kuye. Loo makhwenkwe ke
omathathu eßehamba kunye ukuya esikolweni ngokuza-
lana kwawo, eenza iminyaka ethile, aza athiywa amagama
angooAggrey A, Aggrey B, noAggrey C. Lo ke sithetha
ngaye uAggrey wayengoyena mdala, engoyena unenya-
meko ; ekwathi, ngexesa awayeminyaka ilisumi ußudala,
waña sel' esele yedwa, abaninawa aaña bakhhe se ñemke
nelizwe, kwa phambi kokuña ñafike nakwiBanga lesi-
Thandathu.

Kuthe ekukhuleni kwaño aaña bakhulu ñañini aban-
twana, uAraba Abonyiwa noAggrey, ma uqonde ukuba
ñebeya bonwabe nqo xa ñabodwa. Kuthe ngamhla
uthile lo uyintombi weenza imposiso, kwañonakala ukuba
ma kabethwe nguyise. UAggrey yena ucele ukuba ma
kabethwe yena endaweni yodade waño, wayinyamezela

ngovuyo loo mivumbo, phofu engafekethi uyise ukubetha.

Ngeli xesa wayesel' esisimbele-mbele ukufuna ulwazi apha ezincwadini. Ubevuka kusasa, phambi kolunye olu usapho lwakowaabo, ee nyubelele, aye elunxwemeni lolwandle, afunde apho kude kubethe intsimbi yesikolo. Ubungambona imihla le, ehamba ecanda esazulwini sesixeko, engananze nto, kukuphela epondele encwadini apha. Waye kwa nenkathazo kubafundisi bakhe, ngo-kungakwazi ukuzola athi cwaka ; yinto ke leyo abemana ukubethwa ngayo, kuwa uswazi olu be lusetyenziswa kumakhwenkwe ezo mini. Ngomnye umhla, yena kunye namakholwane akhe, samana ukuzinqala iintswazi ezi zomfundisi waabo. Yinto ke leyo ekuthe, lakufika ixesa lokuwa uswazi lusebenze, zisuke wolokohlo kunye. Lihle lafunyanwa eli qhetsu, baba ke songezwa imivumbo njalo.

Ngamanye amaxeja, uAggrey ubesakuthi ngemiGqibelo acele ipeni yokuthenga ukutya, esithi unomsebenzi aya kuwenza kwamFundisi. Kanti ubenza kuthi akuyifumana loo peni, abaleke kunye namanye amakhwenkwe, kuiyiwe elunxwemeni lolwandle, atye aqube—aye aqube—kude kufike ixesa lesityo sasemini.

Kanti ke noko ikakhulu kwakusetyenzwa nkqi ; kuwa abesakuthi amakhwenkwe la anje ngoAggrey asebenze nzima imisebenzi engaphandle kwesikolo. Ebésakuthi aphume kunye nooyise bawo, kuiyiwe ezifameni, ukuya kulima iiyam (izinto eziyelelene nebatata), ukuzipha umhlabba, aye nasekuvuneni ; okunye aye endaweni yentengo, ancedisise oonina ekuthengiseni oko baku-thengisayo. Kothi ke, ukuba akukho zintombi zaneleyo emakhaya, oonyana aaba baye kukha amanzi, baze kutshayela nasendlwini apha. Babengenathuba lingako lokungasebenzi.

ISIQENDU III

UMFUNDISI WOSAPHO

KumZi wemFundO

UAGGREY ngoku uthe kanti uza kuLangana nendoda eyanceda kunene ukumxonxa ukuba abe nguloo mntu abenguye. UmFundisi uDennis Kemp waseWesile wafika eCape Coast kweyomQungu, ngomnyaka we1888. Waye lo mfo eneliso elibukhali, elingaphoswa nayiyiphi na into yobume bezinto : wawabona amakhaya amdaka, ubunqeneja, ukunganyaniseki ; izahlukwano nekhetha elenziwayo phakathi kwaBantu sedolopo elunxwemeni naBemi Beelali zangaphandle, okungendawo ebomini BaBantu ; imfundiswana engqobo-ngqobana, enjongo ikukwenza ukuba amakhwenkwe la abe nqababali nje kodwa, nokufunda amazwi angenario ayithethayo ebantwaneni, nokuyekelwelwa zizikolo kwentetho yobuzwe BaBantwana. Izikolo zeCawa zona zazise ziyimixenge ngokungaBi nancwadi zentetho yosapho. Khona kwizikolo zemini, abantwana abancinane babefunda ukuthetha neencwadi zesiNgesi, kungekho nomkhwepha wokuyazi into ethethwa ngaloo mazwi bawaBizayo.

UmFundisi uKemp uthabatthe abantu abatsha abangamaJumi amabini, waBamkelela kwindlukazi enkuluyaBaFundisi, apho Baya kufundiswa khona okokuBa " Ucoceko Iwalekelana nobuThixo " ; apho kuya kuthi kwimfundo ezinzileyo kongezwe eminye imikhwa efune-kayo. Uthe kanjalo waakha nemizi yokuseBenzela, apho

iqela elikhulu lamadodana lathi lafumana ingqegezo yoñuchweli, neyokukhanda intsimbi, neyokuqatwywa kwezindlu.

UAggrey waña ngomnye waloo mañumi mañini aba nenyhweba yokungena kuloo ndlu. Isine ngasinye samakhwenkwe sasindegumbi laso, ebelisakuthi linikelwe wona, ukuña alale kulo, afundele kulo. Abazali bæbesakuthi bawathumele ukutya, bahlawule intlawulo yoku-fundiswa kwawo. Intsapho leyo ibisakuthi inikwe izinto zokuqaña iindonga neengcango zezindlu zayo, nemifane-kiso yokuhombisa amagumbi lawo ayo. Yonke imiso inkosikazi yomFundisi ibidla ngokuya kuhlola ukugcinwa kwawo onke. Yena nendoda leyo yakhe bæbeñathabatha aña bantwana nje ngabantwana baño, bæbathanda kakhulu. Into yokuqala kusasa ibiña yimithandazo, ikwa yinto yokugqibela ngokuhlwa, apha bækusakuthi kungqongwe itafile enkulu yegumbi lokutyela.

UAggrey ubesakuthi afundise ngexesa lesikolo, kunye nañanye abafundi abakhudlwana. Bækusakuthi ke ngo-kuhlwa, kuthiwe nqhenqhelele, kungqongwe umnum. uKemp, omara ebafundisa izifundo zezikolo eziphambili. UAggrey uthe kaloku wathana swii neencwadi, umve esithi, ezimisele, "Ndifuna ukwazi yonke into!" Aku-sekho thuña ngoku lamidlalo. Waye eyithiyile intse-ßenzo yasemyezweni, apha umzi kaKemp ubumana ukulucela usapho olu ukuña luseßenze khona. Wayehla-lele ephilele iincwadi. Amakholwane akhe, la ahlala naye egumbini elo, ayehleli esoyika ngathi uza kusuka awulibale, angawulungisi, umndlalo wakhe, okanye asiye incwadi apha pantsi engayivalanga. Kothi se kukudala kulelwe ngañanye, aña yena esahleli efunda. Kuthiwa ubesakuthi akudinwa, azithi thande ngesiziña esimanzi entloko, ahlale ke iinyawo ezi ezithe nxu emanzini abandayo. Bækusakuthi kusasa, oyena ungu-

mhlobo wakhe, olala ecaleni lakhe, adle ngokuzilungisa iimpahla zakhe ngasese, amlungisele naloo ndawo egumbini ilunge kuye. Wayengazinanze nganto neengubo ezi zakhe. Uthe umninawa wakhe xa kaloku sel' engumntu ozilungisayo, sel' ehamba phakathi kwabantu enxiše ngokwenene lomAfrika, waše uAggrey ehamba enxiše iingubo ezimnyama ezindala, anele yiloo nto.

UAggrey wayengumfana ononqulo oluhle. Angade umntu amcinglele ekuthini ungumKristu ngokuvela. Ubapatizwe eminyaka isibozo, kwala ukuba abe iminyaka iliJumi linesine waguquka ngokucacileyo. Le nguqulo yafika ngenxa yeentsumayelo kwinkonzo ezaye zisenziwa ngomnye waFaFundisi kwindlu yeentlanganiso yesikolo.

UkuFundisa

Kwakuyimfanelo ukuba athi uAggrey, xa anesimilo esinjalo, nengqejeo enjalo, enziwe umfundisi wosapho, angenele nobufundisi feliZwi. Wayesel' ekhe waqhuba ekufundiseni usapho ; ngoku ke ufumene ithuba elihle lokuba abonise owona moyo wakhe unguwo. UmFun. uKemp wayefuna ititsala eAbura Dunkwa, ingumzana lowo oziimayile ezimaJumi mañini ukusuka eCape Coast. Wayamkela ngemihlali uAggrey loo ndawo, wathi ngemincilikazi emikhulu waxhoba, eza kunduluka nenkosiyakhe ethandekayo, ukuba aye kuqala ilinga lakhe lokuqala ebomini. Wathabatha iincwadi eziliJumi linambini, imiboxo emiñini yezonka, iswekile yetiki, nobugcwababalana bëmali ayiphiwe zizihlobo.

UmFun. uKemp noAggrey beenza iintsuku zombini kolo hambo. E-Ekroful balala kwindlwana yenkonzo ; UmFun. uKemp walala kumqonga wokusumayeleta, waza uAggrey walala esitulweni eside. Kuthe eDunkwa Banikwa indlwana ; balala kunye apho, noko yayixinene

nangaabo bantu babini. Efikile apho babefunzele khona, uAggrey ubale incwadi, esingathi siyibeki apha, nje ngokuwa iyincwadi yakhe yokuqala esiva ngayo :

DUNKWA,
Olive 3, kwacyo Kwindla, 1890.

KUMFUNDISI UDENNIS KEMP.

MNUMZANA,

Ndinovuyo ukukwazisa ngokufika kwam kakuhle eDunkwa. Ndiziva ndonwaabile apha. Sinduluke eCape Coast kufuphi nexeja lesixhenxe, saya kufika eAsabu-Amanfi kwisithuba sentsimbi yesithoba ; esithe, emva kokusela intwana yencindi yekokonati, sitetha namfo uthile ngesikolo, saphumla iiyure ezintathu, sanduluka ngentsimbi yesinye. Ukusuka apho, size kufika eEkroful. Sifike satya apho. Saye sithanda ukuya kufika eDunkwa, koko ifike yana imvula isithuba seeyure zombini. SaBa ke asifiki njalo kuloo ndawo. Kuthe ke, kuwa umFun. uKemp wayesel' enomyalezo awenze kumfundisi, wabala ngoku esithi sibanjwe yimvula ukuba singafiki. Sithe ke, emva kokufunda indawana emQulwini, sathandaza ngabanye ngokuvakalayo. Emva koko sizithandazele ngokuthe cwaka, saza ke salala. Yena ulele emqongeni wokujumayeleta. Sifike kule ndawo ngomVulo kusasa emva kwentsimbi yesibozo. Ndiye esikolweni kusasa nangokuhlwa ; nangolwesiBini ndiyile esikolweni kusasa, kodwa andaya ngokuhlwa. Ma ze ungalibali ukubaxelela abazali bam okokuwa ndifike kakuhle, ndaye ndonwaabile apha. Wenje njalo nakoodad' ethu aabo, nakumninawa. Xelela naabafana aabo, ubulise nokubulisa ; uncede ungazisiyi iititsala naabafana abancedisayo. Ndiya bulisa nakuwe, nakubo bonke abasemzini wemfundo. Apha ndifundisa amakhwenkwe akumaJumi amathathu. A-

phambili kuwo afunda kwiphepha lesumi elinanye lokufunda.

Ndingowakho umKhonzi ozithobileyo,

J. E. AGGREY.

Uthe uAggrey, ekuphela kwetitsala kwisikolo esima-khwenkwe akumasumi amathathu namane, aße yena eminyaka ilisumi linesihlanu ubudala, wafumana ngoku ithuba lokaña abonise ukuba unakho na ukukhokela. Wawuphakamisa umgangatho womsebenzi waßafundi 6akhe. Ayaña ngowesikolo semini wodwa, koko uthewaqhubela phambili nowesikolo seCawa. Ubesakusuka ang'athi abantwana aaba ubanyangile, kwathi kungephi, isikolo sakhe seCawa saba sesona sikhulu kweso siqingatha. Bamthanda abantwana ngakumbi kuña ethanda ukuba-vumisa iingoma.

Yonke imihla yemiGqibelo, udade waño, uAbonyiwa, ubesakusihamba ngeenyawo eso sithuba seemayile ezimajumi mañini, esuka eCape Coast, ezisa iindaña, nokutya okuhle kwasekhaya, okuphekwe nguye ngenkqu. Ubesakuthi ancedisise kwisikolo seCawa, aze athi ngomVulo ajike, asinge eCape Coast kwa ngeenyawo.

Kuthe se kuminyaaka emva koko, uAggrey wabalela abafundi abadala beKoleji yaseAcra yokuQeqesa iiTit sala, kwelaseGold Coast, waza weenje nje :

"Intliziyo Yam iphuphuma uvelwano nayo yonke itit sala, kuña mna ngokwam ndikhe ndafundisa kwezo ndawo zombini, edolopini nangaphandle. Ndithi hlazi-yeckani nonke, nina nifundisa emizaneni, nani nifundisa ezixekweni ezikhulu. Ndiya sazi isithukuthezi enikuso, izilingo nezihendo eninazo. Ndiyazi loo nto kuba ndingomnye wenu. Ngomnyaka wer890, ndakha ndathunyelwa eDunkwa—iAbura Dunkwa—ukuba ma ndiye kufundisa kwisikolo sangaphandle. Ndandingumfundisi

waBaqalayo, ndifundisa naBaSe Bephambilana, ndikwanyintloko, nento yonke. Oko ke kuyiminyaka ema³⁷ eyadlulayo. Ndafunda lukhulu aphi, zathi nezihlobo endazifumana khona zandinceda kwada kwaanamhla nje. NdaBa nazo izizungu nezithukuthezi, kodwa ke, ukulima nokufuya khona ndakufunda aphi; ndakufunda aphi ukuyithanda imvelo, kwa nokubuka ubuhle Beengcongolo nezithunzi, ukudibana kwazo aphi kuloo mithombo yamanzi angcwengileyo. Umvuzo wam ekuqaleni wawuzijseleni ezintandathu ezineepeni ezsibozo ngenyanga, uhlawulwa ngeenyanga ezintathu. Ndiyazi, ndaye ndinovelwano. Kanti ke noko, xa ndijonge emva ebomini bam, ndingathi ndikhe ndaanethuba lokuphinda ndiphile obo bomi bam, ndingabamkela ngemihlali, ukuba aabaa Bafundisi, Bazenze idini bazincama—abangamadoda naBangaBafazi abaaMhlophe—Bebeya kuBuya Babé kho naBo aphi. Enye yezinto ezathi zandigcina zandisekela yaBa kukuthenjwa endithenjwe ngakho ngabafundisi bam, abaaMhlophe naBaMnyama. Aabo Bafundisi BaMhlophe Babethembile bona okokuBa andinakho ukungaBi nampumelelo. Inkolo yaBo yayiyeyokuBa amaAfrika la, nangani engafundanga nje, anakho ukuhlangulwa angene eluhlwinI waBasindisiweyo. Ndathandaza ke ngoko ukuba uThixo andincede, ndingaze ndibadanise.”

UAggrey wafika eDunkwa engumfana omhlana, ongondo iqabukileyo. Kuthe emva komnyaka, waBuyela eCape Coast, nakwindlu yaBaFundisi, efikisa kanye ebudodaneni. Wanyulwa waBa ngumncedisi kwisikolo awafunda kuso naye, waziphosa wonke ephela kwintlobo ngeentlobo zemisebenzi, kwiminyaka esixhenxe elandelayo.

IsiKolo saseCape Coast

Isikolo samaWesile esiseCape Coast, esaakhiwa ngo-mnyaka wer891, kwakuxa ngoku silikhaya lakhe.

Ubesakuthi abafundi bakhe Bangaphambili, xa afundi-sayo ubengaphefumli. Ubesakuzithi swe wonke ephela kwinto ayifundisayo, kubonakale ukuba ulibele noku-phefumla, ude umphefumlo uthi ju phakathi. Ubesakuphinda ke kwa khona, abuye atsalwé kanjalo. Ubesakuthi ngaxeja limbi athi cho incwadi yenkwenkwe, ayifunde ngobuphaku-phaku obungathethekiyo, ayitshize ngemfefa, itsho iše yinto emanzi. Loo nto ke eyenza nje, ulindele ukuba abafundi aña ma benje njalo naabo ukufunda kwaabo, bakhawulezise baxelise yena. Unga-mva esithi, "Kunjani, niyifumene?" "Qhubani, kha-wulezisani; kunokwenzeka ukuba nding, aze ndibuye ndinixelete le ndawo." Ubesakuthi ke umf' omkhulu, akudibana nomfundi okhawulezisayo, alidle ixesa ngaye; phofu engenalunonelelo lungakanani kwaabo bantloko zilukhuni nabazekelelayo. Wavakala esithi omnye wa-bafundi bakhe, "Kwak! Wayebetha umfo lowo!" Inxalenyenye yamakhwenkwe la awafundisayo ayemadala kunaye; aye ngeleba ada ayenzakalisa ititsala le, ukuba ayekhe abona nentwana encinane yokuthamba kuyo.

Ufuninzi bexesa alifumanayo emva kokusebenza wayeligqibela ekufundeni. Ngomnyaka we1894 simfumana ecela izifundo ezilungiselela iimviwo zaseCambridge. Ngaxa limbi, naanko efunda imibiza nemibane. Wayebafundisa abaFundisi isiFante, baze bona Samfundise isiFrentsi, isiLatini, nokusebenza kwengqondo yomntu. Wayengenasifuba kuya phi; othi amakhwenkwe, lawa akwizifundo ezisezantsi, awaxelete ngeemfazwe zika-Kesare kwelamaFrentsi, kwa nendlela ezisebenza ngayo iindawo ngeendawo zomzimba womntu. Kuwo onke amazwi esiLatini, akukho mazwi abewathanda nje ngamazwi kaKesare athi, "Ndafika, ndabona, ndooyisa." Wotsho ke umf' omkhulu, lihlahlambe elo qela alifundi-sayo yimihlali, kuña uza kuthetha ngayo le nto. Kuña

ngalo elo xesa, yena ngokwakhe wayesel' egxagxamisela ukuña aloyise ilizwe.

Uthe umlisela lo uqabukileyo waseCape Coast waseka iqela legubu namaxilongo. Utitsala uAggrey ufune ukuzimanya, koko ubuyilo bakhe engomeni abumvumelanga emaxilongweni. Wasel' esuka ke ecisa igutyanana elincinanana, ekuthiwa ngesiFante *yitanta-ba*. Akazanga axoliseke noko kukuba abe ngumbethi wegubu nje kodwa, waza ke kofo *butanta-ba* bakhe wazenzela igama elithi, *tantabulator*. Lonke elo qela, limazi nje ukuwathanda kwakhe amagama amade, lavuya lahlahlamba yile nto, lasele lisuka limnika elo gama, liña lelakhe ngonanini.

Abafundisi Beentsapho babsakuthi intsumayelo eziunyayelwe ezinkonzweni zamaWesile ngabaFundisi Bahkona, baziguqulele kwintetho yesiFante. Ibisakuthi intsumayelo yonke yenziwe kuqala ngesiNgesi, aze umncedisi ngoku ayiphinde, ayithethe ngesiFante. Zonke ke iititsala zazivumelene kwelokuña uAggrey uya zigqwesa ngokuyenza le nto; kuña yena ubenganele kukuthi ayikhumbule yonke intsumayelo, kwa nezacana ngezacana zayo, koko ubesakude ayityebise kamnandi.

Kubsonakala ukuña amaWesile asebenz'e apha eGold Coast iminyaka emajumi mane phambi kokuba enze inyathelo lokuwenzela amaFante iincwadi ezingentetho yawo.

Kubekusathi aphi isiNgesi singenakuqondwa, umFundisi womAfrika amane ukuyiguqula intsumayelo ngelo xesa iunyayelwayo enkonzweni. Kodwa kwesi sithuba umFundisi uA. W. Parker, umFundisi womAfrika, wayesel' eyiguqule iTesamente enTsa wayisa esiFante. Uthe ke umFundisi uJ. B. Anaman wamiselwa okokuña ayilonga-longe le ncwadi phambi kokuba ificilelwé, ekunye noAggrey. Bayiphengulula ke yonke bobañini, bahamba bezilunga-lungisa iindawo abazicingela okokuña

isiFante sazo Bangasihlaziya. Uthe kanjalo uAggrey wamncedisisa uMnumzana uAnaman ngokulungiselela incwadi yamaculo esiFante.

Ngalo eli xesa uAggrey wayesel' eyingalo yokunene kuMnum. uAnaman. Waſe uMnum. uAnaman lowo engumongameli weziKolo zeCawa eziseCape Coast, uAggrey yena engumbali wazo. AmaKristu aseCape Coast ayebonakala ngokungathi akholiwe okokuſa ubu-Kumkani ſukaThixo ſuza ngamalungiselelo afanelekileyo. Bathi ke ngoko baguqukela kutitsala uAggrey ukuſa abancedise. Weenziwa umBali weQela leThemba (abazili); umBali weQelana eliNcinane loBuKrestu; nomBali womBuſho waſaDlali besiXeko.

UmNinawa noDade

UKodwo Kwegyir wawondela ngokuzitſho amandla onyana wakhe ekwanden i kwavo, waanononelelo kanjalo, nangani wayesel' emdala kakhulu okokuſa angayiqonda eyona njongo abesel' ehamba nayo amadodana elo xesa kukulo. Kwakusiya kuvuleka ngokuvuleka isithuſa phakathi koAggrey noAwir, umninawa wakhe; yaya ikhula phofu yona imvisiswano ephakathi koAggrey nodade waſo, uAbonyiwa. UAbonyiwa lowo waye eyintombi ephambili kwiQela leemVumi zamaFante, enjalo nje waſa ngomnye kwaſokuqala eCape Coast ukusiyeka isinxibо apha esibinqwa esinqeni, athabathe isinxibо esisuka emagxeni sihlise—isinxibо ke eso esaya-lezwa ngaſaFundisi.

UAbonyiwa wayeneliso kakhulu ekuthengweni kwezinto ema zityiwe emzini. Ngamhla uthile weCawa, uthe uAggrey esaya kutya isityo sasemini kunye naabantwana ſakokwaſo, wamangaliswa kunene, waabuhlungu, kukuſona uAbonyiwa elila. Waſiza udade waſo omncinane

wambuza into aliliswa yiyo udade waabo. Kubonakele ukuwa, ngezolo ngomGqibelo, uAbonyiwa ebeze nentlanzi, evela nayo kwindawo yentengiso, eza kwenza ngayo isityo sasemini ngeCawa ; into leyo athe, noko uAwir aziBika ukulamba, esithi unga angakhe afumane intwana kuloo ntlanzi, akakhe atsho uAbonyiwa. Yalungiswa intlanzi leyo, 'suke kwale ngengomso, xa uAbonyiwa avela kwisiKolo seCawa, uya fika, ufika intlanzi ingasekho. Ityala layo yonke loo nto lathiwa nca tshitshili ekatini. Kusuke kuthi phezu koko, uKodwo Kwegyir aqabase esithi, uyithanda laa kati ngaphezu kwakhe lo mnakwaabo, kuba nanku engavumanga nentlanzi kuye, kanti koku aza kuyithi ngqi ngekati. Zivela apho ke ezo nyembezi. UAggrey wamnika ijumi leeSeleni udade waabo lowo mncinane, esithi ma kaye kumnika uAbonyiwa lowa, apheze ukulila.

Wasoloko engumthandi woxolo nomanyano. Wayengenakho ukuyinyamezela imbambano, kwa nalo naluphi na uhlobo Iweyanlukwano. Ubesuka athi, ukuwa loo ntoakanakuyiphelisa nganto, asuke aphume kubé kanye kuloo ndlu.

UyiTitjala eyinTloko

Zithe iititsala zesiKolo saseWesile zamana ukunyuyeka ziphuma, nganye-nganye, ngezizathu-zathu zazo, waya enyuka uAggrey, wada wathi, xa aminyaka imajumi maBini ubudala, waba sel' elilandela lowokuqala ewogeni. Kwa ngower1898, weenziwa intloko yeso sikolo. Zonke iimviwo zobuTitjala waziphumelela ngqe, kwathi kolona lokugqibela nolona lubalulekileyo lwezi mviwo, ngower1895, wee qaBavu, waba ngowokuqala phakathi kwenani elili19 elingenileyo ; waba kukuphela kophumelele kudidi lwesibini. IBunga eliPhetheyo lamvava ngeencwadi ezizezexabiso leg15. Isikolo sanyuka saya

kumgangatho ophakame kanga ngokuba umPhathi we-mFundu wathi, emva kokuluhambela ngamhla uthile, wagqiba ekuthini akukho sikolo sidlula esi kuyo yonke loo Koloni. Amanani asezincwadini ayesel' engaphezu kwama~~4~~00. Kwakha kwathi ngelinye ithuba yaphumelela yonke intsapho yakhe kwiimviwo engenele zona, akwasala namnye umntwana ngasemva.

Ibingummiselo azimisele wona ukuba amaxeja akhe okuphumla aye kuwaggibela kwizihlobo nje, ezingelilo igazi lakhe. UmFundisi uJ. B. Anaman ngoku wayesel' ehlala eSaltpond, indawo ekwisithuba esithile ukusuka eCape Coast. Kwathi ehlotyeni ngomnyaka we1896, uAggrey wamndwendwela. Uthe aphi wazonwabisia ngokwenza nemisebenzi eyona isezantsi, enje ngokuvuthulula iintuli ezincwadini, ukusula izihlangu—loo nto eyenzela indoda ayithandayo. Wayelapho eSaltpond, ukuziva kwakhe iindaba zokububa kukayise.

EmKhosini

Amaxeja eholide yeKresimesi eza nenguqulo ephongomisayo. UAggrey wathabatha inxaxhebana kwimFa-zwe yesiXhenxe yamaAjanti—ukuba kungade kuthiwe yimfazwe, loo nto kungazanga kudutyulwe kuyo nesithonga esinye. Umkhosi othile wamaBritani owawunamajoni aNtsundu wathunyelwa ukuya kulwa noPrempeh, ukumkani wamaAjanti. UAggrey wazicelela ukuba ancedisise. Okunene ke kwathiwa ma kafe seluCingweni lweenDaba. Umkhosi lowo wanduluka eCape Coast ekufeni kwenyanga yomNga, ngomnyaka we1896. Impi yoCingo yahle yona yaandulela, ilusbophelela ucingo emithini, aphi ivule khona indlela ematyholweni, iphathe kulugubuluzisa phantsi, ngogxagxamiso olukhulu lweemayile zombini ezinesiqingatha ngeyure enye.

UAggrey wahlawulwa isixhenxe esinesikispeni ngemini, ingumvuzo lowo angazanga awufumane ngaphambili. WaBonakala elungelwe kanye, engafumananga zinzima.

ImiThetho yomHlaBa

Kweliya laseGold Coast, umBuso waseBritani awukhanga uwuthabatthele kuwo umhlaBa, nje ngoko wenzi-leyo kwiindawo ezithile zeAfrika esemPuma-langa. Uthe ke ngoko umhlaBa wasoloko uhleli nje ngoko ubunjalo kakade, ezandleni zamaAfrika. Uthe kanjalo umBuso lo aweenza Bango kwizinto ezimbiwayo ezingaphantsi komhlaBa. Koko kuthe malunga nesi sithuba kwafika amaYuropu athile, afuna ubutyebi. Ayehamba ekhangela izinto ezimbiwayo. Aza ke athi, apho athe azifumana khona, athi xa afuna ukuvula imihadi, kwa-funeka athethane nenkosi ngayo loo nto ; kuBa kaloku zizinto zomzi. Kwaye kulula kwiinkosi ezo ukuyitengisa imihlaBa ; imnandi loo nto kuzo, kanga ngokuba maxa wambi isiqwenga esinye somhlaBa zisiphinda-phinde ukusithengisa kuBantu ngabantu. KwaBa kho ke kaloku ngoku ingozi eqinisekileyo yokokuba umzi lo uya kuphulukwa yimihlaBa yavo, ngenxa yezi zenzo zeenkosi. Enyanisweni kuthiwa kuthe, kusiza kuthi xhaxhe kumnyaka we1914, zaBe iinkosi zise zithengise umhlaBakazi ongaphezulu kwalo lonke elo zwe !

Ngomnyaka we1897, umBuso ulinge into yokuBa yonganyelwe nguwo intengiso yomhlaBa. Umthetho onje owaxoxwa eBungeni eliPhetheyo watsho amaAfrika awucingela kakuBi umBuso, kuBa esoyika ukuBa ngoku ke umBuso lo uza kuwuthabathela kuwo wonke loo mhlaba ungekasetyenziwa, kulo elo zwe. Kuyilwe ke umButho othile wokuwuchasa loo mthetho, kwa

nawo nawuphi na omnye ongabuyu uvele ufana nalowo.

UAggrey waña ngumBali waloo mButho, kwakha kwaalithutyana ebambe ngokomBali omKhulu. Ubesakuthi ke, ehamba nje, abe ephethe iphepha, ukuze babale amagama abo bonke abawuchasileyo loo mthetho. Kwakha kwathi ngelinyeixeja, ngesithuba esinga ngesemini enye, wahamba isithuba seemayile ezimajumi mathathu anesithandathu, esiya eMansu ukuya kuthumela ucingo olubalulekileyo lwamanzi, oma luye eLondon, ngenxa yawo umButho lo. Umhlobo wakhe, uAnaman, ngeli xeja wayengumHleli wephepha ekwakuthiwa yi-*Gold Coast Methodist Times*, naye ewuphumele susu umkhosi loo mthetho. Ubesemana emnceda ke uAggrey umhlobo wakhe lo, ngokubala iziqhazolo zeentetho eziwuchasayo. Wawa phantsi loo mthetho.

NgumΣicileli

Ngeli thuña, uAggrey wayesel' eyincutshe yomficileli. Babeth'e abafundisi baseWesile bamisa ilitye lesificlelo ngomnyaka we1895, waza uAggrey lonke ithutyana anokulifumana walichithela ekuwufundeni loo msebenzi. Ubesphatha kuthi achola-cholele imihlathi ephambili yephepha, ebalwe ngumnumzana uAnaman, waña enyanisweni engomnye wañaNcedisi bomHleli welo phepha liyi*Methodist Times*.

Uthe ngoku uAggrey wayindanga-ndanga kumawaabo ; wathenjwa sisifundisi naliBandla, ehlalel' ukuba ngumfundisi naye ngokwakhe. Waayinkaña-nkaña eCape Coast, kanga ngokuña naye athi, "Ukuña umnqwazi lo wam ndikhe ndawuthambekisela ecaleni, lonke udodana luya kwenje njalo." Way'ekwa yintloko yesona sikolo singaphaya kwezinye kule dolopu. Wayesel' emkhulu

ke umfo nangezizezinye iindawo. Kuthe kunjalo, nge-qubuliso elibhi, waziphosa phaya ezo mfumba zeembeko, waBasiya naBazalwana Bakhe nezihlobo, yekoko ukuya kwelasemzini.

Ngenyanga yenTlaBa ngomnyaka we1898, wemka ngomkhombe, ukusinga eMelika.

ISIQINGATHA II

E-MELIKA

Abany'abantu baphethel' imfazwe; thina saphethel' uthando. Abanye baphethel' intiyo; thina saphethel' ingoma. Abanye bagxulu' ingqumbo; thina sahlek' iziqhazolo. Inxenye incame kwaphela; thina sifike satemba.

"Iza kukufumana injá yomkhondo; akunakuzijiy' izinja ezikulandayo. Uza kuthi ni ke, Mdak' omnyama?" "Ezinzuwini zobusuku . . . sikyobe savuma ingoma, kude lee phambi kokuba abazalwana bethu abaMhlophe bacinge ngenqwelo yomoya, ingoma ethi, "Thoba kuhle, nQwelwan' eMnandi, Uze kundigodusa."

Indlela eyeyona yokucandisa kobi bomi kuku hleka.

Ndithi ndakujalelwu ngumntu, ndisuke ndincume. Aphi-nde ajale, ndisuke ndincume. Andikhe ndifumane ndimfumane ojala kude kube kathathu.

J. E. K. AGGREY.

ISIQENDU IV

UMFUNDI OPHAMBILI, NOMFUNDISI WABA PHAMBILI

ASIYIFUMANI into eyamsunduza uAggrey ukuba ma kaye eMelika ; akasiyanga nangxelo ibaliwego yaloo nto. Kubonakala okokuwa ubesel' enethuba engonwaabile, engaxolisekile. Mhlawumbi isizathu singawa sikumcijana wokwaliwa yintwazana; asazi. Kuqinisekile khona okokuwa wayenolangazelelo lwemfundo, ethe vetshe kunemfundwana eziba zinokumnika yona izikolo zaseGold Coast. Kubonakala okokuwa waqala wacinga ngokuya eNgilane ; 'suke kwafika apha eGold Coast indoda eyathi yamncedisa, waba uya fikelela njalo esigqibeni. Loo ndoda ke ngu John Bryan Small. Umnumzana lowo uSmall ngummi weziqithi zaseBarbados. Waña nethuba elithile apha eGold Coast, waza emva koko wasebenza engumBali womkhosi othile waseBritani eHonduras. Kuthe kulapho, waña ngumFundisi, ekuthe kamva waña yiBisopu yebandla eliyi*African Methodist Episcopal Zion Church*. Uthe ke, eyiBisopu njalo, wañuyela kwa seGold Coast, ngenjongo yokuseka umzi wesikolo apha. Weenza icebo lokuba athumele iqela lamadodana eMelika, ukuba liye kuqejeselwa umsebenzi weliZwi, oma uqhutywe eAfrika. Uthe ke uAggrey neqañane elikufuphi lakhe Saliphwa elo thuwa, koko Salimangala ekuqaleni. Baphindiwe Salinikwa okwesiñini eli thuwa ; uMnumzana uAnaman wamzama uAggrey ukuba le nto ayamkele ; nezinye izihlobo zacinezela ngokumncedisa

ngemali. Kude kwathi ngomhla wero kwinyanga ye-nTlaBa, ngomnyaka wer898, wangena enqanaweni, yekoko ukusinga eNgilane, nokudlula apho ukuya eMelika.

Emva kokwenza iivekana ezimbalwa kumzi kaBisopu Small, wadlula wasinga eSalisbury, isixekwana esicoceke kunene esiseNorth Carolina, ukuze angene kwiKoleji ekuthiya yiLivingstone, eyona iyimbalaSane kwelo Bandla lamaMethodist Zion.

Ufike uAggrey elungile kanye kunoninzi lwaBafundi. Akubanga safa kho mfuneko yakuBa yena abe esathotye-lwa kweziya iindidi zisesezantsi ; wathi kwa oko wafakwa kwezi iindidi zifunda isiLatini nesiGrike.

Kuyo loo minyaka imasumi mathathu yadlulayo, amaAfrika ayengekaqondwa yimiDaka yaseMelika, nje ngokuBa injalo nje ngoku. ImiDaka le yayiwacingela onke amaAfrika okokuBa zizinto ezingaphucukileyo, izinto nje zasendle. Kuthe ngoku, ngokumana ukufika kwamadodana anje ngooAggrey aabA, yeenza loo nto okokuBa aziguqule izimvo. Uhle wacaca uAggrey ukuba yena linene, zahle zamthanda nezinye iimfundi. UmOngameli womzi lowo wemfundo wamqonda ukuba uyile nto afanelwe kukuba yiyo umfundu ; unenyameko, unomonde ekufundeni, naye uziphethe kakuhle. WaBa ngumzekelo omhle, kwathi kungephi waBa ngonempe-mbelelo enamandla ekolejini, ngokubekiselele kwizinto ezelungileyo. Emidlalweni, hayi wayengento, engadlali nakndlala ; kodwa hayi ke, ngasekumemezeni ! Afa-fundi bezo mini basamana ukumlinganisa xa amemezayo, athi, " Umdlalo ! Umdlalo, makwedini, ningafekehthi ! "

Kwezaa zikolo zemiDaka, bathi aBafundi, uninzi lwaBo l'uvela nje kwimizi yamahlwempu, banyanzelwe okokuBa bayisebenzele imiqumo yaBo yesikolo. Ngakho oko ke zithi zakuphumla izikolo, baye kungena bona

emisebenzini eziintlobo ngeentlobo, enokuthi iBafanele. NoAggrey waBa kwelo qela, kufuneka liyizuze ngentsebenzo imijumo yesikolo. Uthe okokuqala weza nayo imali eyaneleyo, esavela ekhaya; lithe ngoku lakufika ixefja lokuphumla kwezikolo, lilide, lisusela ekufeni kwenyanga kaCanziše kude kuse ekungeneni kweyeDwaŋa, wathi naye, nje ngabanye, wangena entsebenzweni.

Kuthe ngethamsanqa, wathi kanti unento ayaziyo ngokusicilela, waza ke ngoko wafumana umsebenzi kwindlu yokusicilela yeBandla lamaZion. Waqala apha wazana nabahleli ɓephepha ekuɓe kusakuthiwa yi-Charlotte Daily Observer; Bathi ke abahleli aaɓo ɓamcela ukuba alibalele iphepha elo laɓo. Omnye waabio bahleli wabala ngaye esithi, "Umnyama tsu, kodwa ɓambalwa apha eMelika abanokusisebenzisa kakuhle isiNgesi nje ngaye. Ezibalwe nguye iincwadi zingena nje, zingakhanga zihlatywa-hlatywe."

Okunye wakha wabala izibongo, eziyinguqulo kwinte-tho yesiFrentsi, zisithi—

"UBUHLOBO.

" Konk' okwensiwe nguThixo
Kunentwana yelanga ;
Onk' amev' anentyatyambo yawo,
Nobusuk' obubí bunokusa.

" Kukh' iqund' emmangweni ;
Nesivun' entsimini ;
Naal' ukhozi emoyeni ;
Kukh' indlwan' etyholweni.

" Umth' unamagqaɓi awo ;
Yonk' inyos' inobusi ;
Il'iza linomgqumo walo ;
NchwaBa linesibaka-baka.

"Kweli hlabathi, xa okungaphantsi
 Kuvana nokuphezulu,
 Igatyana linentyatyambo,
 Nentliziyo inomhlobo."

Uthe uAggrey akuzifeza izifundo zakhe eMelika, wajongana ngoku nenkohla yokuba ma kagoduke kusinina, ukuya kwa seGold Coast. Angaba bethu uza kuba ngumFundisi kwelakowabo, okanye abe sel' eza kuqhuba kule koleji yaseLivingstone? Nokuba ukuyiphi na indawo noko, uya kuba esakhonza iBandla lamaZion.

Kufanele okokuba abaphathi beKoleji le Samzama ukuba ahiale, wada wavuma. Kunokuqondakala ukuba uBiopu Small waba lusizi, kwaza ke okwethuba elithile abavana noAggrey. Xa ngoku le nto se siyijonga iyinto ese idlule, asithandabuzi ukuthi walungisa uAggrey.

Uya Fundisa eLivingstone College

Kuthe ngomnyaka wakhe wokugqibala ekufundeni, kwagula enye yeengcungela ezifundisayo enguA. B. Johnson, waza uAggrey wayibambela. Ithe yakububa ingcungela leyo, kwanyulwa uAggrey ukuba abe ngumBali wamaGama nomBali weMali. Waye ekwafundisa kwizifundo ezithile.

Ekufundiseni ufike waduma kakhulu ngobuchule. Wayekwazi ukuvelisa eyona nto iyinto ebantwini, ebanika ingqondo yokokuba banakho ukwenza umsebenzikazi omkhulu. Wazigibisela wonke ephela kwinto yonke eyenziwayo apha ekolejini. Ube neminyaka ethile engumGcini-Ndyebo kumbutho wemiDlalo apha eKolejini, wathi kuloo malana yakhe ingekhoyo wamana ukuwuncedisa kunene umbutho lowo.

Ekubueni engumBali wamaGama noweMali, yaba kuye ke ngoko into yokwamkela imiqumo yabafundi, yathi loo

nto yamsondeza ukuba azane nomlisela weKoleji. Akabanga ligosa nje kodwa leKoleji; waſa nengqalelo enkulu kuſo. Wayisumayela Juſu into yokokuſa umntu ma kazame ukuzinceda ngokwakhe. Emva kweminyaka emininzi, wavakala esithi, "Andizanga ndivumele mfo ukuba amhlawulele unyana wakhe. Elowo umfana ma kazisebenzele ngokwakhe. Ndayenza mna loo nto, ngoko naſo banakho ukuyenza. Lihlazo nakubani na ukuya kubiza imali kumhlolokazi ongunina." Waſancedisa ke khona ukuba bawufumane umsebenzi. Kwa ngokunjalo, ubesakuthi umfundu ukuba uhlawula ngentumekelelo, koko okwethuſa elithile akaſa nayo intlawulo, ubesakufumana umhlobo kwa kumBali apha. UAggrey akazanga aſe namali iphi; kodwa wayesoloko ekulungele ukumnceda umfundu oqhuſayo.

Wayesebenza nzima, esoloko elindele ukuba abafundi baſonele kuye umzekelo. Ubesakuthi ngentsimbi yesibozo aſe sel' engaphandle ukuya kubiza amagama; ubesakubenza abafundi ukuba ma baſike ngexesa. Bebesakuthi abafundi uya liphangela ixesa eli, ngokuyibekisa phambili intsimbi yalo. Bebesakukhe bazame abafundi ukumbaqa efike mva endaweni, koko abazanga baphumelele naloo mnqweno. Bekusakuthi ke emva koñizo lwamagama kulandele imithandazo, kuze kulandele ke izifundo imini le. Ngokuhlwa ubeqhuſa imithandazo kanjalo. Imini le yena ubesoloko eyinxhale ngemicimbi, kanti noko abafundi abamnqwenela ngento baſemfumana lula. Imfundu yakhe iſimenza bamnike imbeko, nangokungakumbi kwinto yokuba kubonakale okokuſa le mfundo uthanda ukubacuntsulela naſo kuyo.

Ngelitʃhane, yaſa baſom obuxakekileyo yimisebenzi. Abafundi aaſa baſeng'amenzela nanto ni. Kukho owayebala ngaye esithi, "Impembelelo yakhe eLivingstone, apho wafundisa khona isithuſa esingaphezu

32 UM FUNDI OPHAMBILI, NOM FUNDISI WABA PHAMBILI
kweminyaka emasumi mañini, yayiyenqabé kunene, yaza
yafeza lukhulu ekongezeleleni nasekuxhaseni izinto
zentlalo-ntle nezonqulo, kuyo yonke ikoleji le."

UkuΣumayela

Ngenyanga yenKanga ngomnyaka we1913, uAggrey
wabekwa izandla ukuña aße ngumFundisi ozeleyo kwi-
Bandla leZion. Kukhe kwaayiminyaka ke, nje ngo-
kuvunyelwa kwakhe yimiseßenzi yakhe, eſumayela
kumabandla aabantu bęBala beso siThili. Waza ke
wathi ngenyanga yenKanga ngomnyaka we1914 waňa
ngumfundisi ophetheyo, ephethe amabandla amabini
alula, elinye liziimayile ezisibozo, elinye liziimayile
ezilijumi, umgama walo ukusuka eSalisbury. Bęksa-
kuthi ke ngeeCawa kusasa awahambele ngokubolekana,
elinye kule Cawa, elinye kwezayo, njalo-njalo ; ubesaku-
khwela kwinqwelwana etsalwa lihaſe elinye, aze ahlaňe
ngeenyawo xa iindlela zithe zaambi ludaka naziimvula.
Obu BuFundisi baba yenge yezona zinto zibalulekileyo
ebomini bukaAggrey. Bamthabatha bamkhupha ekole-
jini, bamenza ukuña aze kwazana nobona bomi bemiDaka
yaseMelika. Ngelo thuña ke lokuwathabatha kwakhe
la maßandla, ayesemva kakhulu, engekakwazi kubala
nakufunda, ephantsi, eseziimbandezelweni zonke zenzala
yamakhoboka, kwizithili zelo lizwe ezisemaZantsi. Ma
kuſe ke umfundisi waseKolejini uya kußenzela nto ni
aabá bantu balolu hlobo ?

Omnye wayo loo miDaka ingamahlwempu wavakala
esithi, " Le minyaka umFundisi uAggrey wayephakathi
kwethu, yeyona minyaka yayinenkqušela enkulu kuma-
bandla ethu. Kungada kumana kufika iincutſhe
ngeencutſhe, kodwa azifinci nto emkhondweni wakhe ;
saye nathi siya kusoloko sizama ukulandela wona."

Azitsho kakhulu loo maßandla, ngokuthi abe nengqakamba yomfundisi ongowawo, aqonda kanjalo ukuba, nangani le ndoda ifunde kangaka, ngokubona kwawo wona, noko iya kwazi ukuthetha nawo ngentobeko ethi khokço kuwo. Wayekuthanda ukumana ethetha naßantwana. Kukho amabali afana neli bali lokhozi,¹ awayemana ewaßalisela iiñtsatshana zemiDaka leyo, athi kanti loo maßalana aya kude aye kuchukumisa amabandla amakhulu eNgilane naseAfrika.

Ngaloo mihi, bekusakuthi kwiinkonzo zemiDaka kubé kho amavuso ezipheke-pheke. UAggrey ke wayelumke kakhulu kunokuña awachithe loo mavuso ; kodwa ubesakuthi alilawule elo vuso lithe laakho, alenzele indlela, eyona iya kuba luncedo. Wavakala usithi omnye umDaka, " Iintsumayelo zakhe zazisoloko zinesongo. Ewe, bezityeka kakhulu zinezigaqa, kodwa hay' isongo sazo ! " Ayikaßi kho indoda egqitha uAggrey ngokukwazi ukuya kuhlaßa imfesane ngeyona ndlela yokuyiphakamisa, kodwa ubufundisi bakhé baßuneemfundiso ezißanzi, obutsho iinyaniso zoßuKrestu ziye kunceda nakwimisebenzi yemihla ngemihla. 'Uqonde kakuhle ukuba isimilo soßuKrestu kuloo mazwe asisayi kuze sihlume nje ngoko bekufanele, bada abantu bábe bane-malana eyeyabo, ide kanjalo ibé iphumile ingqondo yoßukhoboka, bazuane nengqondo yoßuma-mhlaßa.²

Kukho ixesa elakha lathi inani lomlisela nomthnjana ophuma kwelinje laloo maßandla kaAggrey angaphandle, waya kuba ngabafundi kwiKoleji yeLivingstone, laya kufika kwifumi elinanye. Kukho omnye ke waabó bafana esinga singakhe sibälise ngaye apha. Uyise wayengumlimi onomhlatyana othile, ephantsi kakhulu ; ute lo mfana waangoyena usiya bonke abanye kweso

¹ Bona kwiphepha lc136.

² Bona isiHlomelo II, kwiphepha lc141.

sithili ngokupha umqhaphu. UAggrey wacebisana nabahali bayo okokuſa ma ithunyelwe esikolweni, isebenze kwindlu yokupheka yenenekazi elithile eliMhlophe. Emva kweminyaka elijumi linesibini isebenza, yaqabela kwisiganga esiphezulu semfundo yemvelo, ekuthiwa ukuñizwa kwaso yi*Bachelor of Science*. Ukanti nasemveni koko, ayiwusiyanga loo msebenzi woñupheki.

Bañengebaninzi abalimi abayimiDaka kwelo langase-Salisbury ababenemihlaſa yabo kakuhle ngalo elo xesa. Uninzi lwaſo lwalweyele zozololo ematyalen. Uthe ngoko uAggrey nezihloſo ezithile zakhe, baqala umButho wemiDaka, okokuſa uyincedisise. Yaba ngumþutho wokuqala wolo hloſo. Loo mButho wawusamkela imi-þumo kumalungu awo ; uwaboleke nemali ngenzalanephantsi, okokuze athenge izinto ezifunekayo kußalimi ; uze ke uthi, kuſa umþutho wona uthenga ngoßuninzi, uße nakho ke ngoko ukuwathengisela amalungu awo ngamanani asezantsi.

UAggrey waſa nemvisiswano enkulu naßathile abahlophie ſomzi lowo. Uvakele omnye waſo esithi, " Wayengumhloſo wam, endibe ndingamthemba ngemali kwa nje ngokuſa ndingathemba nobawo ondizalayo." Ngainaxa wambi neebanka bezimboleka imali. Okunye idolopu leyo ahlala kuyo wakha wayipha ngesisa amatye afunekayo ekulungiseni isithuſa seemayile ezintathu zendlela, kuſa nguye yedwa onomhlaſa, apho angafunyanwa khona amatye lawo ngokulula. Kancinane emveni koko, kwabha kho iindlavina eziMhlophe, ezicinga inkohlakalo, ezaya ekolejini apho, zisiya kuyigqogqa ngamatye ; 'suke enye kuzo ikhumbule ngesi senzo sikaAggrey, zathi nyefelele zemka zinge-nzanga nto.

EKolambiya

Ngomnyaka we1904, uAggrey wayekhe waya kufunda kwiYunesiti yaseKolambiya, kwelaseNew York. Yada yaphela gingci iminyaka esithoba engaphindanga ukuya kuqhuba izifundo zakhe apho. Oku kuqhwanta ke akwenziwanga ngumdintsi wamfundu ; kwaBangelwa kukuweleka kwemali.

UAggrey waziBonakalalisa apha ukuba ungumfundu olungileyo, onenyameko, oseBenza nzima. Abafundisi Bakhe Babexolisekile sisimilo sakhe, nayingqondo yakhe ukukhawuleza, nakukulunxanelwa kwakhe ulwazi. BekusakuBa futhi ekuthi ibe nguye yedwa ongumDaka kolo ludidi akulo, ahangane apho nomlisela nomthinjana othile, ongqondo ziphaphileyo, othi ubi nolwavela, uthiye kunene imiDaka. Kuloko uAggrey akaziqika-qikanga phantsi ukuba ma kunyathelwe phezu kwakhe ngeso sizathu ; nangelye icala, akagxuphulekanga ahambe ezifaka, nje ngoko usakukhe ubone abanye abantu abangemhlophe besenje njalo, ukuzigasa phambi kabantu abamhlophe, abamana ukuzicingela ngaphaya. Ma inconywe iKolambiya ngaloo nto, yokuba iincutshe ezifundisa khona zingazanga zikucinge ukwenza umda ngeBala lomntu. Bonke abafundi Bakhona Babekumgangatho omnye, nowaluphi na uhlanga. Wayezazi ke uAggrey ixabiso lakhe. Waziphatha ngaloo ndlelana ilumkileyo, waBa ngumfo apha othandwa ngumntu wonke, oseBenzisana kamnandi naBanye. Wazixwila iintliziyozabafundi nezaBafundisi, baye bonke Bemthanda nje, ngenxa yaloo nto ayiyo ; baye Bemhlonele ngenxa yamandla akhe engqondo, nokuwumela kwakhe umhlaBa awumeleyo. Inxalenye yaBafundi yaqala apho kuye, ukuze ibe nento yokwenza nomDaka ngokwendlela yomntu okwa nga ngayo. Ifike yaBona ukuba kanti,

kuhleliwe nje, akukho luhleleleko Iwanto engqondweni, olungamenza okokuba abe ngumntu ochunubekileyo kwabanye; nto ikhoyo isuke ibe yindibano yezinto ezininzi zobuntu, esuke yababophra ibablanganisa. Omnye wabasfundisi bakhe wakha wathi, ngenxa yamanndla engqondo yakhe, nangenxa yezinye iziphiwo zobu-fundi, wambalela phakathi kwesumi lokuqala ekhulwini labo bonke abafundi ab'aziyo, kwisithuba seminyaka emasumi mabini anesihlanu.

UAggrey wazuza lukhulu kwizifundo zakhe eKolambya. Wayenenzulu yomva-ndedwa; waye eyimbongi entliziyweni; waye enolwazi olubanzi ngobomi, kuba naseAfrika naseMelika uhlangene namabona-ndenzile anzima obomi babantu. Wada wafunda ukuthi, akubona abantu besilwa, anganeli kukudanduluka ngomsindo ngelithi, "Le nto ikhohlakele, ayifanele kwenziwa"; koko adlule nalapho athi, "Kuthe ni na ukuba abantu baghube ngolu hlobo?" Le mfundiso ayimenzanga ukuba abe nganeno ekulangazeleleni ubulungisa, ayiyibangelanga kanjalo intliziyo yakhe enobusele ukuba ibe lukhuni. Ifike yeenza nje ukuba agqale, aqokelele, azifunde iinyaniso zezinto, azilungelelanise; yatsho ke loo nto waanomva-ndedwa odibene neengqondo ezicacileyo, ayaba mva-ndedwa nje kodwa.

Ngalo lonke ke elo xeja, uAggrey waye engumsumayeli nomkhokeli wemiphefumlo othembekileyo. Ngabusukwazana buthile beCawa, emveni kokuba esumayele iintsumayelo ezine loo mini, xa agodukayo, edinwe isimanga, udibene nomfo enomkakhe, kunye nomnye osisihlobo sabo. Bafika bammisa, bamcela ukuba abancedise ngento, nangecebo. Wabathabatha waya nabo emzini wakhe, wathetha nabo kwada kwaasemva kwentsimbi yokuqala ebusuku. Wabasphelekezelela ke ngoku ukubagodusa; 'suke athi xa abuyayo, nqwakanqwa

nomnye waaba bafo Bangabali. Le ndoda yayimve ejumayela, ngoku ke ifuna ukuthetha naye ngobomi bayo, nezono zayo, neenxwaleko zayo. Emva kwengxoxo ethile, indoda leyo "yakhuphela konke," yaza yathi, noxa yayisisigantsontso esomeleleyo, inkulu ingako, yagoBa yalila ngokomntwana lo, xa okaAggrey azama ngoncedo lukaThixo ukuyifumayeza iindlela zikaThixo. Bema apho esitalatweni bexoxa "iiyure zontathu ukususa kwintsimbi yesibini, kwada kwaya kweyesihlanu ekuseni ; kodwa umoni lowo yena wasindiswa."

Kuthe ngoBusika Bomyaka we1921, waBa uAggrey ubuyela kwa seKolambya. Kuloko ekupheleni komnyaka lowo, kweenziwa isiggibo sokuba uAggrey makabuyele eAfrika ngaphandle kogaga abelufundela. Esi sigqibo salwaphula kakhulu uluvo lukaAggrey.

Ubonakele ebalela kuGqira uJones, ngomhla we19 kweyomQungu kumnyaka we1922, esithi, "Imini le, ingqondo ziya phala-phala. Ndithe ndakujonga exesen, ndafika iyintsimbi yesibini ebusuku, ndase ndisiya kulala. Ndaliva ixesa libetha intsimbi yesihlanu, neyesithandathu, neyesixhenxe ; hayi, ndancama ndavuka. Baye nobuthongo Bungehli, ngenxa yale nto. KuBa le nto itshayele awona mathemba am. Kuninzi obekungathi mhlawumbi kulahleke, okanye kuzuzeke, ngokuluzuza kwam olu gaga ; akungeze uba nalo nethuba lokuba ndikuchazele. Ngaphandle kwaloo msebenzi woBuKomisoni, le yeyona nto etjho yandomeleza ukuba ndiqhuba, yandenzo ukuba ndinyamezele le minyaka mithathu ndisezintlungwini zomzimba nezengqondo. Ngayo le nto umkam naBantwana Bam Banyamezele kabuhlungu, Bengakhalazi ke phofu, ukungabi kho ekhaya kwendoda noyise. Intsapho yam ikunyamezele ukwahlukana nezincoko zikayise ofike wanga lundwendwe ngoku endlwini yakhe, osel' eyinto ngoku ethi ihleli ibe iyibophile impahla, iminyaka

emithathu. Ude wakha wandibalela umkam kunye naabantwana, besithi ma ze ndingasiyi nayiphi na into, ndide ndilufumane olu gaga lobuchule, kuthiwa leleGqiqa lemFundu. Ngenxa yalo ndifike ndafsa lilolo. Andifuni kuze ndimke kweli lizwe ndingenalo ugaga. Luza kufuneka, kunjalo nje lufuneke ngamandla. Mhlekazi, Gqiqa Jones, ndithi andinakho ukubuyela eAfrika ndingenalo ugaga lwam."

Amazwi akhe ooyisa.

Ngenyanga yomNga, kumnyaka we1923, walungenela uviwo lwakhe, waphumelela kakuhle; nto se iseles kuperhela yincwadi ema ibalwe, phambi kokusba ugaga olo lwePh.D. athweswe ngalo.

ISIQENDU V

УБОМІ БЕКНАЯ

NGOMNYAKA we1904, uAggrey uhlangene noRosebud Rudolf Douglass, kwathi ngower1905 Batshata; yaňa ngumtshato olungeleleneyo. Baňenezahlukwano kakhulu, phofu Benazo iindawo ezininzi aňafana ngazo; kuzo apho kukho ukuthanda izinto ezintle zobuchule bokuzoňa, kwa nezeencwadi.

UAggrey ukhulele apho umfazi acingelwa ukuňa akanakulingana nendoda; naňantu aňafundileyo kwelo laseGold Coast, xa Satyayo esitheňen, Balungiselelwa ngabafazi baňo, baze ke bona baye kutyela kwindlu yokuphekela kamva. Yena ke wabona umahluko wezinto kulaa ndlu yaňaFundisi eCape Coast. Singakhe sizekelise ngento ayišonileyo ngenye imini: wathi umFundisi uDennis Kemp, esasuka endlwini yokuhlala; esaya kweyokusebenzela, engenamnqwazi, wanqandwa ngumkakhe; kuňa kwelo zwe kuyingozi ukuhamba elangeni ngaphandle kwesikhuselo. Kuthe ukujika kwendoda ngokukhawuleza, yatšo le nkwenkwe yathi nqa. Nge linye ithuba inkosikazi le yayifuna ukuguqula impahla ethile enzima yendlu. Umnini-mzi ucele uAggrey ukuňa amncedise; hayi ke, ayaňa nalutho leyo. Kodwa eyona nto yammangalisayo yaňa kukuthi loo msebenzi wenziwe ngamadoda, aþe umfazi ehleli nje emana ukwalatha. Yonke loo minyaka w,ayigqibela kwamFundisi, wayeso-loko eyondele le nto yomfundisi lo nomkakhe, intlalo

yaño. Kuye yayiyinto entsa, phofu ebona khona ukuña le ntłalo intle. Wazimisela ngoko ukuña woze naye amphathe ngolu hlobo umkakhe, ukuña woze atshate.

АбаNtwana

Kwisithuba seminyaka emihlanu kutshatiwe, бабесе беqathathu abantwana abazelweyo. Owamaziñulo yintombi eyazalwa kwinyanga yomQungu, kumnyaka we1907, yathiywa igama lokuba nguAbna Azalea. Owesibini iþe iyinkwenkwe ezelwe ngeyenTlaña, ngower1908, kwathiwa yona nguKwegyir, ithiywa ngoysis-mkhulu. Owesithathu iþe kwa yintombi, eyavela kwa ngenyanga yenTlaña, ngower1910, yaþizwa yona ngegama likanina, uRosebud. Kuthe emva kweminyaka elisumi linesithandathu, wazalwa untondo ngomhla wama24 kwa kweyenTlaña inyanga, ngomnyaka we1926, wanikwa igama lokuba nguOrison Rudolf Guggisberg.

Wayenenkolo epheleleyo uAggrey ekubeni imva-mbilini le iya zithabatha iimpembelelo zikanina kwizinto azenze zona, enzima njalo. Ubesakuthi ke ngelo xa, urike emphahla umkakhe ngezinto ezintle, ezinje ngemifanekiso eyolisayo. Phambi kokuba bamzale uAbna lo, wayesoloko efunda iincwadi kunye nenkosikazi le. Kuthe kanjalo ngoku xa kuse kujongwe lo wesibini, wema ekumfundiseni umfazi intetho yesiFrentsi; kwathi ekuzeni kwalo wesithathu kweenziwa amalungiselelo okuba umfazi ma kafunde iingoma.

Yaþa ngumzi owonwaþe kunene ekususeleni, oko uyise ebelapho. Intsapho le yakhe yayimhlonele ngoku kwesithixo, urike iziziqhazolo zentsini phakathi kwekhaya apha. Phofu wayengumfo oxakekileyo uAggrey, kwaza kwathi, okukhona iya iqhuña iminyaka, kwaþa kokuhona nengxakeko ikuhulayo. Babesakuthi abantu, xa

Bagqitha kulo mzi wakhe ekuseni, babone kukhanya ngaphakathi ; obungathi uvelile, umbone engqongwe ziincwadi, efunda, ebala. Kanti noko, akazanga ade axakeke ngohlobo lokuña angafikeleli phaya ebantwaneni. Ubungafika bexoxa ngancwadi ithile nomkakhe ; ufike emcengcelezela izibongo xa ahleliyo ethunga, apha the kutsho zibe yintambo izibongo zesiLatini nesiGrike. Ibisakuthi nayo inkosikazi ngelayo ixesa, izame ukuyifundisa indoda ukupheka, koko hayi, akuqhubelekanga nto kwelo cala. Ngakwicala labantwana, kwakusakuña kho imidlalwana eyenziwayo, kanti neemfundiso ezinzulu zazikwa lapho. Umthandazo womzi yayiyinto yemihla yonke. Babekuthanda abantwana aaba ukudlalisa nogyise lo. Uya bona ke, babemazi ukungalithandi kwakhe ibala elibomvu, ubone ke bechwechwa, beyiba iqhiya yakhe emhlophe yokusula ubuso, bafake ebomvu enxhowni ; bambone ke ukothuka kwakhe akuyithi kquthu enkonzweni, phakathi entsumayelweni, ebilile—ibakru-kquthekise loo nto. Babesakuthi kanjalo bakumbona ngathi ute kqubaxa apha phakathi kwekhaya, uve bebusula, okanye bevuma le ngoma ithi ;

“ Yithwesen i gezeitshaña
Loo Mvana iseTronen.”

Iqale ke iphele yonke loo nto ibikho, konwatyewe.

Iimfundi ezivela ezikolejini Beziwuhambelu futhi loo mzi, se unje ngekhaya kuzo. Bezinakuthi zakuyibona intlalo yolo sapho, zisuke zithi manga, zinqwene. Ubusakuva iintombi ezifundayo zisithi, zinga zing'aze zithi, ukuba zing'aze zitshate, zifumane amadoda anje ngo-Profesa Aggrey lo.

Kuthe kamva, xa ngoku uAggrey angasekho ekhaya, eneenyanga ngeenyanga emkile, wamana ukubalela umkakhe naabantwana iincwadi ezinde. Ukungabi kho

phakathi kwaabo kwaaba bhubunzima obukhulu kuye, enguyise nje. Wakha okunye wabalela uAbna weenje nje, " Ndiya luthanda usapho lwam ; esi sithukuthezi sokwahlukana nalo lixabiso eli ekufuneka umntu ahlawule lona, ngokutshata nale nto nisakuyibiza ngokuthi, nguNoBuntu." Useyivuyela impumelelo yalo usapho olo, ethatha inkxamleko ngezifundo zalo, agase ngaloo nto, abafunzele kwezingaphaya izinto.¹

UAggrey wayenamathemba okokuza baya kuthi abantwana aaBa bakhe bakuhula, baye kuye eAfrika, Sawuqhuzele kwezona ndawo zozuko umsebenzi wakhe. Okunye wakha wabalela umhlobo esithi, " Se ndinga ngangendizele isumi linambini lamakhwenkwe, nejumi linambini leentombi. Bendiya kuBafuna bonke ngabanye kulo msebenzi ungaka."

UAggrey ngumfo owayemthanda umkakhe kwada kwaya phi. Ubesakuthi ezincwadini azibalela umkakhe amkhuphelele kunene iingcingane zakhe ngaye ; emxelela ngemihlali ngokuphumelela kwakhe kwelo zwe ezintethweni azenzileyo ebandal, nokuhlangana kwakhe nasantu abadumileyo, nangezinto ezithethwayo kuye, enqwena nokunga nga ngelelapho naye, bazine kunye ezi zinto. Wobala esithi, " Zonke jimbeko endibaBalelwaza, ndizenza umnikelo kuwe, Rose, ndibulela uThixo kunye nawe."

Naphi na apho akhona uAggrey, uya kumva kodwa ethetha ngomkakhe ; ubeda athethe ngaye naxa akhoyo, afe umfazi ziintloni zaloo nto.

" Ndiv' int' embi "

Esidl Langalalen i wakha weenza isali lendlu yakhe, elaba luncedo kunene ; into leyo abengafumane ayenze.

¹ Incwadi awayibalela unyana ikwisiHlomelo III, kwiphepha le144.

Waye ekwisikolo esithile esikhulu kwiAfrika eseZantsi, waBafumana abafundi bethe ababi nambeko, Batsho nabafundisi beentsapho bahamba iziqhu. Wacelwa aphi uAggrey ukuBa ma kakhe enze izwi loncedo; wafika yena wakhala ngoxolelaniso, nobunye, nobuhlobo.

Wathi xa abalela umkakhe, "Ndathetha le nto. Uya kukhumbula laa mhla sathi, sihleli esithebeni sisitya, nodad' ethu nawe, ndasuka ndathetha into eyakukhathazayo? Ndandiyazi loo nto ukuBa ikwenzakalisile, kodwa ngokwelo thuBa ndandinokuzitsho okuthile, andaBa nakutsho ukuthi ndiv' int' embi yile nto. Kuthe ngokuhlwa, kwelaa gumbi lam, eliya lona liphakath' esazulwini, ndagqiba ekubeni ubudoda kule nto kuktaruzisa. Livele igwala kwa phakathi kum lathi, 'Thwethwa uye kuye ngoku asegumbini, umvuse, umxelele ukuv' int' embi kwakho.' Koko ikroti lathi, 'Hayi, umkhathaze phambi kodade waBo, kutyiwa; buyela kwa kuyo loo ndawo ke kanye, nje ngokuBa uYesu wathi ma Benje njalo abafundi Bakhe—eYerusalem, aphi uPetrose waxoka khona, aphi uYohane wafika walandela khona ekude, aphi uYakobi waBaleka khona wasaBa, eYerusalem aphi—iBe bishunqhina loo nto.' Yandigungqisa ubusuka Bonke le nto, ndizamana noku kuzitsho kwam, kwada ngoncedo lukaThixo ndazoyisa, ndazikhahlela. Ngoko ke kwathi ngexa lesidlo sakusasa—uya kukhumbula nawe—ndathi, phambi komlanyakazi wam lowo, ndazixela ukuBa ndiv' int' embi. Uyazi ukuBa wachukumiseka nawe yiloo nto, walila umlanyakazi, kukundiva ndithetha into ekuBe kucingelwa okokuBa andingeze ndize ndiyenze. Ukususela oko, andizanga ndiBe ndiBuye ndithandaBuze ekutatuziseni. Ndazikhahlela phantsi ngokwam—kodwa andingekuxeleli konke.

"Uthi kwathi ni? NdaBona amadoda eFwaqula kuBafazi Bawo, naBafazi bejezula emadoden'i aBo. Enye

ititsala eMhlophe, eyititsalakazi, yeza yandišamba ngesandla, isithi ma ze ndiyithandazele. Yemka yaya kuyilungisa loo nto. Waſa uya qhekeka njalo umkhence ; balandela naſanye. Aphelile ngoku loo maqela-qela, kusetyenzwa kunye."

ISIQINGATHA III
IIHAMBO E-AFRIKA

Ndicisa ukuba sisithethi, sithethela izwe lam lonke—iAfrika, iAfrika yam !

IAfrika iya ngcangczazla kukulindela ! Ndiya thandaza ukunga iAfrika, iAfrika yam, ingancedwa izinakane, ukuze ihle iyihabathe indawo yayo yobuzalwana nezinye iintlanga ; ize ithi, ngokungotholwa bubulumko, iziphakamisele phezulu kuThixo izandla zayo, ngokulikhonza ixesa layo nesizukulwana sayo.

Landizala elascGold Coast ; ngamana uThixo walisi-kelala. Umzalikazi wam oyintanda walenza idini lokundi-beleka ; iZulu ma limbuyekeze !

Kukaloku nje ndingomnye wezigidi ezimakhulu mabini zemiDaka nabantu abayinzala yaseAfrika, ehlabathini. Kukumi ukubabuzela, ndizame ukuba kongezwe umanyano nokuvisisana phakathi kwabo nabamHlophe, na phakathi kwabaMhlophe kunye nabo. Endinga kananjalo bangalinikwa ithuba lokuyiphakamisa iAfrika, ide ibaluleke ekukhonzeni, ikhonza uluntu.

Ndize kuzalelwa kwesti sithuba, ukuze ndibe linghina kule nyanso yokokuba abantu ma bazixine ngomsebenzi, bade bangasmani xesa lakumana bezicamanga bodwa iindawo aboniwe ngazo ngabanye, eli xesa basebenzela ilungelo loluntu. Ubuntumu-ntunu bam ndabufiya ekhaya ; ngoku ndiququzelwa ndizama imvano. Jokisanekundithandazeleni. Ifuneka kakhlulu imithandazo yeengcwele, ukuba indigcine xa ndisczihambeni zokuya kumazwe ngamazwe, ndize ndithi, ngokunakana iindawo ezihlekisayo, ndihlale ndimana ukuphepha ubukrakra bokucalshukiswa ngabantu.

Akunakuze ukukhwelezelana ukugxotha ngokukujonga ebusweni, kuba phaya emazantsi ezingcanjini zalo, kuzizimvo nje kodwa. Hlala ukuza bugungu. Ungabambisa kakhlulu iimpukane ngenyhbaba-nyhoba, kunangeviniga.

Ndidla ngokukhatlywa macalana onke, ngabamHlophe nangabamNyama. Kodwa yonke loo nto yinxalenye nje yomsebenzi endingawo ; akukho simanga kuloo nto.

J. E. K. AGGREY.

ISIQENDU VI

IHAMBO KWIAFRIKA ESENTEZONA-LANGA

KWINYANGA yomDumba kumnyaka we1920, uAggrey weenziwa ilungu leKomisoni enyuelwe ukuhamba iphanda izinto kuzo zonke izikolo zaseAfrika, ivavanye iindawo zokuBa zifundisa nto zini na ; zifundisa njani na ; zaye zinanjongo ni na ekufundiseni kwazo.

Wawuthakazelela kwa sentloko lo msebenzi wakhe mtsha. Kwakungengawo umnqweno nje kodwa, wokuBa eya kukhe abone ilizwe lakowaBo. Koko wavuyiswa yingcingane yoncedo engathi le Komisoni iluzisele iAfrika. Ubalele kumHlali-ngaphambili, uGqiqa uJones, esithi, " Ngathi kum eli lixeJa elityhulu malunga neAfrika le, ndaye ndikholelw ekokuBeni ,uya kusuka nje utsho quBudu, uyaange loo nZwakazi iLeleyo iyiAfrika, itsho ithimle, iphile koko kufa kwayo kwamakhulu-khulu eminyaka."

Indawo yokuqala yamalungu eKomisoni yaBa kuku-hambela izikolo, azivavanye. Ekuhambeni kwawo amalungu adiBana nezikolo ezithile eziyincamisa, kodwa kwezinye iindawo, abafundisi neetitJala zazizambalaza nzima ngokwamagoBa kanye, phakathi kweengxaki ezininzi ezinqabileyo ; Baye bemanu ukuBetheka ezi-ntswelweni zokuswela imali. IKomisoni yafumana luhulu olungalungeleleneyo. Yaye impazamo eyingozi eBibonwa phi naphi, iyile yokuBa usapho olu lufumane wanga yimiphanda nje engamakhobBo, ema igalelw

iimfundiso zelasenTsona-langa. Iincwadi, iincwadi, iincwadi, zizo zodwa ; kuncinane ukufunda ukulima, kuncinane okomsebenzi wezandla. Bazibona kakuhle ezi zinto ; yaye enye into abayibonayo, ngakumbi uAggrey, yaña kukuña mbalwa kwamantombazana afundayo.

ElaeGold Coast

Kuphantse ukuña kuthi, kwisitisi ngasinye sakwaloliwe kwelaseGold Coast, kuße kho umntu oze kuğuza ngo-Aggrey. Kuthe kwisitisi saseSekondi, ńamkelwa suju ligqiza lamaAfrika—angamagqwetha, iititsala, ababali eziofisini—bonke bevethe ngokwama Yuropu, bethetha isiNgesi. Ngoko kuhlwa kwaña kho imbutho yomamkelo kwenye yezindlu zeetylalike. Yaye loo ntlanganiso izele ngamaFante akuloAggrey, waza wakha walinga ukuthetha naþo ngolwimi lwaþo ; koko wathi kanti sel' ewalulibala kwanini, wasel' eqhuba ngesiNgesi.

Ngobusuku obulandelayo, inqanawa yaþo yayinxulumene nelo laseCape Coast. Kwakubonakala izihlweli zaßantu elunxwemeni phaya. Kwakuse kumnyama uku-hla kukaAggrey naßaþo, beßelekwa ukuya elunxwemeni, bephuma koodokolwana. Ukanti noho, baya kufikela kwinkungu nelanga yamaAfrika, yanga iphume yez'apho yonke idolopu. Izikolo zazo zonke iimvaña zonqulo zazilapho, ilapho intsapho yazo, ivuma iingoma, kubethwa amagußu, beqqakadula abantu. Kwafumana kwaangu-mqumbi omnye weenkosi nabantu, kuz'e kubuliswa esi sihandiba somFante wakowaþo. Amanye la amalungu eKomisioni akanakanwanga kakuhle ngoþo busuku. Bemka abantu noAggrey lowo, yekoko ukuya kuboniswa intsapho yakowaþo. Kuthe kanti ngoþo busuku kwa-kwenziwe isidlo kumzi womOngamel iwo Phondo lelizwe ; kwalindelwa uAggrey ithuba elide. Isuke impi

ahamba nayo yada yancama, yangena, yatya. Kuthe se kuthe qanaqu ukutyiwa, wagaleleka uAggrey, kwafika into ephelileyo ziintloni zale nto—wena wakha wambona umntswana wesikolo ofike se kukudala kungenwe. Uvakele esithi, " Ndiv' int' embi kakhulu ! Andibanga nakunceda, ukuba ndingaqala ngokuya kubona uma, ngaphambi kwayo nayiphi na into."

Ukusuka eCape Coast, iKomisjoni indulukile isinga kwibotwe lelo zwe, iAkra, umgama lowo weemayile ezili²⁵. Baye Beneemoto zombini neetroko ezikwa mbini. Bange Sangakhe Bamise eAnamabu, apho uAggrey wazalelwa khona, Benqwenela ukukhe Bathethane nenKosi, uAmonu wesiHlanu, Beba noko Bona loo nto ingaba yeyesiqingatha seyure. Zemiswa ke iimoto ezo mganyana ; kuthe kungathiwanga ni, kwabonwa ngoAggrey sel' ethatyathwa ngabantu, kungenwa naye kwindlu engekude. Zozololo ke apho, ada amanye amalungu la eKomisjoni ngoku abeka-beka, ethe futhu. Kuthe kungenini lee gqi igqiza elinoAggrey, sel' enxitywe waalumpentsu ngezesiFante. Intsapho yezikolo zase-Wesile yeza iyimikrozo, neeqhiya zibebezela, yafika yadwela kumacala omaabin endlela. Andula ke awe-Komisjoni ahamba phakathi kwaso, lithi iqela ngalinye lensesapho, kwakufikwa kulo, liwutsho tiphe, umHoBe woKumkani. Bathi ke xa isavunywayo loo vesi, kufuneke bekhe Bema. Kuvele ngoku amaxilongo negubu, waphindwa kwakhona wavunywa, wadlalwa, umHoBe woKumkani. Zibebezele zeenje njalo iiqhiya, kuvunywa ingoma yamasoldati ethi, " Tipperary," zamana ukudlula iindidi ngeendidi, zisiya kwindawo elungiselelwe oko, ngakumzi omdala wamajoni, apho kwakukho indawo ephakamileyo, eneeqhiya namasebe esundu. Ngaphaya kwayo le ndawo kwakuyingcwakaha yeenkosi nabalandeli bazo, zilapho iinto ezinkulu zezambuleli zakomkhulu.

Bonke aaña bantu baqokelelene apha ukuba kwamkela uAggrey ngokwekomkhulu, ukumamkelela ekhayeni lako-wabo. Akha athi la mañutho, kuthiwa yiAsafo, adlala ngokohlobo lwemfazwe; avakala amadoda nañafazi nañantwana ñebusula iingoma zelo zwe. Yathi xa izayo iKomisoni kweli ñala lomdlalo, yahamba iñuliswa ngala maqela-qela eenkosi. Kwathi kanti kuseza owona mseñbenzi wozuko, wokuñeka uAggrey kwiwonga eli-ñekeke kunene loñu *Kyiamc*, elalibañjwe iminyaka-nyaka nguyise. Wanikwa nentonga emnyama empuluswa, ivathiswe ngegolide, ukuba iñe lumphawu lwelo wonga. UmHlekazi ongumOngameli wapha izipho zegolide kwii-ndwendwe ezi, ezathi ke zona, ngaphandle kukaAggrey, zahamba zasinga eAkra. Wakha wasalela uAggrey, ukuba akhe agqibele umcimbi lowo, azolele nomhla wakhe wokuzalwa, ekunye nonina nezihlobo zakhe.

Uthe lo gama uAggrey avethe izambatho zoñuFante, wakha wawubekela bucala umnqwazi wakhe, lathi kanti ilanga elisuñu kunene liya zenzela, wagula. Uthe enjalo, wafumayela ngeCawa iintsumayelo ezine. Uthi ukuyincokola kwakhe loo nto, "Ndithe ngokunga andinge-wudanisi umzi, ndawuxelela umkhuhlane ukuba ma ukhe uthi xha usuku; okunene wañuya ngesilandu umkhuhlane ngomVulo." Kukho into eyimfuneko, awayalathayo ngencwadi kumtshana wakhe, owayenqwenela ukuba aße ligqwetha. Uthi ukuyibeka kwakhe loo nto, "Ndandigula iintsuku zontathu eCape Coast; lathi kanti liya gula negqira ekukuphela kwalo apho, lomntu oNtsundu. Kanti ayemaninzi wona amagqwetha endinge ndafumana elinye lawo, ukuba ñendilifuna; kwada kweza isine sonke ukuba kundilunguza. Akwaña kho nalinye lona igqira. Mna ngokwam ndicinga okokuña, nangani singangi angaphungulwa amagqwetha, kodwa siwafuna ngokungaphezulu wona amagqira. Kuloondawo andizanga

ndive nokuva ngeggiṣa lamazinyo, kwaye ukububa kwabantu kusoyikeka. Ukuṣa koze kuthi kuṣatshana ɓam kubे kho othile ofuna imfundu yobutitfala, nokuṣa yeoyoṣuggiṣa, uze undibalele; ndobona into endingamenzelayo."

Ukusuka apho eCape Coast, uAggrey waya eAkra. iΓuluneli, uSir Gordon Guggiesberg, yakha yamthanda-ṣuza; kodwa ngoku waqiniseka ziziphō zakhe, nangamandla akhe okuphembelela abantu bakowašo.

Zithe ezi hambelo zikaAggrey ezikolweni, nohlobo awamkelwa ngalo phi naphi, lwambonisa ithuba elihle kakhulu lokukhonza abantu bakowašo, yakomeleza oko kunqwena kwakhe, kokunga angafudukela khona. Yamonwašisa kakhulu into yokuṣa afumane ukuba abantwana abathathu, ababefunda kuye eCape Coast, ngoku se beziinkosi ezongamileyo, baye abanye abantwana bekwiindawo ezibalulekileyo zakwaΓulumente, abanye beziititsala.

Wakha wathi okunye, ethetha neΓuluneli, "Ucinga ukuba ndifanelwe kukuza ndize kunceda abantu bakowethu?" Iphendule, iṣuze iΓuluneli, "Ngandlela ni?" "Nangayiphi na indlela, mHlekazi. Nakuyiphi na indawo, apho uphethe khona, mHlekazi, ndingeza, kuṣa ndiqinisekile okokuṣa ungandinceda." Ngelo xeṣa ke kwakungekaši kho ndawo ikhoyo yokuṣa asebenze. Yathi kanti le ntetho iya kuṣa neziphumo zayo kamva.

ENijeriya

Kuthe ngomhla wesine kwinyanga yenKanga, abahambi ɓanduluka eGold Coast basinga eLagos. Apho uAggrey waṣa lundwendwe lukaPeter Thomas, isityebi apha somwesi womAfrika. Uthe ke, kunye nababio, ɓamana behlola izikolo. Kwathi kuninzi Iwazo, ɓafika

ikho kakhulu into yofundo lweencwadi, kodwa incinane into yokwenza. Ude wakha waya kwintlanganiso emenywe ngumButho ekwakuthiwa yi*Native Reform Club*, athe kuyo akafumana nto ingakanani yoBuAfrika.

Kuthe ngeCawa, uAggrey waſumayela kwizindlu ezizele zaxinana, ngaBaMhlophe naBaMnyama bezinye iimvaBa. Kuthe kwa ngentsasa loo ndlukazi yaseWesile iseTinubu Square yaphela cwaka. Uthi xa abalela umkakhe, "Ndazinikela ndiphela kuye uMoya, wada uMnu. uThomas yena, lo ndihlala kuye, wanga ubone umqhele ondithe jize entloko. Eneneni amandla enKosi avakala kuthi sonke ngokuphandle—kumagqwetha, kwaBaſafisini, kuBaſabali, kumadoda nakumankazana jikelele, abadala naBaſtsha, abBaMhlophe naBaMnyama." Wada wakha wamenywa nanguBisopu, uMelville Jones, ukuba aye kuſumayela kweyona nkonzipo hambili yaseTshetshi ngoko kuhlwa. Kwakukumhlana kuſumayela umntu ongenguye umTshetshi aphi. Wangena kunye naBaſavumi uAggrey, evethe ezaLapho. Ukhe waBaſuzwa ukuba, kodwa ukukhanya kwanele na ukuba angaBaona, xa afunda intsumayelo yakhe—ngokungathi ngumantu lo wakha waſumayela ejonge iphepha! Yayizele ingumthweBa indlu yenkonzo. Kuse ngengomso lonke elaseLagos lixokozela ngezo ntsumayelo zakhe. Ubalele kumkakhe esithi, "Iphendulwe imithandazo yakho. Zingisa eku-thandazeni. Ma sizingise ekuzithoBaeni; kuninzi asa-Bibekela khona uThixo."

EDuala kwakukho imVaBa yonQulo oluzimeleyo IwamaAfrika, olwathi Iwazahlula apha kuBaFundisi. Wakha wadibana futhi uAggrey naBaſo Bantu, wathi ngokuthetha-thethana naBaſo, ngendlela apha yakhe ekwaziyo ukungena engqondweni yomntu, waBaſuzuza ukuba Baſathembe, wada waBaſondeza kwesona simo sengqondo yomKristu. Kuthe kule ndawo kwa nje ngakwezinye

iindawo, amaAfrika athi ukuziphatha kwawo ngakuye, wanga ngumkhuluwa wawo. Kuɓe kudala ehleli wona ephuphelela izinto ezinokwenziwa ngumAfrika, nento anokuɓa yiyo; aɓona ke apha kuye, okokuɓa naanga amaphupha awo ezalisekile.

Uthe uloliwe xa adlula kwezo ntaɓa zeAngola, omnye weKomisyon wamxelela uAggrey ngemihla awakha wayi-hamba loo ndlela ngeenyawo, wathabatha iiveki zontathu kolo hambo, olu namhla Salugqiba ngeeyure ezimasumi maɓini anane. "Wahleka, xa aɓalisa ngokuwa nezinye iinzima ngeenzima awazifumanayo, phambi kokuba alufeze olo hambo; wahleka, wazenza izinto nje zentsini. AɓaFundisi aaba ke ngamadoda anjalo." Ude wakha wabala ngomnye esithi, "Ma kubे ngenene kukho ikamva elihle eloyifikela iAfrika, xa aɓaFundisi aɓanjalo bayा ɓengena ezintliziyeni zabantu aɓaNtsundu, ngoku-velana naɓo, nangokucingisana kunye naɓo, kwa ngo-lwimi lwaɓo. Ndayiqonda ke imbangeli yokokuɓa umFundisi azincame kangaka ngenxa yaɓo, nokuthi amalungelo aɓo awaphaphamele ngolu hloɓo, asebenze ejonge loo mhla bayा kuthi naɓo baba nobomi, baba naɓo ngokuzalisekileyo: *Uya bathanda.*"

ISIQENDU VII

ITHAMBO KWIAFRIKA ESEZANTSİ

UmjikeLo kaAggrey kwiAfrika eseZantsi waba nempumelelo engummangaliso. Kungaanzima ukuyikholwela ingxelo yakhe ngawo, nje ngoko ibalwe kwiincwadi zakhe, ukuBa ezo zinto be zing, aBaLiswa nazizilumko zamadoda anje ngooPrincipl Henderson waseLovedale, uGqiça uC. T. Loram, ilungu leKomisoni emiyo yemi-Cimbi yaBaNtsundu, nanguMnu. uJ. D. Rheinallt Jones, umBali kwiYunivesiti yaseJohannesburg. Iziqwenga zoko aziyi kufumana zidlule.

Esinye seziphumo zohambelo lwakhe eΓawutini saba sesokusekwa kweBunga lemVisiswano phakathi kwaba-Mhlophe namaAfrika, ukwenzela ukuBa kusondelelane ezi zizwe, zixoxe ngeengxaki ezikhoyo kwaBaNtsundu, kwa nezinye izinto ezimana ukuhla ngakuBo. Ngaphambi koko, kwakukho into ababesithi ziimButho zamaLungelo aaBaNtsundu ; koko ezi yayiziimButho zaBaMhlophe ; abesuka umntu oNtsundu amenywe ngaloo mhla.

UAggrey wayithetha wayibandezela into yokuba amaAfrika nawo ma kabé nelungelo lokuzingenä ezi mButho, azihambe iintlanganiso zazo ; wazama nokokuBa ma kubé kho ilinga lokokuBa kungene abaNtsundu abase SeqhuBile ngengqondo. Okunene ke maninzi ngoku amabunga anje, amiselwe kwiidolopu ngeedolopu zase-Afrika eseZantsi. Umsebenzi owenziwe ngala mabunga, ukuqhuBa ezi ngcamango ziyincamisa zikaAggrey, zokuBa

kusetyenzwe kunye, waſa ngowexaßiso elikhulu. Ziya qhuſa ngokuqhuſa ekuluncedeni uluvo lomzi ngokubanzi, ukuſa luwajonge amalungelo onke ngokufanayo, awaſaMhlophe nawabaNtsundu, kwa nokwenza ukuſa abaNtsundu bazuze izindlu ezizizo, nemivuzo eyiyo, kuſe kho nemidlalo nezinye izinto ezifanelekileyo, zokuhambisa amaxesa okuphumla.

UmXolelanisi

Ukuhla kwakhe enqanaweni eKapa, uAggrey uſike wehlela kwizwe leemfazwe, apha oMnyama noMhlophe Bachizene khona ngokoyikekayo, ngaphezu kwayo nayiphi na enye indawo apha ehlaſathini. Uthi, " Ndayingena la ndawo emva kokuzingisa emthandazweni." Umntu wasemzini, onje ngaye njeya ukungaſi namava nge-Afrika eseZantsi, akangebi nakho ukuſaxeleta abantu aaba, apha bangayifumana khona indlela yokuphuma engxakini yaſo. Koko uAggrey uthi, ngoſulumko obukhulu, wamangala ukuthetha phandle ngezinto zoombuſo ; nangani baſebaninzi ababemcenga ukuſa ma kathaſathe icala kwezo mbambano, wasoloko yena emangala. Uſike wamisa-misa iindlela zokuhlala okukho. Ubesakuthi xa athetha ngomntu oMhlophe, atſho ngentetho elungeleleneyo, aze ayimise kwa ngendlela intetho engomntu oNtsundu. Ubekumangala mpela ukulwisa olunye uhlanga kolunye ; owona mſeſenzi ebekuwo yena iſikukuguqula izimvo zomnye ukuſa ziſe ntſe ngakomnye, basebenze kunye, ukuze imigudu yaſo iſe nesiphumo esisiso. Ibinjalo eyakhe intſumayelo. Isimilo sakhe ngokwaso ſiſe sithetha ngamandla, sitethela abaNtsundu, ngaphezu kweentetho zomlomo. Imbonakalo le yenqqu yakhe iſiſeſenza okukhulu nayo, ukuſa aphumelele.

Ibingaziwa kakhulu into yokuba uAggrey lo ngumntu wobu Sukumkani baseBritani, lwaza ke ngoko olu tyelelo lwakhe lwabangela ukuba amagosa athile aKomkhulu eli lizwe oyike, ukuba ayeyazi ingozi esel' ikhe yeensiwa yile miDaka ivela eMelika. Kodwa akubanga kade ukuba amthembe, kawahle kwacaca ukuba uAggrey angalenzela eli lizwe lasemazantsi eAfrika laa nto uBooker Washington wayenzela elasemZantsi eMelika—ukufundisa uhlanga ngalunye ukulubeka olunye. Kolu tyelelo lwakhe lufutshane kangaka, weenza iintetho ezilikhulu elinamanci omabini. Kwathi kanti kokukhona asaza kucelwa ukuba akhe enze ithutyana. Umqondiso oqini-sekileyo wokuba babemthembile, kukuba wada wacelwa ukuba abe ngomnye weencutshe ezifundisayo eFort Hare, kwada kwathenjiswa nokuba womana ukutyelela iindawo ezithile, xa athe waanethuba, aze ngakho oko asincede isizwe ekusebenzeni kunye.

Wakha uAggrey wathetha kwiKomfa yaba Fundisi neeTitala eyayiseTekwini, kukho nabaMhlophe. Watetha nje iyure yaanye; 'suke intlanganiso ayakha itsho ukuchithakala, yaquba kwakhona enye iyure. Ngoko kuhlwa kwaba kho enye kwakhona intlanganiso, nangemini elandelayo yaaziintlanganiso. Yasuka ngoku yatshela kuye yonke le mpi, abafundi nabafundisayo. Hayi ngoku, Iwajika olo tyelelo Iwaba ngumtyhu-tyhu-mezo omnye wekomfa. Bonke babesithi ma kabuye, aze kuhlala phakathi kwabo. Uvakele omnye weKomisjoni esithi ngokuhula, kungade kuliwe, life nelizwe, ngubanga uAggrey lo, kubambene amazulu namaFante.

UAggrey wathetha amaxesa asithoba. Uthi omnye owayelapho, "Yaye intetho nganye, ayenzileyo kweso sithoba, izele ngamabali, ukanti akukho bali wakha waliphinda. Asuka aba ngummangaliso, elinye emva kwelinye, atsho abantu bamanu ukuhleka, Sephatha

kulila. Enyanisweni, waBa li polo-lo Lokuthetha elalingazazi lona ukuba linjalo. WaBaLisa ngeminyaka emasumi maBini ngqungu awayigqibela eMelika. Utjo waBuza esithi, waye eyenzela nto ni loo nto yokugqiba iminyaka engaka efunda ; abuye aziphendule kwa yena, esithi, ' Ndizilungiselela ukuze ndibe yincutshe nase-Zulwini.' Kwenye intlanganiso wakha wavakala ngathi ungenwe BiBuzwe, wavakala emana ukubalisa ngezinto ngezinto akha wamana ukuhlangana nazo apha ezi-nqanaweni nakwezinye iindawo, aliphethe ibali ngalinye ngokuthi, ' Ndandisuka ndinge ndiphambene, xa ndicinga ngayo loo nto.' Bathe kaloku ngoku abeLungu Baxhalaba ; koko uthe esawagigithekisa amadodana lawo kamnandi, wathi jike, waBuza wathi, ' Niya yazi kodwa into ebisuke iphantse ukundiphambanisa ? Yile yokuBa isizwe endisiso sithe, s'inayo yonke igolide, namalahle, neentsimbi, ziphantsi kweenyawo zaso kanye, zaza kuvunjululwa nqabantu abamhlophe, thina singazanga sakhe nanqanawa, naloliwe, nasakhiwo singakanani.' "

UmFanekiso wakhe

Uthe eGawutini wadiBana noGqiqa, uC. T. Loram, owabala wamchaza-chaza esithi :

UGQIQA uC. T. LORAM ubalela uGQIQA UJESSE JONES.

" 16, *Tshaz'iimpuzi*, 1921.

" UAggrey uyiyo kanye yonke loo nkcazelu ubuyichaza ngaye, nangaphezulu. Ndikhe ndada ndamnqala-nqalasa ukumkhangela oku emagxeni apha, ndisithi akangebi uphuma amaphiko obungelosi na ; kuBa mna ndingazanga ndayibona ingcwele enjeya yomfo. Mfo ! Loo ndoda indifundise ngentobeko kaKristu, ngaphezu kwayo

nayiphi na enye indoda. Ndiya yiqonda ngoku le ndawo ithi, abathobekileyo baya kuwudla ilifa umhlaBa. Iittlekisa ngeentlekisa nezigculelo, ezenziwe kuye ngenxa yebala lakhe, zisuke zeza kuchukumisa mna kunaye. Uthi uAggrey, 'Ndisuke ndincume, nje ngoko bendisakwenza eKolejini, ndigqibé ngelithi, bibusara obu.' Ngasekuthetheni khona, yincamisa. Ude aqwele xa axikixwa ngemibuzo ngabaaNtsundu. Eneneni yindoda kwaphela, endingathandayo ukuba ndithi ingumhlobo wam."

Wakha wathi uAggrey, ethetha namfo uthile ongumba-leli wamaphepha : "Le nto imacala maBini ; inxalenye yaBaMhlophe ayinakuqonda, ayinaluvelwano nathi, ngo-kungasazi ; ndinga ke nawo kwa nathi, singanyamezelana. Le nto iyinkquBela-phambili yinto ethatha ixesa ; bendingathi ke mna kungalunga kanye kukhe kwasekwia iqumu, libe naBantu bala maBala omaBini, Bahlangane, Baxoxe nayiphi na imicimbi enokuthi ibe kho. Yakha yalingwa le nto eMelika, yaphumelela nciam. La mandla, afumane afunjwa kuBantu abaaNtsundu, angabaa ngumthombo woButyebi obukhulu kule Afrika iseZantsi. Aye ke la mandla efanelwe kukuBa apolwe, asetyenziswe, ngengqegeo nemfundiso esesikweni. Ingathi le nto ikhe yeensiwa, ndiziva ndiqinisekile mna okokuBa ingaliphakamisa kakhlulu eli lizwe. Okwakaloku khona, umntu oMhlophe ma kazole anyamezele. Isizwe samaBritani sisso esilawulayo ehlabathini apha, kodwa kuyimfuneko ukuba siqonde ukuba la mandla aso aphethe umlandu neemfanelo ngakwizizwana eziphantsi kwaso, esimelweyo ke ngoko kukuBa sizifeze."

Wenje nje uGqiJa uLoram, ebala ngeehambo zakhe noAggrey eNatala nakweziya iziPhaluka zaBaNtsundu :

"KwaanqaBa ukumfumanela indawo koololiwe nase-zidolopini. Phofu ke noko amagosa akwaloliwe wona ayelunge kanye, ekholisa ngokuthi uAggrey amnike

indawo yakhe eyodwa. Wayengenakho ukusiwa kwindlu leya kutyelwa kuyo, kwafuneka ukuba ma katyele kwa kwelo gumbi ahlala kulo. Ndaphawula ukuba abaphathi aaba bokutya afandulanga bamnanze nganto ngakumkhangelela izinto azifunayo ; koko, ngenxa yembeko yakhe, nokuzithoba, ma ndithi nangenxa yokupha kwakhe, babonakala se fennonelele. Nto nje yamkhatazayo kukungawafumani kakuhle amanzi okuhlamba umzimba. Ikakhulu lakhe uAggrey ibikukuthi ahlambe umzimba wonke kañini ngemini ; oku kwesibini ebesakuwenza ubusuku se buhambile. Ubeyinchathu ekutyeni, esela la kanonkala amanzi, okanye ke ibe yintwana ethambileyo yekoko, abe ke engapheze ndawo ngasekuhlambeni, nasekuqubeni. Ubesakuthi, ' Nina baMhlophe ninakho ukumana nisela iti nekofu, kuña uhlanga lwenu lwayiqhela ; kodwa akunjalo kolwakowethu. Intwana yeti nokuña yekekofu engeze inenzakalise nganto nina, mna ingatsho ndingabi saña nakusebenza nto.'

" Senze iintlanganiso ngeentlanganiso, engasathandi ngako uAggrey ukuba ndibe semqongeni, aaziswe ndim. Ebantwaneni ubesuka ange ubanyangile ; kubantu aba-Mhlophe ubehlekisa, enombizane, enobunzulu ; kubantu abaNtsundu ube ezicacisa izinto, enobuciko, evuselela igazi nengqondo. Ubenesisele sonke samañali, abesakubethelela ngawo eyona njongo akuyo. Amabali akhe, nezacana zakhe zokuthetha ezivuthulukileyo, zisakhu-njulwa nanamhla oku ngabaNtsundu. ' Akusayikhumbuli into esayixeletwa nguAggrey ? ' Satsho esinye isithethi esiNtsundu ngenye imini ndisivela. ' Yicele into oyifunayo ; thatha leyo ufumana yona ; uyisebenzise le uyifumeneyo ngoħlobo lokuba bade sakunike eyona nto ufuna yona.' Ubekuthanda ukuzihambela izikolo emini apha, aze ngokuhlwa abe neentlanganiso zañaMhlophe, ezivumela nañaNtsundu. Kuze kuthi ke

ngoku, emveni kwaloo ntlanganiso yangokuhlwa, abaNtsundu bainthaBathé uAggrey baye kuBa neyeyabo ngoku intlanganiso beBodwa. Bezisuka zithi kum ezi ntlanganiso zinge zeZona ziBaluLeke ngakumbi. Inxalenyé yaBaNtsundu yayinoluvo lokuba noko uAggrey lo uya zithandekisa nje xa athetha kwaBaMhlophe. Kodwa Bamangaliswa kunene Bakuqonda ukuba naseMakhayeni abo ufiKe wathetha kwa ngoluya hlobo ebethetha ngalo ezintlanganisweni zesidlangalala ; iintetho ezinje, ' Yibani nonyamezeló, musan' ukuncama, musan' ukucaphukela mntu ; zamani ukuba nizifanele izinto ezilungileyo, zaye izinto ezo zilungileyo ziya kunizela.' "

UbuGaJa !

Uthe ngexesa awayesePretoriya uAggrey, kwehla esinye sezo ziganeKO abesakuthanda ukudla ubuJa ngazo uAggrey. Ngamhl' uthile, wayenamcimbi ubalu-lekileyo anawo nomBali wemiCimbi yaBaNtsundu. Unge angakhwela ebasini, wathotywa, ntlaka-ntlaka, ngumphathi. Ujunge exesen'i lakhe, wafumana ukuba se kusele imizuzu emaJumi maBini ukuba abe lapho ; ucinge noko ukuba ma kangambambezeli umntu ongaka. Unge angahlaba ngeenyawo ; laye ilanga lingaseJu ngako ; ukhulule ibatyi, waBaaleka. Unge angabaleka iimayile enye, waphinda wee k̄waqu exesen'i, waqonda ukuba akayi kuBa nakho ukufika ngexesa. Ubonakele ethabatha iteksi, yambla iiJeleni zontlanu. Uthi xa ayibalisayo le nto, " NaBu ke ubuJa apho Buhkona : kuthe ngoku, xa ndiBiza iindleko zam kwinXhowa kaPhelps-Stokes—uyazi ke nave ukuba yinxhowa yomntu oMhlophe—kwafuneka ndiBize iiJeleni zontlanu, apho nge ndandibize iipeni zaane, ukuba ndandivunyelwe ukuba ndikhwele ebasini."

Wakha wathi ngelinye ixesa, "Zithimbe iintšaba zakho, uzikhahlele ngothando; uze uzigcine izihlošo zakho. Baphambene aaba Bahamba Besumayela ukuthi, iAfrika ma iše ye yeyama Afrika. Ungathi ukhe werna wedwa, ungasuka ubuye uye kweyela kwa kwinzonzo bila yobumnyama. Le nto siyiyo, nale sinayo, siyizuze ngaabaFundisi aaba. Mna lo ndazalwa ndingumhedeni—andinantloni ngayo loo nto—kodwa ukuša Babengatha-nга aabaFundisi Bandifune Bandifumane, nge ndiba mhlawumbi ngoku ndiyinto eba fazi Bama sumi-sumi. Nge ndiba ngoku ndizenza isilo ngeziselo ezinxilisayo; nge ndiba ndiyinkosi, ehlonele weyo kambe ngabantu bayo, kodwa nge nding, azi nento le ngeencwadi zika Shakespeare, ngezinto zemfundo nezolwazi, kwa nangeenDaBa eziLungileyo. Asinakho ukuthi ngaxeja nye sisukele iziyolo zenyama, size siše siya funda. Yiša namfazi mnye qha. Naantso indlela endabugcina ngayo ubukhali Bengqondo. Akukho siLatini nasiGrike sinokusisindisa—kwa nobuchule Bemilinganiso nezibalo Bung'anqa-tyelwa; nguYesu yedwa onokukwenza oko."

Iintlanganiso kwakhona

Yaša nkulu inkonzo ayenzayo uAggrey kule Afrika iseZantsi, kanga ngokude izihlošo zakhe zigqibe ekubeni zikhe zimgcine ezinye iivekana ezimbalwa. Ubesakuthi apho asinge khona, kuše yinkungu nelanga; ama Afrika aye kumphulaphula, aza akwamkela ukuthetha kwakhe emthembile. Luthe kaloku ngok'uya lunwe-nwezelwa udaša olungaye, angena kaloku nama Yuropu afuna ukumva, kwaša kho neentlanganiso ezizezawo odwa.

Kwakha kwathi kwenye intlanganiso, sathi isiBonda seDolopu samxelela uAggrey ukuba noko asiyi kuhlala kakhulu, kuša sinomcimbi obalulekileyo. Wathetha

yena uAggrey, watsho ngomtywaßulo weeyure zombini, zaphela ngqungu zombini, usiBonda yena esahleli zothe !

Enye yeentlanganiso zakhe ezibalulekileyo yayiPhejeya kweNciba. Uthe apha uAggrey ekufikeni kwakhe wa-hlangatyezwa liqela lamaAfrika. Wona ke ngelawo ayelindele ukubona ikhakhalala lendoda, into ejonge ngeentsimbi, into ezwi lingaka ! 'Suke abone umDaka ofana kwa nawo, othozamileyo, onobusele, okwa nga ngabanye abantu nangesiqu ; yaye inxalenye isithi nobunxhathu bokwa kho. Hayi, akaña yiyo kanye le nto wona ayecinga ukuba unokuña yiyo umntu osishandiba esinje. Koko abuye aziguqula izimvo zawo akuqala ngoku ukumazi ; athi hayi, yinzwana !

Uthethe uAggrey iyure yaanye. Uthi owayelapho, "Kuthe kweso sithutyana, sahleka, safunda izinto ezintsa ; kwaphela ukuthiyana, sazuzana neentliziyo ezintsa, enyanisweni ma ndithi, sasuka sazalwa ngokutsha. Indoda engathi, iphulaphule uAggrey ethetha, ibe imke ise kwa yilaa nto ißiyiyo, kungathiwa loo mntu sel' engaphaya kokuncedwa, okanye aseleba ulufincile lonke ulwazi."

NgeCawa uAggrey usumayele phandle, ethetha kubantu abaliwaka linamakhulu mahlanu. Uthi omnye umAfrika, "Wena uthetha ngeemfundiso ? Hayi, ayinto leyo. Into thina esifumene yona phaya sisuke sathwetylwa. Iingcingane zozuko zisuke zazithi nxhale iintliziyo zethu, safikelwa ngumoya apha osuke wanga usiphakamisele phezulu, waya nathi kwentsa impepho ; sakubona ukundiliseka kwezi zinto ziqhelekileyo zoñu ñomi. Indlela aziñeka ngayo izinto uGqiqa uAggrey inomtsalane, waye esuke athi laa nto ubuyazi kakade, uyibalisa futhi-futhi kwa usengumntwana, ange uyihlaziye wayenza into entsa."

Omnye umAfrika wenje nje ukuyiquka intsumayelo kaAggrey kubantu ñakowaño : kuya funeka ukuse-

Benzisana koMhlophe noNtsundu ; akangekhe umntu oMhlophe abe nakho ukumgcina umntu oMnyama uku^{ba} ahiale eseludakeni, kanti akalapho naye ngokwakhe eludakeni ; abamnyama ma bayeke uku^{ba}thiya abamnyama—asinguye wonke umntu oMhlophe okhohla-keleyo ; abantu abamnyama ma bafunde ukuzinceda, bangaziphelisi amandla ngokumana bejunge uncedo oluza luvela phefseye.

Kuthe ekupheleni kukaCanzi^{be}, uAggrey wa^{bu}yela kwa seLovedale, eDikeni. Kwakuthe ke, mzuzu phambi koku, kwa^{ba} kho isiphendu apha eSinaleni. Abakhle batsho abafundi ukuyenza into ababethunywe yona ; kwada k watshabalala nezinto ezithile. Kwakuxabene abafundi na^{ba}fundisi ba^{bo}, Bahlulelene na^{ba}odwa. UAggrey weenza uku^{ba} kuxolelwane !

Ngosuku lwer⁴ kwinyanga yesiLimela, umOngameli weSinala uHenderson wamema bonke abafundisi bentsapho, neengungela zonke zaseLovedale nezaseFort Hare, uku^{ba} ma ziye kwimbutho eyenzelwe olu ndwendwe Iwabo ; ama Yuropu odwa aba kumasumi omahlanu avisayo, ama Afrika ekumasumi omabini. Zithe kamva iitishala ezingama Afrika zamenzela uAggrey intetho ebaliweyo yazotywa, wabulelwa kunene nguGqi^{ja} uHenderson ngomsebenzi awenzileyo. UAggrey wabala ebuncoma kakhulu ubusele abenzelwe apha.

Undulukile emva kweentsuku ezimbini, ehamba ne-nGungela uJa^{ba}vu eso sithuba side kunene sokuya eMonti, seemayile ezimasumi osibozo anesibozo. Ku^{be} kubi kuAggrey ukwahlukana nalo mhlo^{bo}. Wahlala eyicinga into yokubolekwa nguye idyasi apha engqungqululu enkulu, xa aya kwizwe elisanda kakhulu lase-mThatha ; nento yoku^{ba} wathi, ngoko wayelundwendwe lwakhe eFort Hare, wacwasuza kuhle uJa^{ba}vu ebusuku, esiza kweli gumbi alele kulo uAggrey, eza kumthi bu

ngenye ingubo ezinyaweni. Akazanga azilibale uAggrey ezo nto zinjalo.

IziMemo

Eluhambeni elwandle uAggrey wabalela umkakhe esithi, " Ndice ngoGqira uLoram ukuña iQumru eli-Lawula iKoleji yañaNtsundu eliseAfrika eseZantsi, ligqibé ngakunye, nangesiqhazolo semihlali, okokuña ma ndibé yenye yeenGcungela ezifundisa apha kuyo. Abandinxhamele ngako bona ; se Benga ndingaba lapha kwa kule nyanga yomDumba ezayo, kowe 1922 ! Kha ufumane uyicinge loo nto ! Ungaphaphathei—inGcungela ! Le nto ke ayikalungiswa ; uGqira uLoram usaza kubonana neBamba lenKulu-mEuso, okaMalan, ukuña afumane imvume kuye, ukuze ke ngoku isicelo esi sibe semendweni waso."

UGqira uLoram wayesekuloo malungiselelo, ukuze aze kuva nje ukuña okaAggrey ugqibé ngelithi ma kamkele isicelo saseAchimota, sawa phantsi esaseFort Hare ; le ndawo sobuya siyikhankanye kamva. Kukho kambe abathi uGulumente weAfrika eseZantsi akamvumanga ukuña aze kufundisa apha. Kanti ke ayithandaBuzeki yona into yokokuña, ukuña uAggrey wayethe wasamkela esi sicelo, ngewayevume lula uGulumente ukuña ma keze.

Wathi esendeleni yolwandle esiya eNgilane, yabe ininzi into esengqondweni, enje ngeziganeko zezi nyanga zidluleyo ; oku kucelelwa ubutitsala Bengcungela ; ensicelo kanjalo seYunesiti yaseFisk kwelaseMelika ; nesinye kwa khona isicelo kwelaseNijeriya. Wada waBonnakala ebalela umkakhe esithi, " Lonke eli xeja, ndisuke ndaziva ndanga ndizelwa lungaka, ngokomntwana lo uzalelwe ukumiselwa."

Waya kufika eSalisbury emva komnyaka wonke ahlu-kene nentsapho yakhe.

ISIQENDU VIII

IHAMBO KWIAFRIKA ESEM PUMA-LANGA

UTHE uAggrey ezifeza nje izifundo zakhe eKolumbiya, echaza nezinto ngezinto zesimo saseAfrika, echazela izihlwele zaabantu abamhlophe, kwaabu kuqhubeka iziganeko ezißaluleke kunene. IngXelo yeKomisoni yokugala yemFundu yayise itsho zathi phatsha iiGulumente nabafundisi. UGulumente wamaNgesi ngokungakumbi yena waabu phambili kwizinto zemfundo. IimButho zaabafundisi, iinto zona ezikade zibunyamezele ubunzima nobususu benni, zaqala ngoku zaabubona ubukhulu bomsebenzi wazo izikolo, kwa nemfuneko yokußa zibanikele abantwana imfundu efanelene namaAfrika kanye, kula maxesa enguqulo ekhawulezileyo yezinto. Zombini ezi ndawo, ooGulumente nabafundisi, zaqala zaabubona kaloku ngokucacileyo, ukußa imkhulu, nobungxaki, bawo umsebenzi wazo ; zaqala kaloku zeenza amacebo okußa zisebenze kunye ngemvisiswano.

Ngomnyaka we1923, kwavunyelwana ukußa iKomisoni yesibini ma ihambele elasemPuma-langa yeAfrika. UGqià uJones noAggrey baabu ngamalungu ayo. Yaya ke iKomisoni leyo yaya kuhla ejibuti ; elo ke lizißuko lamaFrentsi kwelaseSomali. Yemka apho ngololiwe ukuya kutsho kwelamaAbisiniya, yafika yaphumla apho, okweveki enye, iphuma ingena kwibotwe elo kuthiwa yiAddis Ababa, yamana ihambelana noGulumente kwa nezikolo zaabafundisi, icebisa.

Ude wañonakala ebala uAggrey, esithi, " AmaAbisiniya aþonise ukundithemba okukhulu. Aya ndiþanga nokundiþanga, ethetha nam iinyiqi ezingeze zithethwe mntwini uMhlophe." Ayekwa kho la amfuna ukuba abuyele eAbisiniya okweminyaka ethile, elungelelanisa iSeþe lawo lemFundo.

EKenya

Ijikile ngoku iKomisoni yaya kutsho kwa seJibuti naseMombasa, isinga eKenya. Apha þajongene nobungxaka-ngxaka obuninzi, ikakhulu zibangelwa kukungavisisani kweendidi ezintathu ezingabemi Belo zwe, amaYuropu, amaIndiya, noyanga-yanga olukhulu lwamaAfrika.

Ubukho þukaAggrey kuyo le Komisoni kwaþa lunchedo kumaAfrika, atsho aanethemba, amxhasa ngohloþo oluqondakeleyo. Ma khe sithi, eMaseno wavana naþantu þaseKavirondo ngohloþo angeze walufikelela umntu oMhlophe. Waþoyisa cace, þamana ukumlandela bemthembe ngokuþukekayo. Kude kwathi, kwa ngesicelo sawo, wahlangana namaqela aamaIndiya, eNairobi nase-Kisumu, þazixoxa kunye ezawo iingxaki.

EluGanda

Ukusuka eKenya iKomisoni imke ngololiwe nositemele ukuya eluGanda. Kusuku lomGqiþelo emva kokufika kwakhe, undulukile uAggrey, esuka eKampala, yekoko ukusinga eMukono, ukuba akhe aye kwenza iintsukwana zokuphela kweveki kwiKoleji ekuthiwa yeyesiKhumbuzo seBisopu uTucker. Waligqiba apho eKolejini, walithi tu, onke ithutyana aþenalo, ekunye naþafundi aþamasumi mahlanu, aþamxina kunene ngemibuzo. Ngentsasa ye-Cawa waþumayela kuloo nkonzø yaseKolejini apho,

kwindawo ethi, "Ndiya kuhamba ngawo amandla enKosi uThixo." Kuthe emva kwemini, waJumayela kwinkonzo yomzi lowo. Yazala yaphuphuma, kuBa abafundi baBese Belusasazile udaBa lwentsumayelo engummangaliso kaAggrey. Abafundi Bafumana Baasisigcume esingqonge umqonga lo. Yaye inkosi edume kunene yelo zwe, uHam Mukassa, ethe ngcu njeya, emana encuma xa uAggrey amana ukuthaphulula izinto-yinto. Kwa lapho kwakukho igqiza lamakhwenkwe esikolo, elilikhulu linye linamanci omahlanu; aylekwa lapho namadoda kwa naBafazi Bomzi lowo. UAggrey ke wayelithanda kanye iBandalia elinjalo. Emva kwemini, ubesakuthi xa asakhululekileyo emseBenzini, udodana luze kuthi ngunga luthetha naye. ,UBe ungambona ke umf' omkhulu ehleli evarandeni eyongamele idolopu, ewaceBisa amadodana ukuba angaliyeki liphuluke ithuba lokufunda, athi kanjalo ezi zinto azifundayo wona aziqhube entlalweni le yawo yemihla ngemihla; aze ngaphezu kwakho konke oko, amkele uKristu ukuba abe Yena sisazulu sento yonke yawo, entlalweni yasekhaya, embusweni, nakwizinto zamajisini. Ubesakumana esithi, "Nasakudinwa kukufunda; akukho mntu unqandwa Bubudala ukuba angafundi. Ewe, ningeva ngamanye amaxesa ama Yuropu esithi uThixo akafuneki nganto kuni; kanti akukho nto iyiloo nto. AmaAfrika akanakuphila ngaphandle koThixo."

Ngamhla uthile ngokuhlwa, wathetha kwintlanganiso yemibutho ngemibutho eyayidiBene kwindlu enkulu yokufundisela usapho. Weza ambethe isinxibo sango-kuhlwa; kanti siro kanye aza kucacisa ngaso, xa athetha ngento ayithanda kunene, imvisiswano. Wavakala esithi, "Ndithi xa se ndinxibe ngokuzeleyo, nje ngoko ndinjalo ngoku nje, ndiqonde ukuba ezi ngubo zam zimnyama azikafezeki, xa ingekhoyo ikhala emhlophe nehempe

ekwa njalo. Ngakho oko ke, ibala eliMhlophe neli-Mnyama amelwe kukuña ahambe kunye."

Kwa ngendlela ehlekisayo, wañabonisa ukuba abantu ßaseluganda ßafanelwe ngamagama amahlanu anje esinGesini—*grit, glow, glue, gold, God* (isimilo, ukuvuka, itywina, igolide, noThixo). Uvakele esithi, "Ewe, siya funana. Angathi amaYuropu ekhe athi ngomso lo emka mpela kweli laseluGanda, amaAfrika angabaleka abe zizantanta, ade angene naselwandle adade, athi wambi ababe, enqanda amaYuropu ukuba ma kañuye. Angathi kanjalo namaAfrika ekhe afuna ukumka, angenza kwa loo nto amaYuropu yokuwanqanda. Ngakho oko, Baza-lwana, liya funeka itywina."

Enye intwana yomGanda enguM. K. Parma wammema uAggrey ukuba akhe aye emzini wakhe. Kwahanjiswa iziphungezelو, waza ke wakha watsho ngentetho emfutjhane echukumisayo, eßalisa ngeßali likaElija nomfazi waseSuneme. Uthe, "UGehazi lo wacinga kakhulu ngembeko yakhe, kunomseßbenzi wakhe. UThixo akayi kuseßenza nto ngathi, ukuba abuyisele abantu baKhe empilweni, side senze nje ngoko uElisa weenzayo; silale phezu kwaßo, umlomo ubé semlonyeni waßo, amehlo ethu abe semehlwени abo, nezandla zethu ziße sezandleni zaßo."

Enye indodana yaseluganda, enguK. L. B. Kisasonkole,¹ ithi, "Xa athe ubani waßazi ubomi bûkaGqîja uAggrey, ukutyhileka kwentliziyo yakhe kumntu wonke, nohlobo Iwakhe lokonwaßisa, nobuñara abenzayo xa kuhlekiswa ngaye egculelwa, angaqonda okokuña le ngcingane yendibano epheleleyo imtyhutyhe yamgqiña bonke ubomi bâkhe. Kweyakhe yena ingqondo, ubuza-Iwana, obu bâbantu, yejona ncopho yezinto. Uya yinakana into yokuña ihlaßathi eli libanzi, libanele bonke abahleliyo.

¹ Bona iphepha le147.

" Abantu baseluGanda bamamkela ngokomzalwana oyena uyinkulu, nofundileyo, noyena unamava okuba angaBa yinkokeli. Bamthemba, bakholwa yinto ayithayo ngokuthe ncam, nangokupheleleyo. Imbonakalo le yakhe ifike yatsala abantu beemvaba ngeemvaba, naßeentlobo ngeentlobo zokuzijonga izinto ezi. Amehlo la akhe ahlaßayo, ekhazimla luthando novuyo, nolo ncumo lwakhe lulolomAfrika kanye, lumtsho athandeke. Umfo uzithobile kanga ngokuBa afikelewe nalusapho olu lwesikolo, luye luthethe naye, nokuBa intethwana yalo yesiNgesi yaphuke kangaka nanina. Egumbini lakhe lokulala, abanye wofika behleli phezu komandlalo, inxenyi ihleli phantsi, baze abambalwa bathi ngcu ezitulweni, aße ke yena ethe qaßavu esazulwini sabo, ethetha naßo ngentetho elula, ebalinganisela ukuze bonke baße nokuyiqonda into ayithethayo."

Kweyesibini iCawa, uAggrey wayeza kußumayela kwityalike enkulu kunene yaseNamirembe, eliBotwe leBisopu. Indlu yazala ncwe ngamawaka amathathu aabantu, yaye into eninzi imi ngaphandle. Zaye zonke iimvaba-mvaba zilapho, amaKristu angamaRoma nangeengawo, amaSilamsi, abaHedeni, bonke bæbelapho. Wa-thabatha kwa intetho yakhe ayithanda kunene, engentonga esandleni sikaMosesi. Umnum. uKisosankole ubala athi, " Kungaanzima emntwini ukuyilibala intetho kaAggrey, emi phaya, ememeza nga ngoko lingako ilizwi lakhe, ejiwula iingalo, ezolula, ezisingisa ngapha nangaphaya. ' Yinto ni na leyo isesandleni sakho ? Bubukumkani na ? Buphose phantsi. Sisikolo na ? Lisißini na ? Yinkonzo yekhaya na ? Yiphose phantsi ; waye uya kumangaliswa zizigigaBa anokuzenza uThixo ngayo.' " Emva kwemini, uAggrey usumayele kwityalike yaßaMhlophe, kukumhlana kucelwa umAfrika apho.

Kwahlanganisana into eninzi yaßantu kwizißuko

elithile lase Victoria Nyanza, ukuza kubulisa uAggrey. Inxenye yaabantu yabonakala ise intywizisa ukunduluka komkhombe. Ubonakele uAggrey elekuza ngomnqwazi, ethetha elokunduluka, esithi, "Nakukhumbula, baza-lwana bam—uthando, nokusebenza. Ukuza kukho bani othi amaAfrika akanakho ukufunda, namsa kukholwa ! Mxeleleni lowo ukuza umzalwana wenu onguAggrey unentwana ayifundileyo. Nd'ijongeni ezinwelen' apha, niqonde ukuza ndingomnye wenu ! Ndiya qokela, ndithi —uthando, nomsebenzi. Kamnandi ! "

KwelaseNyasa

AbaFundisi ngabaFundisi—abamaSkotshi, abamaBulu naBamaNgesi—bavumelene kwelekuza uAggrey usiye uphawu olwendeleyo kwinqondo zaBaNtsundu Belase-Nyasa. Kwaaba bantu kwakha kwaBamangalisa oku, ukuthi umntu oMnyama ahambe naabantu abaMhlophe, bekwisiganga esinye. Bada bamcingela ukuza noko ukwa ngumntu oMhlophe, kuloko uqatywe waamnyama. Komnye umZi wesiKolo, kwaBonwa ngenkwenkwe eyayiyalelwé ukuza imkhonze, ingavumi ukuya kungena yodwa egumbini lakhe lokulala, imana ukuthi xa iya kulo ibize iqabane, ukuza lihambe nayo. Kanti kubé kho titsala ithile yayo le nkwenkwe, ethe ngokuphosisa yaxeleta abafundi bayo ukuza abantu bakuloAggrey babefudula bezizidla-bantu. Le nkwenkwe ke ngoku izama ukuza ibé nenqhina, xa ithe yabulawa yatyiwa. Akayihleka ngako le nto uAggrey.

Noko ke zonke ezo ngcinganana zimbana zingaye zihle zaphelela emoyeni. Kweza amawaka-waka aamaAfrika ukuza kumbona nokumva—iinkosi nezibonda zahamba izithuza ezikude ukuya kuloo ndawo akuyo. Amandla entetho yakhe aba makhulu, kanga ngokude abaFundisi

Sanqatyelwe kukuzivala iintlanganiso ; ziße zide ngamaxa wambi zigqiße neeyure ezine nangaphezulu.

Kubantu baseNyasa kwaňba kukutyhilelwa kwento entja. Baňona kuye into baňaba yiyo abantwana baňo, emveni kokuba bona se bengasekho. Waňba yimbalaňa kwa ngoko kwaňbaNtsundu. Baňesithi baňumbaona ngathi usenesithuba, uňabone ukuza kumřawula kwaňo ; zathi ke ngoku iintetho nezenzo zakhe zaayinto ekuthethwa ngazo se kukudala yena wemkayo.

KwelakwaMzilikazi

KwelasemaZantsi eRhodesia, uAggrey wahambela umZi wesiKolo samaBulu, esiya kwintlanganiso yeBunga leTyalike. Nalapho, kwa khona, amaAfrika achukumiseka abeka-beka ngenxa yakhe. Baňengazanga baňbone umntu oMnyama ofana naye, yaňba ngummangaliso kuňo into yokuňba baňbone ukuňba kanti umAfrika unakho ukufikelela kuňulumko obungakaya, nemfundo ekwa ngako. Uthi omnye, "Ameħlo aňo ayemlandela naphi na apho aya khona, aze xa athethayo, uqonde ukuňba se bekhamisile, ukwamkela amazwi aphuma emlonyeni apha wakhe."

Ithe ngoku iKomisoni yathaňbatha uhumbo lokuya kwiRhodesia eseNtla. Umfo awahlala uAggrey emzini wakhe apho, ubala athi, "Saňba nomqokozo ongaphele ndawo, waňantu aňafikele itafile yethu, beze kuňahlanga-ńbeza aňeKomisoni. Eyona mbunguzulu yaňba nguGqiňa uAggrey. Umfo lo ulinene kwaakanye. Imbeko yakhe yaphawuleka kumntu wonke osondelelene naye. Xa athetha ngabaNtu wova kodwa esithi, 'aňantu ſakowethu.' "

Endulukile emaNtla eRhodesia, uAggrey uthe ngqo wasinga ezantsi kwakhona, etyhutyha elakwaBulawayo,

nelaseLawutini, yekoko ukusinga eTekwini. Ngomhla wamazo kweyesiLimela, yena nomFundisi uDougal Bakhwela enqanaweni eya eNgilane. Inqanawa leyo yamisa iiitsuku zombini eKapa, waza uAggrey waya eStellenbosch, ukuya kuthetha neemfundi zamaBulu. Ubala ngolo hambelo athi, " Kwakha kwathi kuqala kwaalucongco, kodwa kuhle kwanyisilika." Mhlawumbi kwakumhlana kuthetha umAfrika kwaabo bantu. E-Kapa wathetha kuManyano lweeTitsala eziMhlophe zelo Phondo. Ugqithile ke waya kutsho eNgilane, yekoko ukugoduka ukuya eMelika.

Lwaphela apho uhambo olukhulu. Esinye isahluko sobomi BukaAggrey sivaliwe apho ; kuza kuvulwa ngoku esona sokugqibela.

ISIQINGATHA IV
E-ACHIMOTA, NANGASEMVA KOKO

IAfrika ilungelwe yeyona nto iyinto, qha.

Ndinga bonke abantu bakowethu, abantu bezwe lam, abafazi namadoda, bangafundiswa ngeyona ndlela ibanzi, kufundiswe entliziyweni, nasezandleni, nasengqondweni, ukuze ke ngoko imveliso yezinto zomoya nezengqondo nezamafisini, eveliswa yiAfrika, ibe nexabiso elikhulu, nga ngokude ibe yinto ekusuneka ikho ehiabathini eli.

Ndiya nqula ukunga angathi uThixo amane ukundi pha ukuzithoba, ukululama, nobulali kwezize zam izinto, kodwa ndikhaliphe ngokwengonyama, ndibe nobuqili obunje ngeleye lenyhangana, kwa nenzondelelo engenasiphelo, xa kufikwe ekusebenzeleni indibano yobuKristu, ukuphaka nyiswa kwesizwe sam, kwa nasekukhuseleni intsapho nabafazi.

Akwaba abaFundisi aaba bonke babekhe bayifundiwa ialjebra, kuba ngayo loo nto bebeaya kufunda ukuba into engafunekiyo inokukhulshwa ngokusaka enye into esikhundleni sayo.

Ukuba uthé waya eAfrika, unolutho ululindeleyo kuthi, waza wasinika ke ithuba lokuba sikwenzele ulutho olo, singakutsho uthi manga.

Ngalo eli xesa, kweli lizwe, ndiya nqwena ukunga iAfrika inga "phucuka", ingasuke ilinganise imikhwa yobuTsona-langa; ize kanjalo loo mpucuko ibe yeyobuKristu. Sifuna impucuko yobuKristu, ize ke loo nto, xa idibene nemfundiso eyona iyiyi kwezakowethu, ibe ngumnikelo wethu oqinisekileyo, onikelwa kwimpucuko yezi mini.

J. E. K. AGGREY.

ISIQENDU IX

UKUQALEKA KWEACHIMOTA

InDawo entsa yomSebenzi

Kuwo onke amazwe aseAfrika, eli laseGold Coast lelona lalise lilungele isikolo sohlobo olutsha, oluhle kunezo zikhoyo. Ijisini lelo zwe lalise lande ngokungumma-nagaliso, ngenxa yoþuninzi bekoko. Kwakuse kuyiminyaka ingenelo yemali idlula kwinkcitho; baye ubutyebi þabantu budlule nakuyiphi na iKoloni eyiyimbi yasenTsona-langa yeAfrika. UГulumente wakhona ke ngoko wayenayo imali yokuxhasa izikolo, abantu bona þeyilangazelele imfundo. AmaAfrika ayekhululekile ezweni lawo. UГulumente waseBritani wayesel' ewuvakalisile umnqweno wokuþa ancede, anqothole.

Ithuþa eli lonke, imfundo yayiqhutywe ikakhulu layo ziiManyano zaþaFundisi, Benoncedisiso oluthile oluvela kuГulumente. Ngomnyaka we1919 zaþa kuma463 izikolo ezikhoyo, yathi inkcitho kaГulumente yaya kuthi xhaxhe kwiiponti ezima54,000. Zaþe ke ezi zikolo zinceda kuphela iþumi labantwana ekhulwini. Ewe, wawusenziwa umsebenzi omhle kanye kwezinye iindawo, koko, xa use ubandakanya intetho, loo mfundo ikakhulu layo yayiyeyencwadi qha, ingenaluncedo lungako mayela nezona ntswelo zaþantwana. Imbunguzulu yayo yaþa kukufunda imigaþo yentetho nesiNgesi. Kanjalo, zasuka izikolo zakhawuleza ukuvela, zasuka zanqaphazeka iititsala eziqeþekileyo. Zithe iindawo ekufuneka

efundiswe zona amantombazana, azafikeleka, laye nenani leentombi ezifundayo ligutyungelwe kakhulu lelamakhwenkwe, kufunda intombazana enye qha esihlanwini samakhwenkwe. Kwakukho umahlukokazi omkhulu phakathi kwaloo mbinana ifundiswe imfundu ephakamileyo eNgilane, nabafana nje abafunde kwezi zase-makhaya izikolo. Kwa kwiindidi ezisezantsi ezikolweni isiNgesi esi seenziwa ukuba siše yeyona ntetho kufundiswa ngayo, safa yeyona ntetho ma ifundwe; yatsho ke loo nto abantwana balichithela lonke ixejana abanalo, namandla abo, ekufundeni amazwi asemzini, kungaabi safa kho nto isaleleyo yokufunda ezinye izifundo. UBesakuthi umntwana agqibé iminyaka elijumi, mhla-wumbi live ngesibini, ukuya kuthi tyhusu kwibanga lesixhenxe. Phofu oku kwaye kungengakuwa baziziyatha; kwaye kusenziwa kukuweleka kwengqejeo ngecalal leetitsala, kwa kunye nobunzima bokufunda ngolwimi lwasemzini.

Zazininzi iinkosi kwa neemfundi eziyiqondayo le nto yokokuwa le mfundo igwenxekile, zinqwena ke ngoko okokuwa zangamana azingelibaleki iingoma zakomawazo ezindala, kwa namañali, kwa nemidudo namasiko.

Yaye iGuluneli entsa iyixañisile kakhulu imfundu. Yada yathi, kwintetho yayo yokuqala kwiBunga lo-Lawulo, imfundu le yeyona nto iphambili, kweyayo ingqondo. Yaqhuba yathi, iqinisekile okokuwa kukhondawo zithile zifuneka ziguqulwe, yatsho yamisela ne-qumru lokuhamba liziphicotha ezo ndawo. Libuye iqumru liceñisa ukuba kufuneka kwakhiwe isikolo sabaphambili, kwa nekoleji entsa yokufundisela ubutitsala. Lithe lisitsho, labe lisicijela isikolo eso isiza esihle kunene, kwinduli ethe qelele, engenawo namanzi, encha inde. Umgama wayo loo nduli, ukusuka eAkra ebotwe, ibingaÑa ziimayile zosibozo. Igama laloo ndawo kuthiwa

yiAchimota, oko kukuthi, "Lihloniph' igama." Yaye iyindawo yeliswa.¹ Kuthe ke kamva saakhiwa isikolo, yasuka indawo yeliswa ngoku yaña yeylethamsanqa.

Kuthe kamva kwagqitywa kwelekuña iAchimota ma iphathe ezo nto zombini: iße sisikolo, iße kwa yikoleji. Kubonwe ukuba isikolo ma sisingathe indawo apho amakhwenkwe namantombazana aya kufumana imfundo yokuqualisa, siße kwa nemfundo ephambilana yamantombañana; ize ikoleji yona iße sisikolo esiphambilana samakhwenkwe, isikolo semfundo ethe nyi, neYunivesiti yemfundo eggibeleleyo. Kwakhiwe indawo eya kulingana abahlali abafundayo abangama770—babé ngamaz30 esikolweni, babé ma540 ekolejini. Indleko yezakhiwo yaña ngaphezu kweeponti ezimaboo,000.

Yaña yinto eyilwe ngoñuchule, kodwa umHlekazi uGordon Guggisberg yena wayethe wañona kakuhle ukuba impumelelo yayo iya kuxhomekeka kumadoda aphetheyo. Wafuna-funa abangaña ngumOngameli nabasebenzi bayo, abaya kwenza ukuba iAchimota ingabi nguwo mzi wamfundo nje kodwa, koko iße kwa ngumzi wokwakhiwa kwezimilo. Wayeqonda ukuba zingade ziße zihle kangaka nani izakhiwo, ukuba zinikelwe kumadoda agwenxa, angawufaneleyo umsebenzi lowo, zingasuka izinto zibuye ngomva, ziye kufana noko kwa-kudala. Kukhankanywe amagama aliqela, ekuthe ekufuneni kwavela negama likaMfundisi uA. G. Fraser, owayengumOngameli weTrinity College eCeylon. Bathé bakudibana eLondon, umHlekazi uGordon wagqiña kwa oko ekuñeni lo kaFraser nguyena uya kulunga kuwo loo msebenzi, aqhubele phambili, atyeñise nokutyebisa, ezi ngcamango anazo. Ngelo xeja ke lo kaFraser wayenge-kañuni kumka eCeylon.

¹ Kuthiwa eli gama livele kwinto yokuña amakhoboka azimeleyo ayeqhele ukuziqhuscka kule ndawo iyinkangala; kwaye kusithiwa ke umhambi obabaqileyo, waza wañaxela, uzuñizela iliswa.

Kuthe ngenyanga yomQungu kower1924, uAggrey, eseNgilane, waſa elundwendwe kumFun. uJ. H. Oldham, emzini wakhe eSurrey. Kwathi ngentsasa elandelayo—ilusuku lomGqibelo—bamana bethetha ngendawo ama kafe kuyo uAggrey. UmHlekazi uGordon Guggisberg ufune ukumnika indawo efaneleke kunene kweso sikolo sitsha ; indawo yokufundisa eFort Hare yayisamfuna ; noΓulumente waseNijeriya wayesalalisile naye, emfuna. Kodwa yaſa mhlophe into yokuſa uAggrey ugungqela ukuya eGold Coast. Uvakele esitſho ukuthi, " Ubizo IweAfrika yakowethu lutſho zinzilili, ngenzulu engenakulinganiselwa nganto." Ngubani ke oya kuſa ngumOngameli weAchimota ? " Hi ngoA. G. Fraser ? " Uphendule kwa ngoko uAggrey esithi, " Naantso ke indoda yaloo ndawo ; ndingasebenzisana nayo."

Ngemini elandelayo, uAggrey noFraser lowo baphuma bamana behamba-hamba kunye kwelo, kuloo mimango yaseSurrey. Bayixoxa nzulu le ndawo, kanga ngokude Bangazazi neendawo abagqithe kuzo ekuhambeni oko. Ubonakele uAggrey ngoku esithi dlongo, akuva intetho kaFraser echaza into efanele ukuba iſe yiyo iAchimota. Uvakele noFraser eßuchaza naye obakhe ibume. Wayessel' esoyisakala kwesi sithuba, okokuſa angaliſiya noko elaseCeylon ; kuxa acikida into yokokuſa aye angayi, kusini na, ukuya kongamela ikoleji entſa ebungwaliQumtu laſaFundisi emaNtla elaseIndiya. UAggrey yena wamana emzama ukuba ma kaye eAchimota, wada uFraser wavuma ukuya khona, xa ngaſa ithe yatſhitſha loo ndawo yasemaNtla eIndiya. Banumelana ke kwelokuſa, xa ngaſa kwenzekile oko, Bangaya kuſa lapho ke eAchimota bekunye. Banqophisana ngelokuſa baya kuyenza iſe yinto eyiyo, iſe sesona sikolo singaphaya kwazo zonke ezinye eAfrika. Sithe sakuphindwa isicelo sokuba aye eGold Coast, uFraser waphendula ngelithi, ilizwi uya

kulinika kwisithuba senyanga, wamisa nemigaqo angathi mhlawumbi asamkele ngayo isicelo eso, imigaqo eyile :—

Isikolo eso ma siqalele kwiintsana ; aße yena enoku-khululeka okupheleleyo kwizinto zonqulo ; abasebenzi abangamaAfrika ma ze bañe mgangathweni mnye nama-Yuropu ; kuze kuthi, okokugqibela, azinyulele ngokwakhe abancedisisi bakh. Yamkelwa le migaqo, wasel' enyula uAggrey okokuña aße ngowokuqala kußancedisisi, aße kwa ngumOngameli oNcedisayo.

Ngeli xesa ke uAggrey wayeseAfrika. Kuthe ngomhla wama29 kwinyanga yomDumba, kower1924, wafumana ucingo oluvela kußumente waseNgilane, lußuza ukuba angayamkela na indawo ephakamileyo kußabesbenzi, xa ngaba uFraser umiswe ukuba aße ngumOngameli. Kuthe ngosuku Iwer12 eKwindla, yafika impendulo yakhe ivuma. Kwalile ngosuku Iwer18 kweyenTlaña, yabalwa yasingiswa kuye incwadi yokumalathela. Yaña njalo indlela awadityaniswa ngayo loo madoda mathathu—umHlekazi uGordon evela eNgilane ; uMnum .uFraser evela eCeylon ; noAggrey evela eMelika—into eyenzeke xa kanye kuxa-kekileyo kwißali laseGold Coast. Ayißanga mmangaliso into yokuña bona, kwa kunye naßanye, ßanakane ukuba sisandla sikaThixo esibakhokelele kwisiganeko esinje.

Kwelakowaño

Emkhombeni, eli qela litjha laßabesbenzi lamana ukuhlangana, lifunda le ntetho yaña Bantu liya kußo, lifundiswa nguAggrey. Kuthe kumazißuko amabini, elaseFreetown naseSekondi, ekukuphela kwawo ekhe yamisa kuwo inqanawa, kwafika amaqela ngamaqela aamaAfrika, eza kumamkela uAggrey ngemihlali. Bathé ekufikeni kwabo eAkra, ßaamkelwa ngovuyo olukhulu ngumntu wonke, ukususela kwißuluneli kuse kosezantsi.

Kuthe kwiyyure ezimbalwa zokuqala, kwehla into eyaße ingathi iße neziphumo ezingezihle. Bathe abafiki aaba bangama Yuropu kwathiwa ma baye bona kwindlu ekuthiwa yekaLiver, kwindawo ethile esedolopini egcine-lwe ama Yuropu naabaqaswa babo. IΓuluneli yayizimisele yona okokuña uAggrey uya kuhlala apho kunye naabo, koko lithe elinye igosana eliphantsi lamlungiselela kwenye indawo. Ababalì abangama Afrika abasebotwe apho naabesazi ukuba kukho into enje eyenziweyo, naabo se besilalele isiphumo sayo. UMnu. uFraser ke ngumfo ongeze ayinyamezele into etabaxa, ukuba ayibone, ayiyekellele isenziwa komnye waabo. Wasuka wanga akayazi le nto yenziweyo leli gosana, naanko emka no-Aggrey esiya naye kulaa ndlu yakwaLiver, kwada kwaali-thuba behlala kunye kwigumbi elinye khona. Yasuka le nto yaaba itywine konke.

Umsebenzi wokuqala kaAggrey waabo kukumazisa emzini uMnum. uFraser lo, kunye nabanye abasebenzi, nokuchaza uhlobo esiza kuqhutywa ngalo isikolo sase-Achimota, ebafunela ke ngoko nenkxaso yesizwe sakowaabo. UbuAfrika bakhe bokuzalwa, kwa nendawo abekwe kuyo, ezo nto zimenze waanguyena ufanelweyo nguloo msebenzi. Waabo ke ngoku eyiphinda indawo yakhe yokuña abe ngumcacisi wezinto.

Ayibanga mmangaliso into yokokuña athi, akusondelana ngoku namakowaabo, ahlungiswe yinxalenye yemikhwa namasiko abo. Waabo buhlungu akubona omnye wegazi lakhe ehleli intlalo embi, aze abuye abone omnye oziibiza ngobuKristu egcine abafazi ababinini. Wazama ukubanceda ukuba bayilungise intlalo abahleli ngayo. Olunye usapho Iwakowaabo Iwamtsho wanxunguphala; wada wabala kwiinyanga ezithile kamva esithi, "Aaba Sautwana naaba bazukulwana bakama baye bufutshanisa ubomi bakhe!" Ngokwesiko lama Afrika onke, lokusekela

usapho lwakowawo, okunene uAggrey uzenze zonke izinto ezifunekayo kowa^{bo}, ehlawula namatyala, koko ingxaki za^{ba} ninzi kakhulu. Usapho olo lwakokwa^{bo}, kunye nezihlo^{bo} zakhe, banga bacinga ukuba yena, nje ngoku^{ba} esisicaka sika^Gulumente nje, amandla akhe ma kab^e akaphele ndawo. Waylekwa nawo nomnqweno wokwakhela unina indlu, yamenzakalisa into yokuva ukuba kuthe, kwakuvakala ukuba unaloo mnqweno, lanyuswa kwa oko ixabiso lomhla^{ba} awufunayo. Kwada kwaphela iminyaka emi^bini phambi kokuba awuthenge loo mhla^{ba}.

Kuthe besandul' ukufika uAggrey noFraser nabanye abasebenzi, beenza uhumbo elizweni, bathi bebuya, yini le? Izindlu za^{bo} zingenelwe zizihange! Kwathathyathwa impahla yetafile ekutyiwa ngayo, ebilunge kubo bonke abasebenzi aa^{bo}, neengubo zikaMnum. uFraser, kwa noninzi lwempahla kaAggrey, kunye nemiqu^{lu} emi^bini exabiseke kunene yezinto ezibaliweyo, eyamthabatha iminyaka ethile ukuyenza. Le nto yatsho wawa uAggrey, ozingca kunene ngabantu bakowa^{bo}, yaye loo ntlondi ibathoba ezhlotyeni zakhe. Ayibanga yileyo yodwa, ku^{ba} ubusela yaba sesona sono sezicaka za^{bo} zokuqala, bathi bonke abasebenzi samana belahlekelwa yimpahla.

Kwaba kwa yinto elusizi, iintetho ezenziwa ngabathile, ngayo iAchimota le. Wayekholelwe nqo yena kwi^Guluneli le, nakuwo lo msebenzi mtsha wenziweyo, kanga ngoku^{ba} ibe sisimanga kuye ukufumana ukuba bamsalwa abaziinkokeli abanayo loo nkolo anayo yena. Akubanga kade ukude aqonde ukuba buya funeka bonke ubulumko bakhe, namandla onke akhe obuciko. Akuka^{bi} kho lizwana laseAfrika se likhe laane^Guluneli egqitha umHlekazi uGuggisberg ngokulunga—umfo osebenza nzima, nomhlo^{bo} wenene woluntu. Kanti ke ngalo eli xesa wayengathandwa ngabaninzi, zathi nezi njongo zakhe

nezenzo zakhe azaqondakala, zacingelwa gwenxa liqela elikhulu lama Yuropu.

Aba maninzi amaAfrika awaBa nengqumbo, kuba iAchimota ingenziwa kwa oko ukuba ibe kumgangatho wezaa Yunivesiti zaseNgilane, iOxford neCambridge, ukuze oonyana bawo bafumane khona iingaga zemfundo. Eneneni yona yayisekwe ngohlobo lokuba ibe yiyunivesiti ekuhambeni kwexeja ; phofu ke elo thuBa lalingekafiki. Abantu bona ,ababona sizathu sakulinda. Kuphela Samana bebzana ngezwi elinye elithi, " Sasisaqalelwa nto ni na esi sikolo ngemigaqo ebanzi kangaka, kanti sisaza kuba sisikolwana, silingane kwa nezinye ezi be zikho kakade ? Be sinani kanye singaqualiswa ngegunjana elinye qha ? Yini ukude kukhutjhwe amadoda, amivuzo izinzinzilikihla, kanti akhutshelwa ukuza kulalala apha ? Afuna nto ni ezweni phaya, nje ngokuBa elijika-jika nje ? Apha akaBizelwe kuza kufundisa ngokweemfuneko ezifunekayo eBantwini ; abizelwe ukuza kufundisa izinto eziphakamileyo zoBuchule. Afunda intetho yesintu ukuze akwazi ukuyifundisa ? Asifuni kuyifundiswa ngamaNgesi intetho yethu, sise siyazi. Nangaphezu koko, akukho zincwadi zentetho yethu ; sifuna isiNgesi thina."

Zaba njalo ke iintetho. Kwathi oku kulungiswa kwezfundo ukuze zinqhinelane neemeiko zamaAfrika, ekuBe kusenziwa kwesi sikolo sitsha, kwazuzana neentsaba ezininzi. Inxenyayayisithi loo nto kukuBuiyiselta komzi kwa semva, ngokuwanika amaAfrika imfundoenqapheleyo, imfundobengayi kwaneliswa yiyo abaaMhlophe. Watetha umntu wasiya angalaziyo, ethetha ngokungathi eyaseNgilane imfundoyeyona-yona mfundo ehlabathini apha. Babengaqondi ukuba iAchimota le isekwe ngo-hlobo oluya kubanika eyona mfundo yohlobo olululo.

UmHlekazi uGordon Guggisberg wayekhe abe Buhlungu

kakhulu ; kodwa noko akaze alahle, nangani wayesel' egxwagxuswa naye, kunye namacebo akhe. Wayesazi kanjalo ukuña uAggrey uthwel' inxhow' etyuwa, wathi kuye ma kamane ukuza kufuna icebo kuye ngalo lonke ixeja afuna ngalo. Wamana esenje njalo ke uAggrey, engazanga abuyue ingahlaziyekanga iGuluneli, ngenxa yamathemba akhe. Waye uAggrey lo ebatembile abantu Bakowaño, eqinisekile okokuña ngakho kodwa ukuña ikhanyiswe le nto yesi sikolo kuño, baya kuña ngabaxhasi baso abathe nkqi.

Uphindile uAggrey kwiinyanga ezilandelayo, wazama ngamandla ukuwucacisa loo mcimbi. Wamana ezbalela iinkokeli, ehlangana nazo ezinye, ethethana nazo ; waña neentlanganiso ezinkulu zomzi, ethetha kuzo, ethethela lo mcimbi wesikolo. Ewe, isiqu esi sakhe wayethandwa, ehlala eneedwendwe endlwini yakhe phaya. Kothi ke, emva kwaloo ntsebenzo yemini yonke, ubone kufika othile emfuna ngomcimbi, xa aya kulala ; ubé mhlawumbi naloo mcimbi ungephi. Womva ke umOngameli uFraser esithi, " Musa ukuña sisiyatha, Aggrey, hamb' uye kulala ; loo mntu wombona kusile." Umve ke noAggrey ephendula esithi, " Hayi, ma ndibonane naye ngoku ; kukhona aya kulala kamnandi, xa sithe satethana."

Wayesoloko egeja apha ezweni, ngenxenyé ehambela izikolo ezi, kodwa ikakhulu ikukucacisa iinjongo ze-Achimota le. Zothi ke iinkosi ziyihlañe ibé banzi imbizo yomzi, ukuña kuze kumphulaphulwa uAggrey, ethetha ngale koleji intsa. Komnye umzi kwada kwakha kwakhiwa indlu emalikeni, awathi uAggrey akuthetha aphi, wasel' esenziwa unyana waloo mzi. Ithe kuña imvula ifike yana ngolo suku, yasel' isithi inkosi yalapho, " Le yimvula kaThixo, ize kuntjulisa le mbewu ihlwayelwe nguAggrey."

Ekuqaliseni kwakhe ukujikeleza, ekunye nomOngamel uFraser, waya kwaNana (lo ngoku kuthiwa ngumHlekazi) uOfori Atta, enye yeenkosi ezinkulu ezibalulekileyo, umfo onengqondo, ofundileyo. Bamkelwa apho ngokwekomkhulu. Inkosi yayitsho wambu ngengubo yengqangqasolo yesilika ; itsho ngengqaza yegolide entloko, eminweni apha ifake igolide ecacileyo. Lingalo ezi zombini zithiwe tshuqu ngemixhaga yegolide, ejinga amaso asemanyangeni. Unina wenkosi le wayelapho, zilapho nezinye iinkosi, namaceba azo, belapho abathetha iintetho zasemzini, bokuziguqulela iinkosi, bekho nababetti bamagubu. Inkosi leyo ithetha isiNgesi esithe cace, kanti noko kwakungelilo isiko ukuba ithethe ngqo ngokwayo nomntu wasemzini, nokuthi owasemzini athe-the ngqo naye. Ikhumsa lalimana ukuyisa intetho ngesiTwi. Kuthe emva kwentetho yasenkundleni, yaqala ke inkosi ukuzamkelela endlwini iindwendwe zayo, kwaterhaywa, kwancokolwa. Uvakele umHlekazi uOfori Atta ethetha ngolunye uhambo, esithi, " Ndiya mkuimbula uAggrey ehambele kwaSomanya ngexesa leentlanganiso zeBunga lePhondo lasemPuma-langa. Ut heapho wathetha intetho eqaqambiloy, eyatsho zonke iinkosi nabantu ababelapho Bachukumiseka ziinjongo zeAchimota, bada bazimisela ngabanye ngabanye ukuba elowo uya kuyithumela inkwenkwe yakhe, nokuba ngumtshana wakhe, ukuba aye kufunda eAchimota."

ECape Coast kulapho ukuchaswa kweAchimota kwa nokweFuluneli le kwakukhona ngamandla. Wayiyela loo nto uAggrey ngoBuganga. Wenze iintetho ezima sumi mathathu anesithathu ngohambelo lweeveki ezimbini kuphela, waza ngaphezu koko waaneentetho azenze kubantu ngabantu. Watsho waguquka umphunga waloo ndawo waanto yimbi. Emva koko, kwavakala ukuba iFuluneli iza kucandisa apha emzini, ingemi ndawo.

Ngoku abantu bayicela ukuba ikhe ihlale naabo, yeenza iintsuku zontathu phakathi kwaabo, ibukwa ngoibusele-kazi obukhulu. Lelo xeja ke kanye, eli yathi ngalo iGuluneli leyo, ngoibusele obo Bayo, yahambela unina kaAggrey, ngohambelo Iwekomkhulu, yaya kumcela ukuba ayithathe nayo ukuba ibe kwa ngunyana wakhe.

Uhambelo lukaAggrey eCape Coast Iwaba luhambelo olulusizi ngenxa yokububa kodade waabo, oyena amthandayo, uAbonyiwa, owayethe wasweleka mzuzwana phambi kokufika kwakhe. Noko ke kwaaba yinto emnandi kunene ukudibana konina nonyana. Wemka noko enendawo angayiqondanga—le yokuthi usapho Iwakokwaabo lukholise ngokuziphatha ngakuye wanga ulinene lasemzini; wada wambalela umtshana wakhe, unyana kaAbonyiwa, ngaloo nto.

Kumtshana wakhe, uAPPIAH.

EAKRA,

Oltweg, kweyomNga, 1924.

Yithi kuma, xa ndibuye ndaphinda ukufika, andingi angenza iindleko ngam. Waye noKwegyirba ma Bangenzi zindleko. Uma udleke ngokwaneleyo okuya ebendi-gcina ndilusana, wandinqaka ndingumntwana; waye kwa khona yena nonyoko noKwegyirba, bendifhekela. Kuphela kwento endiya kuyifuna kukuaba ndiphekewle *inkantsi nkwan nadwiu fufu*,¹ okanye *iadzifroyi na itsiu*, okanye *iabe nkwan*, okanye izonkana ezosiweyo zomgubo neqanda, ezinje ngeziya uAraba Abonyiwa ebekundenzela, okanye ibe *yibroddi mimim froyi na nkantsi*.¹ Xa ke ezi zinto ndizifunayo, ndiya kumnika imalana engaphezulu yazo, noKwegyirba ngokunjalo. Ndinga ndingakhe ndibuye nditye into ephekwe nguma kwa noodad' ethu; ndinga ndingakhe ndizive ndingathi ndibuye

¹ Ezi ziintlobo-ntlobo zokutya eziqhelekileyo kwelama Fante.

ndaangumntwana. Ndinga^lola nanto ni, engenza uku^ba abuye uAbonyiwa ! Kodwa ke nguThixo umNini-kwazi ; mna ngoko ma ndingak^lokri.

Nceda umkhumbuze uma noKwegyirba uku^ba ba-
ng^lathi ukundi^biza, " mu wura " (nkosi yam) ; andiyiyo
" hon wura " (nkosi ya^bo). Noku^ba se ndinikwa ma-
wonga aluhlo^bo lunina, yena uma ndasoloko ndingumnyana
wakhe, nakoodade Bethu ndasoloko ndingumna-kwa^bo.
Ndinga uma angasoloko endibiza ngalaa ndlela ebe-
sakundi^biza ngayo, oko ndandilapha, a thi, " Kodwo
Mensa " ; aze uKwegyirba noAkyiniba bona bathi,
" Kwensa." Elo ke lelinqumla uKodwo Mensa, kanye
ngokwale ndlela kuthiwa Bob, xa kunqunyulelwa uRobert,
kuze kuthiwe Jim ku James. Xa nithethayo nam, ndinga
uma angathi nje, " Kodwo," benje njalo nooddad' ethu.
La magama angooKodwo, uKwensa, noKodwo Mensa,
aya wagqitha nawaphi na amanye amagama ukuvakala
kamnandi kum. Anesongo nesidima sekhaya—khaya
elimnandi lam, neloma, neloodad' ethu.

Ngapha eCape Coast naseSaltpond, ndidi^bene nabantu
abarinzi abasathi ukundi^biza, " Titjala Aggrey." Nda-
yithanda loo nto, ku^ba indivelisele iinkumbulo zezo mini,
ubesakuthi ngazo wonke ubani ukundi^biza, " Titjala
Aggrey." Ndinga abangeyeki ukutsho.

Kha ucinge nento yokuza kwakho kum, usike undibize
ngokuthi, " Gqi^la, uAggrey ! " Ewe, ayingebi nani loo
nto xa unabanye, naxa sihlangene ngemicimbi yeko-
mkhulu ; kodwa mna ndingathanda uthe, " Malume,"
okanye " Wofa," xa indim nave.

Ongaka, uNyana omKhulu woKumkani watyelelela
iAchimota ngoTshaz'iimpuzi kowe1925, waza wathi,
phambi kwentsapho eyayima5,000, ik^lozile phambi
kwendlukazi leyo inkulu yakhiwayo, eendonga zise

ziziinyawo ezilisumi linesibini ukuphakama, watyhila umbalo okpolwe kwimbasu yexina entle kunene. Loo mbalo ke wawusithi, umHlekazi lo ubabale esi siKolo nale Koleji ngokuthi zibizwe ngegama lakhe. Utyelelelo olo IweTshawe lwaphumelela kamnandi. UAggrey ubale ngomhla weig kuCanziye esithi, "UmNtwan' omHle lowo wafika, waBuya wegqitha. Ndithe ndakwaziswa kuye yilGuluneli, wathetha nam ithuba elide. Enyani-sweni, laalide kanga ngokuBa amaphepha akowethu ade ayiphawula loo nto, aye nayo loo nto eyenza ngokuzitsho, kuba iTshawe limbabale ngethuBa elide kangaka ummeli wavo."

UAggrey wasimangala isicelo sokuBa abuyele kwa seMelika, aye kongamela iKoleji eyiLivingstone, wacisa ukuBa kune naabantu BakowaBo. Wakha wambalela umhlobo othile, esithi, "Khona eMelika, iLivingstone le yimbalsane kum, isenyongweni. Ngamana iintsikelelo zikaThixo zingaba phezu kwayo. Kodwa kulo lonke elimiweyo, iAfrika, iAfrika yam, iyeyona iphambili."

ISIQENDU X

INTSEBENZO NEMPUMELELO

NGENYANGA yeThupha, kower1925, uAggrey weinka ngomkhombe ukusinga eMelika, wahlangana kamnandi nomk' akhe nentsapho yakhe eSalisbury. Inkosikazi yakhe yayiza kußuya kunye naye ukusinga eGold Coast, kodwa unyana waßo yena, kunye neentombi, bâbeza kusala eMelika. Wayisebenza ngoko into yokußafunela iindawo eziKolejini nakwiiYunivesiti. Wada wakha wabalela omnye umhloßo esithi, "Ndixakeke ndonke ndiphela—izandla, intloko, nentliziyo—oko ndathi ndafika apha ekhaya."

Uxhakazele umf' omkhulu waßopha, wathumela ama-
z,000 eencwadi kwezizezakhe, ukusingisa eAchimota.

Kusuku lokuqala IweCawa, kwinyanga yenKanga,
amawaka-waka aaßantu baseNgilane Saliva ilizwi lakhe
kunye nelomk'akhe; kußa uAggrey weenza intetho
esasazwe kulo lonke ngesibakabaka, ethetha ngeAchimota,
esithi, "Yeyona nto iyindoqo kwiAfrika ngezi mini."
Lithe kußa izwi lakhe lingavakali kakuhle, yaßa yinko-
sikazi yakhe eyifunday loo ntetho ikakhulu layo.

EAkra

Ngosuku Iwerri kweyenKanga, banduluka eLiverpool
ukusinga eGold Coast. Bathe baukufika eAkra, bahl-
ngatyezwa yinkungu nelanga esel' ibanxakamele kakhulu.
Ngoku umzi se uguguzela nenkosikazi le kaAggrey.

Kusuke kweso sithuba kufike udaiba lokububa komzalwana waabo eCape Coast, waza ke walungiselela uAggrey ukuba anduluke ngentsasa, ukuya kuBa kho emnchhabeni. Zasuka iindwendwe zaziziliza ukusenxa, kwaza kwaabuya kwathi endleleni apha, ikari le yaabo yahamba inqunyanyiswa ngabantu abafuna ukukhe bathethe naabo. Baye kufika ebusuku eCape Coast. Utthe, eseyiloo nto kukudinwa zezi hambo zolwandle nezomhlaaba unKosik. Aggrey waqala wabonela ngoku, weva amasiko nengxolo yokunchwaaba kwamaAfrika. Yasuka loo nto yamngena kakubbi. Wayengeze uAggrey ayazi le nto ukuba iya kuBa nomothuso onje, kuBa ingafani nanto yakha yabonwa, yaviwa, nguye umk' akhe lo.

Baabuyela kwa seAkra, kuBa indlu yaabo eAchiinota ingekaggitywa, Bangeniswa kwindlu engabonisanga bumanzi Bodwa, koko yayikqoktelwa nangethinzi ekuthiwa likho. Izcaka zisuke zaangabantu baabi, abalukhuni, baye beminwe mide. Bomana ke ukuyisebezela inkosikazi le yaabo, besithi, "Wasa kujonga ngalaa festive kwakuhlwa ; ukuba wenje njalo, wobona isihlanu samadoda antloko zinqunyulwego." Uhle waßenxa apho uAggrey nomk' akhe, baya kungena kwenye indlu. Kwakuusu ke ngelo xeja, nabantu belo zwe besithi, kuse kuyiminyaka imajumi maibini inamihlanu Bengabuva obunje ubusu. Yasuka yonke le nto kanti ikhathaza impilo yomk' aAggrey. Kuthe ngoTshaz'iimpuzi womnyaka we1926, kwaabonakala mhlophe ukuba makanbuyele eMelika, apho kuthe ngeyenTlaiba kuwo loomnyaka waßeleka.

UAggrey wayesoloko ecinga ukuba umk' akhe uza kubuya ; koko lithe ngokuya lindwendwa ixesa, wada wabona ukuba akuyi kuBa safa njalo. Ukhe wafikelwa nasisilingo sokuba awuskiye loo msebenzi useGold Coast, koko wasisunduzela phaya ! Kuthe emva komnyaka

enekho umfazi, uAggrey wambalela esithi, "Ndine-entloni ukuthi, ukungabi kho kwakho kundinika ubunzima obukhulu, hleze uthi kanti uya kundiva kakubhi. Kanti ke eneneni kuya vakala kakhulu ukungabi kho kwakho, nokokuwa woze ubuye uze, nokokuwa akubuyi. Ndiya bunakana ubume bakh, kwa nobabantwana. Ndiya ke bethu kunjalo. Kanti kuya funeka ukuzincama oku, yaye ikukuzincama qha into eya kusisindisa isiZwe, isindise iAfrika, waye uThixo ebeke izandla zaKhe phezu kwam. Andiyi kuwumangala ke ngoko ummiselo waKhe nobizo lwaKhe. Andinakho ukungawuthoBeli ; ndimelwe kukuwulandela umbono ongcwele. AndinaBu-ganga Bokumangala." Kamva weenje nje kumhlobo wakhe, uGqira uJesse Jones, "InKosi ndiyithembile. Indibonise ukundithemba okukhulu, kanga ngokuwa ndingathandi kuyidanisa. Yiyo yodwa ebaziyo ubuhlungu endibuvayo ngoku kwahlukana nosapho lwam. Be ndikunqwenela ukuba ndibe kunye nalo eAfrika, kodwa okwakaloku nje akukaBonakali thuba loko. Ubizo, endibizwa ngalo lilizwe lakowethu, luhlokoma bukhali ezindlebeni zam ; ukuthunywa endithunywe khona kundihleli nzima emzimbeni. Kuze kuthi kunjalo, kufumane kuvele ukungavisansi okube kungafuneki nganto. Uluntu luya kwazi ukuzilahla izonwaBo zeziq, nangenxa yezinto ezinganeno lee kwinkonzo kaThixo neyelizwe."

Phakathi kwaBaSebenzi BeKoleji

UAggrey waBa nobuhlobo kakhulu neetitsala ezingama Yuropu eAchimota apho. Kukhe kwaakho noko kuqala ezimjongoje ukuba uyinceke yomOngameli lo. Kuzo zonke zazimbalwa kakhulu ezakha zasebenzisana namaAfrika ngaphambili, zathi ke ngoko zamqonda

nzima uAggrey lo. Kufanele ukuba kuthiwe, akukho nanye yazo eyayinolunya ngenxa yeħala eli lakhe, okanye ngenxa yokuħa ekwindawo ephezulu yena kunazo. Ewe, fezimana ukuhlekisa zimqħula ngemijila le yemfundo yakhe; aze ngamanye amaxa noAggrey ahla beke zezo ziqhulo, kuħa esithi le mijila yakhe icekiswa kuħa eyifumene kwiikoleji zaseMelika. Kanti naxa zimqħula ngoħbuncoko obu zingenakumbi, zahle zaħona ukuba le ndawo iphakame kangaka ayifumeneyo, akayinikwe ngakuħa kukholiswa uluvo lwamaAfrika, koko kungenxa yokuħa eyifanele, kunjalo nje ngokungenagħxa. Uħesakude uMnum, uFraser aħi, " Ndiżużwa futhi okokuħa lo Aggrey uyifanele na laa ndawo iphakame kangaka abekwe kuyo. Uyifanele kwada kwaħuya kwasala. Laa Koleji yaseAchimota ise ide yathimba iingqondo zaħantu feAfrika esenTjona-langa nje namħla nje—ndaye ndisithi ke mna kuyinene oko—loo nto yenziwe nguAggrey, ngokudlule nasiphi na isithandathu samadoda."

IKoleji kaGammalemente yokuqe qesa iitħitsala eseAkra ithe kaloku yanikelwa nayo kuħa sebenzi baseAchimota, waphinda uAggrey wawungena umsebenzi wakhe woħus-tħitsala. Waye eyitħitsala eqaqambileyo, ethe qaħavu, nenentelekelelo; waħonakala eħaqonda cace abafundi bakh; imfundu le isemxhelwani kuye, yonke into ayifundisayo eyitħo ithandeke iħse nombiza. Ngamanye amaxejja iGammañeli le, umHlekazi uGordon Guggisberg, iħide ikhe iye kuma nje ngasefestileni, aphu ingayi kuħonwa, isenzela ukuthanda kwayo ukumva uAggrey xa afundisayo. Ngomnye umħla wangena ngebaqo aphu endlwini yokufundisela, wahlala ngasemva, warħiyan del uAggrey ngosiyi ukuthi ma kaqhubbe yena angamnoneleli. Ngħaloo ntsasa uAggrey wayefundisa amabali esizwe, isifundo sithetha ngezinto ezechlayo, nangamasiko elo zwe. Yaxwileka kunene iGammañeli zezi ndawo, yada yavakala

isithi, "Ukuša ndandikhe ndawafundiswa ngale ndlela amaßali, ngathi nge ndaša yincutſhe yawo ! "

Ngamhla uthile, amankazana asithoſa, awayeqeqeſelwa ubutitsala nokongamela izindlu zokuhlala aba-ntwana, ayimangala into ayithunyiweyo. Ayenikwe ngama Yuropu izinto ezininzi ama kazenze, nje ngokutſho kwavo. UMnum. uFraser uthe kuAggrey, ma ze le nto angayilißali, xa aphindayo ukuwafundisa. Ut he ke ngoko uAggrey wawaßalisela ngeßali lamhla uNapoleyon i wazuza uloyiso olukhulu eAusterlitz, elona daßi wayezi- qhayisa ngalo loo moyisi wezizwe. Wawaxeleta na- ngentetho awayenzayo uNapoleyon i ngaloo ntsasa kweyomNga, lisibekele njalo, esithi kumadoda akhe emfazwe, kukho apho phakathi kwaßo abaya kuhlala ſade baße ziinkonde, ibe eyona mbalasane ßazingca ngayo iyile, yokokuša ſelibonile ilanga lip huma eAusterlitz. Ujikile kuloo ndawo uAggrey wathi, "Zi- ntombi, namhla nje nisabona amafu, niya khathazeka ; kanti nifumene inyhweßa yokulibona ilanga lip huma phezu kwethemba lesizwe sethu, eliyiAchimota. Kwi- mihla ezayo, xa nise nizingwevazana, niya kuthi, "Ndandilapho ukup huma kwelanga, ndandikwaßaphambili kanye kwelo daßi, I, aliwa, I, oyis wa eAchimota !" Loo ntetho yakugxotha tu ukukhalaza kwavo. Ußungamva ke emva koko ememeza, ethetha nawo ngaloo ndlela yakhe imnandi yokuthetha, esithi, "Ewe ke, kunjani namhla nje ? " Uweve ke ephendula esithi, "Liya phuma ilanga laseAchimota !" UMnum. uFraser uva- kele esithi, "Akakho umYuropu ongafeza izinto ezinje, ngexeja elinje ukuša lifutſhane. Baya zingca naßo ngala mandla akhe, ſemthemb a ncum ngasesimilweni, beßuthanda nobuhloßo ßakhe."

Aßesakuthi amathuša afundisa ngawo uAggrey aße yimbunguzulu evekini leyo kubafundi. Ußesakuthi ka-

njalo a sumaye le ngokuhliwa kwee Cawa. Hayi ke, usapho lukhe lungakhathaleli kutya phambi kokuba luye, lungakhathaleli nakulala emva kokuba lu bonyile kwezo ntsumayelo. Lohlala ke ebumnyameni a pho kude kuthi qhekpe ukusa, lumana ukuhlasimla, luthetha ngoku biziwa nangebaso elibekiwego phambi kwalo li "Gqira."

Koko ngeli xesa ukufundisa oku kwaye kuyinxenye nje yemisebenzi ayenzayo uAggrey.

Kwakuvunyelwene uku bsa siqalwe esi si Kolo sase Achimota ngokuvula isikolo sa baqalayo, ngenyanga yom Dumba, kowe 1926. Abafundi ba be bathandathu ku phela, ngenxa yoku bsa kungeka bi kho zindlu zakubagcina, ilelo nani lodwa elinendawo. Yathethwa kak hulu into yoku bsa abazali abayi kuvuma uku bathumela abantwana ba bo abaminyakana ingamithandathu, Bahambe ubala olungako uku bsa kude namakhaya; baye kanjalo Bengayi kulihlawula nelo nani libizwayo. Wanikelwa ku Aggrey umsebenzi woku bsa qondisisa abazali uku bsa eli cebo lifanelekile, waza yena wakhetha "isi Thandathu soku Qala."

Ezom Buso

Nguminqweno wo Gulumente wase Britani uku bsa alila wule elo lase Gold Coast, kanga ngoko linoku fikelelwa, liphathwe ngokulawulwa ziinkosi, nangama Bunga, zigci nwe ezi zinto, zingatsha balali ngenxa yokwanda ko bu Yuropu. Kuphunye zwe ke um Gaqo omtsha wom Buso ngo Tshaz'iimpuzi, kowe 1925. Lo mgaqo ke ufumbethe uku bsa kumi selwe amagosa alathwe ngu Gulumente ali sumi linesihlanu, kwa na banye abantu nje kodwa abal isumi linesine, ba be li Bunga lokuqingqa imi Thetho, endaweni yoku bsa abe lisumi linalinye amagosa, abe sisitho bsa abanye aabaa, e Bungeni apha. Kula malungu ke, anyulwe nje kodwa, isitho bsa esi siya ku bsa ngama Afrika—isithathu

sinyulwe ziidolopu ezizezi, iAkra, iCape Coast, ne-Sekondi ; size isithandathu esi sibe ziinkosi eziziintloko, eziya kunyulwa ngamaBunga amathathu aamaPhondo. La maBunga aamaPhondo ayeyona ntloko kulo mGaquo mtsha. Iintlanganiso zeenkosi ezazihlala zihlale zidißane ngezisusa ezithile iminyaka le, ngoku zaziza kwensiwa ukußa ziße yinto eqinisekileyo ebuGulumenteni Belizwe, iinkosi eziziintloko zinikwe ukußa zimanyane, kunye naßaceßisi ßazo, zithetha-thethane, ziyixoxe nayiphi na imithetho emitsha eziswayo.

Uthe lo mGaquo mtsha wachunutywa kakhulu ziimfundí ezithile ezingezizo iinkosi. Zathi ukuyichasa kwazo le nto, uGulumente ufuná ukuseßenzisa amandla la eenkosi, eziseßenzisela yena ngokwakhe ; ufuná ukuzikhokelela ekußeni ziphumeze imithetho, zibaphange abantu umhlaßa waßo. Lide elinye iphepha lathi, " Eneneni, ulovo lwethu luthi indißano yethu nomntu oMhlöphe, nqwa nama-apile oLwandle oluFileyo ; isuke yavelisa uthuthu olukräkja emilonyeni yethu."

UAggrey wachukumiseka intliziyo yile ngxaßano. Injongo yakhe eyintloko, yokwandisa ukuseßenzisana kwabantu, yanga iza kutshitsiswa. Yamenzakalisa isimanga into yokusona ukußa kuza kuxabana iinkosi naßantu abafundileyo, abamhlöphe naßamnyama. Kule ncwadi ilandelayo ußonakalalisa uphongomo lwakhe.

" KWIKOLEJI YASEACHIMOTA,

" 24 Tshaz'iimpuzi, 1926.

" KuGqiJa uJESSE JONES.

" Inguqulo entsa eseBungeni, malunga nalo mMiselo womThetho, ixhokonxe isaphompolo. Inxalenye yaßantu BelasemPuma-langa iPhondo, ngakumbi iimfundí,

ziwuchasile. Iinkosi ezinkulu zona zasemPuma-langa ziwufuna ngamandla. KwelomBindi iPhondo iinkosi ngathi zikunye neefundi ekuwuchaseni ; lafe elase-nTjona-langa lingathi liwuchasile. Zinge zikho izixhiſa esiziphephileyo ngemizamo yam. Mzuzwana phambi koku inkosikazi yam kunye nam sikhe seenza iintsuku zokuphela kweveki kumzi weΓuluneli ngesicelo sayo. Ndikhe ndazama ukwalatha iindawo ezithile zal'o mThe-tho, ezingathi zingaxamesana nomGaqo wethu thina BaNtsundu. UmHlekazi lo uGordon uyeyona Γuluneli iyiyo kwezikhe zathunyelwa apha kutsha nje. Enyanisweni ungumakhi wombuso, nomthandi, umthandi nqo, waabantu Bakowethu. Andiqiniseki noko okokuſa Bonke abacebisi Bakhe Bakwa nje ngaye, ukunyaniseka ekuthandenit umntu wakowethu. Hayi, andiqiniseki kuya phi. Abanye Babonakala Bengamkhathalele umntu ofundileyo. Ndinga ndingaze ndizilungiselele ukuſa ndiphume apha ekuvuzweni nguΓulumente, ndiyizuze inkxaso yam kwenye indawo, ukuze ndiſe nokwenza umsebenzi obanzi kule nto yokumanyana nokusebenzisana. Bulisa kuſo Bonke. Ndithandazele, ndithandazele, ewe, ndithandazele."

Kanti noko uAggrey lo wayengemfo ufumana asekele imigaqo eyalathwe nguΓulumente waseBritani, ngo-kuzithandisa. Ngelinye ithuſa wamkhumbuza umHlekazi uGordon Guggisberg ngesimo awakha wema sona, esemtsha, echasa umthetho oxoxwayo ongemihlaſa ngomnyaka we1897. Uvakele esithi, " Ndiya kuſuya ndenze kwa njalo, xa ndithe ndaqonda ukuſa amalungelo aabantu Bakowethu asisichenge." Uphendule wathi umHlekazi uGordon, " Ungalahlekwa ngumsebenzi wakho, Aggrey." " Ewe, nkosi yam, ndiya yazi loo nto ; kodwa ayikuze ihle, usekho wena kweli lethu."

" ACHIMOTA,

" Olwezo kweycDwaja, 1926.

" KUMONGAMELI uFRASER.

" A ! Mhlekazi ! Siqhubela Phambili.

" Wawuthe ungathanda ndikuqinisekise okokuba sifumane amasumi amathandathu ubuncinane, aabantwana abafuna ukusingena isiKolo sabaQalayo nesiPhakathi, silifumane elo nani ingekapheli le nyanga yeDwaja.

" Ndinovuyo ke, nkosi yam, ukuba ndikwenzele ingxelo ethi, ukuza kuthi ga kulo olu suku, se sifumene abama80, ndidibanisa nalaa maz4 ayesel' elapha kuthi, ndingasibali isithandathu 'esiya be sise siqhuba sona kakade. Loo nto ke yenza inani elingama86 lilonke. Ndaye ndisalindele ngaphezulu.

" Ndikhe ndamxelela uNkosz, uScott okokuba ndiqinisekile khona ngekhulu ekufeni kwenyanga yomNga, nangona ndisamana ukuluxelela amananana anganeno uluntu olu lungaphandle. Ndikhe ndeva kusithiwa kukho abacinga okokuba asiyi kuda siwafumane nama50, nokokuba kumiselwe ukuvulwa ngelo nani. Ukutsho kwabo kambe, yanga ingcingane izalwa ngumnweno wokunga kungaanjalo. Ndiba ke sethu ndiya bazi aaba bantu bakowethu ; ndaye ndiba ndiya yazi nendlela endingoyisa ngayo le nkcaso yabo esemveleni, yokuba bangazithumeli iintsana ukuba ziye kwizikolo ezikude namakhaya. Kuya kufuneka kugqitywe izindlu ezimbini, kuba ke enye yanele amabo kuphela.

" Hayi, nkosi yam, uze ungfumane uxhale. Unga-qiniseka nangekhulu ubuncinane. Okukokwam, andiyi kuxola ndingadanga ndizuze irzo, eliya kuba likho ngomhla wama25 kweyomQungu. Kuba ndiya kwazi endikwaziyo, noko ndibe ndisebenza khona, kuseloko

ndawufumanayo umyalelo wakho, oko uþutyelele e-London. Kuxa ndikhona kanye, nkosi yam.

" Ma konwaß' umHlekazi.

" Owakho oþibü Afrika."

UAggrey wayefumana iincwadi ezimalunga nekhulu ngeveki, nangaphaya ; kwaye ke ukuziphendula kungeyiyo ndiwan' iya netha. Ezinye kwezi ncwadi zazingekhona nasemkhondweni womsebenzi lo. Inkosikazi ethile, umfazi wenkosi, yambalela isithi unyana wayo omncinci uya khalaza ; uthi akaluthandi olu hloþo lokutya kutyiwayo apha. Icela ke uAggrey ukuba ayijonge loonto, atsho unyana lo anikwe ifufu eyenziwe ngebanana, endaweni yeyenziwe ngekasava. Imfundı ethile kumzisiwesiKolo ibale ibuzisa ukuba uGqiþa uAggrey lo yena uphunga mphungo mni na endaweni yeti nekofu, ukupinisa umxhelo.

Aßantu bëßesakumfikela nanini, nanini, emini nasebusuku, bëze kuxoxa iindawo ezithile, okanye bëze nezikhalazo. Kwakha kwaakho isikhalazo saßapheki båse-Achimota. Enye indoda ivukelwe ngumsindo kuþa iþona umKrusi epheka ukutya konyana wayo. Yatsho isithi amaKrusi la ngamasela namamene-mene ; akafanele nokuqeswa kulaa ndawo. Yaankulu kanjalo into yezinxiþo. Iinguþo ezi zasemLungwini kaloku kuninzi zaziluphawu lokuba umntu ufundile ; ukuba ithe intombazana engafundanga yafumana yazinxiba, iþe ibethwa. Apha ke eAchimota kwakuthandwa ukuba abafundi ßanxiþe iinguþo zakomawaþo ngezisusa ezizukileyo ; ithe ke loo nto yoda iqhubele ekubeni abantwana aabu bënzive amajoni. Zonke ezi zikhalaþo uAggrey ubeziphulaphula. Ußesakuthi ezinye aziponde ukuba zifanelekile ; kodwa

engayikuze abonise nawuphi na, ukuba akavani naaba asebenza kunye naabo. Wayezinikele mpela kumOngameli wakhe. Womva kodwa esithi, "Yiyekele kum. Nyamezela ; kuza kulunga, wena ! "

ESierra Leone

Kwinyanga yenKanga, uAggrey waya eSierra Leone, eya kuthethela iAchimota, kwisiKhumbuzo esikhulu seminyaka elikhulu seKoleji yaseFourah Bay ; yayi ngumcimbi onengxaki yawo ke lowo. Zazizininzi izihlobo zesiqu sakhe uAggrey apho kuloo dolopu yaseFreetown, kuloko inxenye yezo zihlobo, kwa naibanye abaninzi, babsyichasile le Achimota. Le Koleji yaseFourah Bay yaye iyikoleji endala, ebalulekileyo kwelo langasenTsonalanga ; abafundi abaphumelela khona babsese beligqibe lonke elo. IAchimota le ke kwakucingwa ukuba yimvelabumini nje kodwa, eswele neentloni, iinjongo zayo zezahlukileyo kwezo zaseFourah Bay. Wayesazi ke uAggrey ukuba umi emxethukeni, ekufuneka eburole bonke ubuchule anaabo. Uvakele esithi ke entlanganisweni yokuqala, "Ubulapha bam ndibufanekisa nentwanazana eyagoduka ivela embuthweni, yafika yaxelela uyise ukuba yaangiwe ngumfana othile. Ubulaple uyise ukuba umaange kangaphi na. Yasuka yamjonga ebussweni yathi, 'Bawo, andizelanga kugasa, ndize kuvuma ityala.' " Utsho ke waqhuwa uAggrey esithi, akeze ngakugasa ngeAchimota ; uze kuphela ngokuza kuvuma ityala elikhulu lomsebenzi obalulekileyo owenzelwe iGold Coast, yile Koleji yaseFourah Bay. Uthe, kuye iKoleji le ifike yaangumqondiso wokuba umAfrika lo unawo amandla okuyisefenzisa ngokufanelekileyo imfundu ayifumeneyo. Waqokela ngelithi, naphi na ke apho ahamba khona, usoloko elikhankanya ngemivuyo igama layo

iKoleji leyo, ngendlela yokuſa umAfrika lo ongezelelwe amathuſa okuqhuſela phambili.

Emva kwayo loo ntetho, wavulelwa genge-genge zonke iingcango nazo zonk' iintliziyo. Waſuya eneziphо eziliqela, phakathi kwazo kukho nesiqonga seencwadi esenziwe ngomthi waseAfrika, senziwe ngabafundi abangamaAfrika, isisipho ke ngoku asiphiwa ngumzi lowo wonke. Waqhuſa waphindela kwa semisebenzini yakhe emininzi eGold Coast.

Kwakuxa isondelayo ke ngoku imini enkulu, imini esingade sithi yeſona inkulu eſomini SukaAggrey—umhla wokhona kuvulwa kukukho kwesiKolo neKoleji eyiPrince of Wales, eAchimota.

UkuVulwa

Ngeli xeſa ke wayesel' ehlala eAchimota, kwindlu esecaleni kwneyomOngameli. Abafundi abama60 babese belungile, iintombi zima24, amakhwenkwe wona ema36; laye nenani laſalindeleyo ukungena liluluhlu lwamagama ama250. Kwakufike iincwadi zokucela iindawo, zivela kwiindawo ezikude, ezinje ngaseluganda naseThanganika. Kwakusekho noko namathandabuzo, okuſa azi impi yamaAfrika aseGold Coast yofika na ngokufanelekileyo. "Baya kunqaphazeka." Bavakele besitjhо abathile, bekhumbla ukuchaswa kwesi sikolo ngabantu. Kwakhutjhwa izimemo ezisicilelweyo, kusithiwa noko ngathi mhlawumbi amakhulu amathathu angamkeleka. UAggrey yena uthe, "Bekungekho mfuneko yaloo nto. Abantu bona baya kwaphulana, kungabi kho nendawo —baya kuſa yintlaninge engazanga iſonwe kweli laseGold Coast." Utjhо sel' eyilungiselele loo ntlaninge. Amakholwane akhe asebenza emthembile, abeka izihlalo eziliwaka kuloo ndlukazi yeentlanganiso yaseAchimota.

Kuse ngomhla wama²⁸ kweyomQungu wer1927, izulu lise gede, lilihle ; ku^{ba} zithe iindudumo ezi^{be} zikhe zaakho, zat^{sho} umoya waphola kamnandi. Kuthe kwa ngentsasa abafundi abalizo beKoleji yokuqejesa iititsala eAkra, abaza ku^{ba} yinxalenye yeAchimota ngoku, basihamba ngeenyawo sonke eso situ^{ba} seemayile ezisibozo, ukusuka eAkra. Bath^e Bakufika, bayivathisa indlu phandle ngamawundu-wundu, yaaziintyatyambo ngaphakathi. Bamisa intendelezo yokungena, enal^{lo} mbalo, " Tyaph' ufile, mSeki wethu ! " Kwalile ngentsimbi yesumi, zaqala iindwendwe zagaleleka ; kuthe ngeyesi^{bini}, za^{be} se zingumqokozo ; kuthe emva kwentsimbi yesithathu, ya^{be} indlu ise iphantse ukuzala ; ekuthe kwisithu^{ba} seyure ngoku emva koko, abe ama^{2,000} efumane axinannisana ngaphakathi, kanti ama^{4,000} asemi ngaphandle. Bath^e thu bevela kumazwana onke, eNtla, eZantsi, emPuma, nasenTsona. Zaye iinkosi ezimasumi mane zilapha, zit^{sho} ngezimbenje-mbenje iingu^{bo}, ilapha nenGangalala yaseAfanti.

Yathetha ngo^{buciko} obukhulu iGuluneli, yathi kuloo ntetho yavakalisa inkolo yayo eqinileyo, yokoku^{ba} iAchimota le ma ing^{onganyelwa} nguGulumente—ma iziqhub^{bele} ngokukhulekileyo, ngemiGa^{qo} yayo. " Asifuni uku^{ba} ibe yiKoleji kaGulumente, singa ingab^a yiKoleji yoluntu. Ukuze ibe liqhayiya lokuzidla kwe-Afrika, ifanelwe kuku^{ba} iphile impilo yemvela, ekhululekileyo."

Kuthe ekupheleni, xa ngoku iGuluneli iphumayo, zat^{sho} iintsimbi okokuqala, phezulu, kwinkcocoyi zezindlu zekoleji.

Kuthe ekuhleni ngaphandle, yee nqumama iGuluneli uku^{ba} ithatyathwe umfanekiso. Kuvive ngayo ibiza isithi, " Sondel' apha, silulami ndini." Unge angabekabeka uAggrey, ekhangela le ndoda ibizwayo. " Ndithe-

tha wena, Aggrey." UmHlekazi uGordon ubeke isandla kuAggrey egxalašeni, waza wathatyathwa umfanekiso ſemi njalo.

Ngemini elandelayo abasebenzi baseAchimota bayinika iGuluneli isambalo segolide siqingqwe ngokwelitye eliyintloko elunqhameweni lomnyango. Bavumelana bonke abasebenzi okokuſa umsebenzi wozuko wokuyinkela ma uſe kuAggrey, kuſa inguye indoda enokuyithethela iAfrika, le ithandwa kangaka ngoNgaka lo, nangenxa yokuſa enze okungaka ukuwuphumelelisa umvulo lo.

Yaſa ngumhla ke loo mhla, owaſa nje ngokuvela komso eGold Coast—khona kwekaAggrey ingcinga, umso wayo yonke iAfrika.

ISIQENDU XI

EKHAYA

IZIHLOBO zikaAggrey zazikunxhamele kwa nje ngaye, ukunga angade abale incwadi le kufuneka ukuña ayibale, ukuze awufumane umjila oyipH.D., inCutshe yemFundo, kwiYunivesiti yaseKolambiya. Yasoloko ke le nto imhleli engqondweni, eyicinga. Ude wabalela uGqira uJesse Jones, esithi, " Le ncwadi ngoku iza kuña ngo-lawulo lwaseBritani kwiAfrika esenTsona-langa. Aabo Bayithiyileyo beyoyika iBritani, Baya kuvulek' amehlo." Izihlobo zakhe zazisazi ukuña unqwenela ukucacisa iingcamango zakhe, malunga novelwano nokusebenzisana phakathi koMnyama noMhlophe. Wayekunqwenela ukunga angawagwebelia amaYuropu nga ngoko kuwafaneleyo, abe kodwa engazigusi iziphoso zawo ; ekunqwenela kwa nokuwanceda amaYuropu, ukuña ade ayiqonde ingqondo yomAfrika. Ukuzalwa kwakhe ngamaAfrika, kwa nomsebenzi wakhe wobomi Bonke, zithe ezo nto zamlungela ukuña awuqhube, awuphuhlise loo msebenzi. Aabo Bamaziyo baaeqinisekile okokuña unelizwi athunuwe lona ngenene eluntwini, ngawo lo mcimbi we-mVisiswano weZizwe.

Ingxaki ngoku ibe yile : UAggrey uya kuthi ni ukuyibala kwakhe le ncwadi yakhe? Kwakucacile khona ukuña akayi kuze abe nakho kweliya laseGold Coast ; kwakufuneka ukuña akhe afumane ithuba lokukhululeka kweminye imisebenzi. UGammalemente

wamvumela okokuba ang^lakhe akhululwe ukususela kwinyanga kaCanzibe, abuye ngeyenKanga, ixesa ke elo aya kuba efuneka ngalo, ukuza kunyala intsapho elandelayo, ema ingeniswe eAchimota.

Waya kuhla eNew York ngomhla we¹⁶ kweyesiLimela, wee ngqo waya emzini wakhe eSalisbury. Ukugoduka kwakhe kwakuyimihlali, enxubile ukunga angambona uOrison, usana olu luzalelwe apha. Hayi, wazitsho kakhulu ngaye loo mntwanana.

Kuthe kwezi veki zimbini asekhyaa, uAggrey wazama ukuba abe nento ayisebenzayo yale ncwadi yakhe, kodwa kwaba yinkohla, ngenxa yobuxhasi-xhasi bokufika ekhaya, nangenxa yokuza kusonwa zizihlobo ezingapheliyo. Ngayo yonke ke imihla yeeCawa, wamana ukuya kusumayela; akaba nalo nethutyana lokukhangela nale yona ifunekayo imicinjana. Umk' akhe wamphawula ukuba lo mntu uwe izikhali zomzimba, koko indoda yakhe ingumntu ohlala esebuxakaxezini nje, yena akabanga naxhala ngayo loo ndawo.

Ekupheleni kwezi veki zimbini, waya eNew York uAggrey, ezama ukuba agqibe khona iiveki ezikwa mbini, elungiselela incwadi le. Zaphela iiveki ezimbini, zaanthu ngoku, Iwajonga ingongolotelo usapho eSalisbury. Kusuke ngesimanga sento, ngomhla womGqibelo, malunga nentsimbi yesihlanu emva kwemini, ngosuku Iwamazo kweyenTlaba, 1927, kufike ucingo oluthi uya gula; kuthi kungekathi ni, kufike olunye oluthi lona ububile.

UkuGula kokuPhela

Ngokuhliwa kolwesiHlanu, ithe le ntokazi abe semzini wayo, uNkosik. uWilson, yambona ukuba uwe kanye izikhali zomzimba, yathi ma kaye kulala. Kuthe ngentsasa elandelayo kwafumaneka ukuba, yini? Umntu

uya fa. LiBiziwe igqira, lafika kwa ngentsimbi yesi-xhenxe kusasa, latsutsuza; hayi, kuthe ngentsimbi yesumi lamjiya naBanye, laya kwezinye iziguli. Li-Buyile kamva, lifike lise linelinye igqira, omaBini axakama. Kwasanywa ngoku ukuBa kuviwane nezihlobo zakhe eziMhlophe, koko akubanga kho saziwayo apha sikhona ngembalelwano.

Kwalile phakathi kwentsimbi yesithandathu neye-sixhenxe ngokuhlwa, wasiwa eHospitile yaseHarlem, wasiwa apha engasazi nto yena. UBe mizuzwana imajumi maBini elapho, waphela.

IinKonzo zomNchwaBo eNew York

Ngosuku lokuqala kweyeThupha, kufumane kwaangu-mntu, izihlobo eziMnyama neziMhlophe, ezize emnchwabeni, kwinkonzo yaseMother Zion, eNew York. Intetho engaye yeenziwa nguGqiya uAnson Phelps-Stokes, ongo-mnye waBaJumayeli Betyalike yeBisopu yaseWashington, ekwa ngumOngameli wale Nxhowa yoPhelps-Stokes. Wathetha ngohlobo Iwengqondo kaAggrey, ngesimilo, ngokudlamka, ukuzithoBa, uBukhalipha, ukuBacingela kwakhe abanye. Utjho wathi, "Kulo lonke eli thuBa lide kangaka, ndisondeleleneyo noGqiya uAggrey, andi-zanga ndimve ethetha into encholileyo, ndaye ndingazi nanto wakha wayenza, ingeyiyo into ephuma entliziyweni ehlambululekileyo. Ubomi Bakhe BaBisocekile, enge-nachaphaza kwiinjongo zakhe. Ndicinga mna okokuBa inkonzo ayenzileyo kweliya laseAfrika, yokususa iingqwe-qwe emehlwani aabantu abaNtsundu, kwa nokuzama kwakhe, ezamela imvisiswano phakathi komAfrika no-mYuropu, loo msebenzi awunganeno komsebenzi oweenziwa nguBooker Washington, kwa ngayo loo ndlela, kweli laseUnited States."

Umzimba kaAggrey usiwe eSalisbury, ukuba uye kunchwatyalwa khona. Baba ngamawaka omañini abantu, abaMhophe naBaMnyama, abaya kuloo nkono iseKolejini.

EGold Coast

Udaña lokuña uAggrey ububile lufikelele eGold Coast kusasa ngeCawa. Ayicaci indlela olufikelele ngayo; ingaña mhlawumbi luze ngezihlobo ezingamaAfrika ezithe zathumela ucingo ziseMelika. Ithe ke lenye le nto ngokukhawuleza, yalizaza ilizwe—mhlawumbi ibengezwe ngamaguňu, ngokwesiko lamaAfrika asenTsonalanga—Baza abantu phi naphi Balwamkela ngomothuko, nangesithukuthezi, abanye bengakholwa.

Ngomhla wesiz kweyeThupha kwaphuma iPhepha laKomkhulu ngomyolelo weGuluneli, umHlekazi uRansford Slater.

Umongo wentetho yalo wawusenje nje:

" UmHlekazi iGuluneli yazisa ngoñuhlungu obukhulu kakhulu okokuba uGqipa uJ. E. K. Aggrey, M.A., D.D., Ph.D., ongumNcedisi womOngameli, kwiKoleji yePrince of Wales, eAchimota, ubube eNew York, ngomhla wama3o kweyenTlaña.

" Kwisithuña seminyaka emithathu senkonzo yakhe phantsi koGulumente waseGold Coast, uGqipa uAggrey wenze umsebenzi oxabiso lawo lungasayi kuze luphele, ewenzela abantu bezwe lakowaño. Uzixhamle kunene ngokuchazela abantu Bakowaño iinjongo zikaGulumente malunga nemfundo, ngakumbi malunga neAchimota, waza akayeka apho. Akazanga ayeke ukunceda, ngoñuchulekazi obukhulu, nangamandla amakhulu entetho, kweli laseGold Coast nakwezinye iindawo, ukuqhubela phambili olu visiswano lufuneka kangaka phakathi

koMhlophe noMnyama, ukuze izinto ziqhube ngendlela eyiyo. Oku kufa kwal'o mfo, eyade yathi ngaye i'Guluneli ephumileyo, 'ungumthandi weAfrika oṣuṣu, nontliziyo inkulu, kusisivubeko kuGulumente nasebantwini ngokufanayo. UmHlekazi ke uyaleza bonke aabo banoluvo olunje ngolukaGqiṣa uAggrey, namathemba anje ngawake ngelizwe lakhe kwixej'a elizayo, okokuṣa bangazilibali iingcingane zakhe eziphakamileyo, neminqweno yakhe, namacebo akhe obulumko."

E Achimota

Kuqhutywe inKonzo yesiKhumbuzo nomBulelo eAchimota ngeCawa yomhla wesiż kweyeThupha. Babé kumakhulu asibozo abantu abahlanganisene kuloo ndlu inkulu yentlanganiso, kukho phakathi kwabó i'Guluneli, nomk'ayo, nentombi yayo ; kwakukho umBali oyinTloko wakwaGulumente, namanye amagosa ; wayekho nomHlekazi uOfori Atta, inKosi yaseAnamabu, nento eninzi yamaAfrika awaziwayo. Izifundo zeziBalo zifundwe yi'Guluneli, laza i'Bamba lomOngameli, umFu. uC. Kingsley Williams, weenza intetho esekwe kumazwi enKosi Yethu athi, " UThixo akaThixo wababileyo, ungowabahphilileyo" (*uMarko*, xii. 27).

Uqhube umFundisi uWilliams wathi, " Siṣe, mhlawumbi, singabafundi phantsi kwakhe. Sifunde kolo ncumo lwakhe luqaqambileyo, nakuloo mandla akhe angummangaliso okuthetha nawokwenza ; saye sisazi kunjalo nje okokuṣa asisayi kuze sibuye sifumane yimbi ititsala enje ngaye ukufudumala, nokudlamka, nokuqaqamba.

Okanye siṣe, mhlawumbi, sifundisa kunye naye, sizigasa ngobuhlobo bethu naye, sayame ukunyaniseka kwakhe, singazanga sithi kanti sithembe ilize, sihleli sinceidakala ngamacebo akhe. Siyazi ukuṣa ngoku nje

akukho mntu ungaze axelise yena, ukusinceda ukuba siwazi umsebenzi wethu, enje njalo ukuxolela, nokwenzelelela, nokuchaza iindawo esiphosise ngazo, kwa noku-swela-kuqonda kwethu.

" Okanye sibe, mhlawumbi, singabakhonzi kunye naye, sikhonza kweli lizwe nakubantu balo ; saye silwazi, nje ngoko sesikhunjiziwe, uhlobo abesakuba lulo engontsini yentliziyo, ukuyithanda kwakhe iAfrika, lo sihluthwe yena namhla nje.

" Asinaabo nobuganga bokuyicinga yona ilahleko yase-Achimota ngaye. Indlu yakhe yayisecaleni leyam ; ndiya yazi ke ngoko intlalo abeyihleli. Evuka kusasa, efunda ebala isiqingatha sonke sobusuku, engatyi futhi, aze nangelo xa athi uya tya, ufile engatyi nto, esebeanza qho, engaphumli, ehanjelwa ziindwendwe imini le, uyinxhale wayigqiba tu imini ngomsebenzi. Kuþe kusakuthi kane ngenyanga emke, athabathe iihambo ezinde, kumazwe akude, aþho aya kuthi iiñtsuku ezintathu azigqibé cwaka, esenza iintetho ezidinisayo, kungenjalo abe ephulaphula iintswaqane ezidinisa ngokungaphezulu.

" Eyona ngcamango iyincamisa eyabukhokelayo ubomi Bakhe, kukukholwa okuqinisekileyo bibusuhlobo, luvelwano, yimvisisiswano. Wayeyazi le nto ikukuthanda uthando, ukuthiya intiyo, ukugxeka ugheko. Akazanga ancame. Kanti ekuncameni aþho, ibinguyena ungaþa nesizathu esivakalayo, ngaphezu kokuba angaþa nokusiqonda nawuphi na umntu oMhlophe, okanye nawuphi na umAfrika ongazanga emke kweli leAfrika esenTsonalanga. Weva iintlungu ezinkulu, kuþa engumAfrika ; ubabonile naþanye þeviswa iintlungu, kuþa Bengama-Afrika.

" Mna ngokwam ndakha ndamva exelela isihlweli samakhulu-khulu aabafundi abamhlophe ngento awakha-wayenziwa, ecande ilizwekazi walinqumla kabini

ngeentsuku ezintathu, ezamel uku^{ba} ma ze abe kho kwikomfa ethile, ekunye na^{ba}hlobo ab^aMhlophe ab^abini. Kwezo hambo zombini, wahlaliswa ubusuku bonke kwigumbi letreyini la^{ba}phantsi, nje ku^{ba} engumAfrika. Mna ngokwam ndawabona loo makhulu-khulu, amadoda namankazana, inkungu nelanga enga ngale izalise le ndlu namhla nje, evutha ngumsindo naziintloni. 'Suke kuthi kunjalo, abe sel' esihlekisa, si^{bu}hleka kunye naye o^{bo} b^ayatha ba^{ba}senziwa, esibonisa uku^{ba} kunokuthi, ngokuyihleka into enjalo, nangobabalo lukaThixo, eyona ngozi inkulu ikhoyo kweli hla^{ba}bathi lethu namhla nje ingasuka i^{be} lolona loyiso lwethu lukhulu."

ELondon

Ezinye iinkonzo zeenziwa ngalo olo suku nangasemva koko. NeLondon ya^{ba} nenkonzo yayo. Ya^qhutyelwa kwityalike edumileyo, eyi St. Martin's-in-the-Fields ; uSo^{luf}e, iArt/bijopu yaseCanterbury, wathumela omnye wa^{ba}ncedisi bakhe uku^{ba} aye ku^{ba} ngummeli wakhe. Ba^{ba}elapho na^{ba}fundi bamaAfrika abaninzi ; nomFu, uGqi^{ra} uM. J. Elliott, owayekhe waangumfundisi kwi-Afrika engasent^Tsona-langa, watetha kwisicat^{sh}ulwa esithi, "Anazi na okoku^{ba} kuw'e ingangalala nenkosana namhla nje kwaSirayeli ?" Kwavunywa nengoma yesi-Afrika yomnchwa^{bo}, ihlatyelwa ngokaSolanke uLadipo, ongumBali woManyano lweemFundⁱ zeAfrika engase-nT^Tsona-langa. Yenje nje ivesi yokuphetha yaloo ngoma :—

" K'Olorun ghe safefe rere
 K'Oba Ko sehin re ni rere
 K'o d'Asalu Orun
 K'o wo Paradise
 O digbose "

" Ngamana uMnini-Zulu wamnika uxolelo olululo !
 Ngamana umsebenzi wakhe walenza lahlala ngonanini
 igama lakhe !
 Ngamana wazuza uloyiso lwaseZulwini !
 Ngamana waandlela-ntle ! "

INTETHO ZOKUNCOMA

UmFu. uA. G. Fraser, umOngameli weAchimota, ubale esithi :

" Mhlawumbi ndimazi uAggrey kakhulu, ngaphezu kokuša lumazi uninzi lwaabantu. Kuša, ngomnyaka wokuqala womsebenzi wethu kwelaseGold Coast, bonke abasebenzi babaehleli ndlwini nye, yaza inxalenye yethu yaba ngabašini egumbini. UAggrey ke kunye nam saba nethuša elithile sihleli gumbini linye. Waye ngumfo ongahlalayo naye kamnandi, umntu ohlekisayo, ongazanga aše nasilandu, ohleli izinto ezi ezijonge ngelona cala lihle. Kuše kusithiwa ngašanye ungumntu one-kqatsi ; kodwa ke ikqatsi lakhe alizanga lenzakalise našani. Ubesakuthi akuzichwayithela, abenze bonke abanye ukušabachwayithe kunye naye. Ngumfo owayenobunyulu endingekaboni mntu wumbi unjalo. Waye kanjalo engumfo ophangaleleyo ; esisihlošo kumntu wonke, ezinyamekela izinto zašo, ehleli enobušele.

" Nguye kanye owandoiyisela ekušeni ndiye eAchimota. Ndinge ndingazanga ndiye, ukuša yayingenziwanga nguye loo nto ; kuša wayebazi abantu, enokundinceda ukuša nam ndibazi ; kwaye kungekho mntu wumbi unakho ukuyenza loo nto. Wandišeka idinga lokaša uya kundinceda. Akukho mntu wakha waanomncedisi emsebenzini omgqitha ngokunyaniseka ; waye elixašiso eliyimbalašane kuloo msebenzi awenzayo. Zininzi izinto ezilungileyo endibašalwe ngazo ešomini ſam ;

kwezona ziphambili ke kukuthi ndiše nenyhweba yokumazi uAggrey ngokomhlobo osondeleyo, ndimazi kanyé."

Le ilandelayo ibalwe ngumHlekazi, uGordon Guggisberg :

" Ngokusweleka kukaAggrey, iAfrika ilahlekelwe ngo-mnye woonyana bayo abaziingangamfa. Baninzi, kwaBaMhlophe nakwaBaMnyama, abaya kumlilela ngo-komhlobo waabo oyintanda, othembekileyo ; baye aaabo ababeyazi indoda leyo, baya kusazi isivubeko esenzekileyo, malunga nenkqubela-phambili yezizwe zaseAfrika.

" Kubá uAggrey lo waye ngumAfrika owaziyo kakhulu amasiko aamanyange, nezithethe zaBantu Bakowaabo. Kanti ke noko, ukubathanda kwakhe abantu Bakowaabo, kwa namasiko abo, akuzanga nakancinane kumtyha-phazele, ukuba angaboni ukuba kumelwe ukuba kubé kho iinguqulo ezenziwayo, ukuba ngaba loo maAfrika awathandayo aya kuyigcina indawo yawo, kweli lizwe lisoloko lisungisele phambili.

" Kanti ke kwakhona, ubeyifumbethe kwa kangako nangengqondo yakhe iphela, into yokokuBa, naziphi na iinguqulo ezibafikelayo abantu aabá Bakowaabo, ma zingabi zeziguqula izimbo zaabo, nomphunga waabo, kwa nesimilo sabo, BengamaAfrika nje. Yeyona nto leyo iibihleli ilixhala kuye—indlela abanglanikwa ngayo amathuba okufumana yonke imfundu, nolwazi lonke lobuchule nelobugcisa ; baze noko Baqiniseke ukuwugcina umphunga wamanyange abo, bahlale BengamaAfrika.

" Ngummango lowo onyukayo ogqagala, okokuBa umntu angazibeka kuwo. Kodwa yena wayemthembile uThixo, ebathembile naBantu Bakowaabo, yaza imfundu yakhe, nesimilo sakhe esithe ngxi, namava akhe aziintlobo ngeentlobo, ezo zinto zamnika iingcamango eziphathekayo zokuBa aziqhuBe aziphumelelise ezo zimvo zakhe. Kule

minyaka mithathu yakhe yokugqibela, iбе yinkolo nje yakhe ethe yamfunqula, yaya yamsa ngaphaya lee kunento angeleyiyo, yaza yaba ngumsimelelo aya kuhlala ayame ngawo. Waye nalo ukholo olulolo hlobo —ukholo oluqinisekileyo lomKristu wenene.

" UAggrey wayexabiseke ehlabathini, kanga ngokuba okwakaloku akubonakali ungathabatha isikhundla sakhe : wayelikhonco elingenambali ukuxabiseka kwalo, lokumanya oMnyama noMhlophe. Yena ngokwakhe ubebona ngokucacileyo ukuва inkqubela yabantu баковањо iya kuba sekuthini ikakhulu layo ixhomekeke ekusebenzeni kunye koMhlophe noMnyama. Yeyona nto ke leyo wayezincame ngenxa yayo—ukuvisisana kwaаba bantu.

" Enyanisweni uAggrey wayenguyena mkhumi unguye, owakha wakho kule minyaka ilikhulu, onokumcacisela umntu oMnyama into ayiyo oMhlophe, nangokunjalo ukumcacisela oMhlophe ngoMnyama.

" Ndibale ngomhlobo wam lo uAggrey nje ngoko ndimbone enjalo ; nje ngoko ndimbone kwiintetho ezininzi, ezeluzungu, ezizezeziq nam naye ; nje ngoko ndimbone enjalo emsebenzini wakhe. Kuwo onke amadoda endiwaziyo, le inguAggrey yayiyeyona ise ikulungele ukuuwewela umLambo lowo mkhulu. Usengayi kuva буљунгукуне kwakhe, ngaphandle kokusiya umk'akhe naбантвана, nangokusya iinjongo zakhe ezo zingaggitywanga zafezeka. Bakho abanye abaya kuza. Ngamana lo mzekelo unguye ungaбавутхезелла, ngamana singafumana ooAggrey abaninzi kwesi sithabazi seli liZwekazi lethu laseAfrika.

" Ngakho oko ke, sihlobo esidala, phumla ngoxolo ! Uziбekile iziseko zendlela aya kuhamba ngayo amaAfrika lawo uбе uwathanda."

ISIQENDU XII

Lo mFo : ISIQU SAKHE

UAGGREY wayengumAfrika wamaAfrika. Wayengena-luhloni ngebalalakhe; wayezidla ngalo. Ubedla ngokuthi, " Ndingathi ndiye eZulwini, waza wathi uThixo, ' Aggrey, ndiza kukubuyisela kwa semhlabenzi ; akunge-thandi ukubuyela ngoku se ungumntu oMhlophe ? ' ndingathi, ' Hayi, ndibuyisele ndingumntu oMnyama, ewe, ndibuyisele mnyama tsu.' Ukuña uThixo uthe waBuza isizathu soko, ndingaphendula ndithi, ' Kubá ndisenomsebenzi ema ndiwenze ndingumntu oMnyama, ongenakwensiwa mntu uMhlophe. Nceda, Bawo, undibuyisele ndimnyama, kanga ngoko unakho.' "

Ezalelwe eAfrika nje, waza wayifumana ikakhulu imfundu eMelika, kuwo omañini loo mazwe ubenamaxeja okuphatheka ntlaka-ntlaka nje, kuña elunge kwisizwe esinolusu olumnyama, neenwele ezisonteleneyo. Wayelinene elifundisekileyo ; kanti abantu abaninzi bamahlula, banga bamisa umqobo phakathi kwakhe nesona siyatha singazi nto esingumYuropu, bangakhe batsho ukumbeka mgangathweni mnye naþo ; bade sangathandi nokuthi kuye, " Mnumzana Aggrey." Kwinqanawa ethile yama-Ngesi eyayixinene ngabantu, ihamba phakathi kweMelika neNgilane, wanikwa igumbi lakhe yedwa, netafile yokuba atyele kuyo yedwa, ngenxa yokuba kuthe kwaakho bahambi bathile abangafuni kutya nakulala apho kukho umntu oMnyama. Kukho ke umhlobo owambuzayo into acinga yona ngayo loo nto. Usuke waphendula

ngelithi, "Yini kaloku, ubusara bungakwicala lam nje? Nina ningumngwandi phaya, ngathi niziinkumbi zikhwe-lene etyholweni; kanti mna ndinegumbi lam ndedwa, netafile yam ndedwa, nomququzeleli wam ndedwa!"

Ubekuthanda ukudla ubusara ngezinto ezinjalo—zaye ke ziliqela. Kanti noko bekungelula kuye, ukuba impatho entlaka-ntlaka ayithathe ngokuchwayitha. Baya phosisa abacinga okokuña ufele olu lwakhe se lungqindilili, kwa nje ngokuña lumnyama nje. Inyaniso yona yile yokuba ngokwendalo ubezitsho, enolwavela. Naliphi na ilizwi elilukhuni se lisuke limtyhutyhe limqiqiše, kodwa uthe ukuzilawula kwakhe wamana encuma, apho amanye amadoda ebeya kuqalekisa athuke. Xa aza kuhamba uhambo, alwaziyo ukuba kulo uya kuhlangana namazwi agadalala, ubesakuthi emke, aye kwindawo eyodwa, aye kulungiselela umphefumlo wakhe, ukuba ma ze abe nokuwahlangabeza. Womva kodwa esithi, "Zigcine emsindweni, uncume; wayethetha loo nto uYesu, xa athi abantu ma baguqule esinye isidlele."

Intsini kaAggrey yayiyeyokwenene, isitsho nabanye baba nentsini. Kukho iqhalo lamaAfrika elithi, "Umntu unakho ukuncuma eli xa amazinyo akhe abandayo, omileyo." OlukaAggrey uncumo lwalungaphelele emilebeni yomlomo nje kodwa; ukuhleka oku kwakhe kwaye kuphuma kwintliziyo eyonwañileyo. Omnye wezihlobo zakhe uthe, ubefuna ukukhe aphakame enKonzweni yakhe yomNchwaño, akhe atsho ubusara bukaAggrey, kuña isuke le nKonzo yee nzwanga kakhulu, abe yena uAggrey engumfo onje ukudlamka. Wathi omnye umhlobo, "Ndiya yithanda into yokuba kanene uya bahlekisa eZulwini phaya."

abantu ababehlala noAggrey, behamba naye kule minyaka yamva nje, babeya bamangaliswe koku konwaña kwakhe, noku kuthi zole. Omnye umhlobo wakhe uthi,

" Ndaaneenyanga ezithile ndahlulelene naye ngendlu, phofu andizanga ndimbone engonwaabanga, engenabantu, ezingca, engenabitsele ; ubesoloko ekulungele ukukhettha oko kubukekayo kumntu wonke, esoloko evelana nabantu, soloko elungele ukubaxolela." Omnye umhlobo uthi, kuhambo lweenyanga ezintathu ababenalo, akazanga ambone equmbile, engazanga amve ethetha lizwi lisì ngamntu. Kanti kuthiwa ebuncinaneni ibingenguwo msindo kuAggrey ; ibiliawu eli. Abafu abakha bafunda kuye baya mtsho ngokomntu obekhe abe bukhali ekuthetheni nasekubetheni. Phofu waya ekhula elubabalweni nasekuzoyiseni.

Khona kwintetho yasesidlangularaleni, uAggrey wayegqibelele ncum. Akukho mntu akhe abuye ayilisale intetho ayive kuAggrey, mhla sel' ethetha entlanganisweni enku. Abantu bebekuthanda ukumphulaphula, nokuba ngabeziphi na iindidi. Kuphela kwabantu abe ebawdwebele ezintethweni zakhe, babengaaba bantu banqulo lunyaabileyo, abamoyikayo umntu ofika azityhile intliziyo. Abafundi, nokuba bangabaliphi na isala, wayesezingqondweni kubo ; ubehlala ebamangalisa ngokuthi thaphu kwintetho abangayilindeleyo ; abafundi ke baya kuthanda ukumangalisa.

Malunga nembonakalo le yakhe, abantu kambe ba bona ngoku bona. Bakho ababesithi yinzwana enomkhitha ; abanye bona bakha bathi kuqala unendawo exakayo. Kwaye kukho umahluko obamangalisa kakhulu abantu, phakathi koAggrey ethe tu, noAggrey xa athethayo. Iintetho zakhe zaye ziukuqela ngoku komsinga wamanzi, loo nto icace unge uya yibona, ibe intetho izele zizinto zokuhlekisa. Xa athethayo, kubé kusukuma wonk' umzimba, batsho banxaphe nabacholi beendaña. Wada omnye wavakala esithi, " Ung'akuthi ni ke ukubala intetho yezandla zomntu ? " Loo nto isingalungiselelwé

nakangaka nani. Okuya wayesaphethe ißandla, nasemva koko, ubehlala exhalile umk'akhe ngokungamßoni elungiselela ntsumayelo. Ußethi aseßenze izinto ngezinto, ade aphume endlwini; aze athi umk'akhe akumkhumbuza ngentsumayelo leyo, asuke alathe eßunzi, aphendule encuma, athi, "Ungakhathazeki, sithandwa; ilapha yonke loo nto." Wothi ke umf' omkhulu, sel' engene ekarini, aqale akhe athi zole, umhlawumbi akhe athi dwi, dwi, imigcana emßalwana ephetßhaneni. Ngamaxa wambi ußesakuthi alungiselele intetho eya kufundelwa umßutho othile; kodwa khona ukuyibala into, ngaphandle kokußa abale incwadi eya emntwini, asinto abeyihoyile leyo. Kuya thandaßuzeka nokußa wakha wayibala na intetho yakhe nokußa yintsumayelo, ngokupheleleyo. Ezona ntetho zakhe zinamandla, nezeeyure zombini, zibe zisenziwa nje, zingabalwanga namanqaku la azo. Ngaphaya kwaloo mthombo wentetho, kwaye kukho uqilima lwemfumba yengqondo. Yonk' ingqondo engalißaliyo yomAfrika, naantso kuye. Ungamva sel' esitsho ngohlwahlwane lwestiLatini okanye lwestiGrike, ekwawuthanda umtyhutyhumezo wamagama amade, akhe awutsho nje ngabom, ngendlela yokongeza umkhitha nesidima sentetho.

Enye into eßimnika amandla ekuthetheni, Bubuchule Sokuzichana izinto ezi ukuzibona. Ußeziqonda kwa ngoku, cace, izinto ezininzi ezingabonwayo nokubonwa, luninzi lwabantu.

Ukhe wathi esengumfanana, ehamba nomFundisi wakhe uDennis Kemp, waphawula mfazi uthile ungaßbetheyo, esendleleni phambi kwaßo. Uthe akuthi jike loo mfazi engena ehlathini, wavakala uAggrey esithi, "Ugulelwa yingqondo." Ußuze wathi uKemp, "Wazi ngani?" Iphendule yathi indodana ngelifutßhane, "Ngokuhamba oku kwakhe."

Kweminye iminyaka esemva koko, wafikelwa ngumfazi othile, owayethetha ngomyeni wakhe ogula kanobom. UAggrey wamjonga nzoo emehlwani loo mfazi, wathi, "Unga wena angafa." Uthe umfazi, "Hayi"; koko watshela kuloo ntetho uAggrey, wada umfazi wavuma ukuba kunjalo. Kukho abambzuzayo ukuba le nto uyaze ngani na. Uthe, "Ndimbone, nje ngokuza ethetha nje, emana edlala ngal'o msesane wokutshata, ade ange uya wukhupha apha emnweni."

Ebesakuthi amalungu eKomisoni yemFundo, xa enza intetho eAfrika, ambeke uAggrey ukuba ma ze athethe ekuggibeleni, kuza kuqinisekile okokuza nguye oya kuza nezinto aziphawuleyo yena, azilungise ezigoso, kwiintetho zezithethi zokuqala. Ube ebufunda kwa ngoku ubuso bomntu, aze abe sel' etsiba efunda izimilo zaabo. Abantu ababengamthandi ekuqaleni kokuhlangana naye, baza bathi kamva bazizihlobo ezithe nca kuye, ngoku bangenwe lixhala, bakusinga ukuba kanene wayebabona uAggrey, okuya babemnyembenza.

Esi siphо sakhe sokuyibona kamsinya into emxholweni wayo, safa lunchedo olukhulu kumadoda abesebenza naye equmgwini. Ubengazigqatsi; ubesuka ahlale cwaka, ufike loo mehlo akhe emana ukuwaqalazisa, athi ekwesi isithethi abe ekwesiya, ubuso obu bakhe ufike bumana ukuguqu-guquka, bumka nokuhamba oku kweengcinga. Koda kuse kho bani uthi guququ, ajonge ngakuye; yoba liphanyazo ke int' enkulu ukuphakama ngelihle-kisayo, ilithi gqaba libe linye namabini, kusuke kuse. Ubungawabonayo amadoda amaziyo, ukuthi khu kwavo ukuhlala, elindele ukumphulaphula xa aza kuthetha.

Ube neminyaka emininzi uAggrey ehleli phakathi kweziphendu zabantu abamnyama nabamhlophe. Koko imvelo yakhe, unqulo lwakhe, izifundo zakhe, neehambo zakhe, yonke loo nto ithe ayamvumela okokuza abe

ngumkhuseli ofusu, omfumfuthelisayo, obona cala nye lodwa, wabantu abamnyama. Wayewazi amaAfrika kwa ngaphakathi, engomnye wawo; nangani ehleli iminyaka-nyaka eMelika, waza wathatha kunene imikhwa yelasenTjona-langa, wasoloko noko engumAfrika nqo. Kuþe kungaþa lula ukugqithisa ukucinga ngezikohhlakalo ezenziwe nezithethwe ngabamhlophe kwabamnyama; kuye yena ezo nto azibalelwe ntweni—zizinto nje ezimelwe kukuþa kho, ezifanelwe kukunyanyezelwa ngomoya woþuKristu. Bamþalwa—ukuba okunene Bakho—abantu abamnyama abagqithe uAggrey ngokuþa nezihloþo eziMhlophe, kanjalo wayenalukhulu aluzuza kuþo. Wavezithanda izimbo eziþona kumaYuropu nakumaMelika. Uþesakuþaqwalasela azame naþo, aabø Sangenabuhloþo naþantu abaNtsundu, azame ukuziþona izinto ngawaþo amehlo. Nje ngokuþa ke emanywe kuwo omaþini amaqela, yasoloko ingumnqweno wakhe omkhulu okokuþa Banga Bangaþondana, basebenze kunye ekulukhonzeni uluntu, ize loo nto iþe lilungelo kuþo bonke.

Ambalwa kunaye amadoda afanelwe luyolo oluthenjiswe abaxolelanisi. Nje ngokuþa watshoyo omnye uMdaka waseMelika, "UAggrey uwathiyyile amatyumentyeka"; kanti ke xa atshoyo uthetha iingxabano. Ikakhulu lexeja lakhe kukuzamela uxolo. Ingqondo yakhe entle, ulwazi lwakhe ekusebenzisaneni namadoda naþafazi, amanakani akhe okuzivelela izinto ngamacala onke, unyamezelo lwakhe olungadinwayo, izimvo zakhe zoþuzalwana—ezi zinto zimenze okokuþa abe nguye kanye umxolelanisi. Uxolo olu adla ngokulwenza phakathi kwabantu ngeziþu, naphakathi kwamaqelana aaþantu, uzam'e nzima ukulusondeza naphakathi kwezi zizwekazi ziþini. Wayebathembile abantu, esazi ukuba Bangavuma ukusondelelana, ukuba bekunokusenxiswa

oku kucekisana kwaño. Uthi omnye wezihlobo zakhe, "Wayekholelwe kumntu wonke, kwaye kunjalo nje ngathi kum wonke ubani ubekholelwe kuye. Bañenge-nakuzinceda abantu kuloo nto."

Umfo lo ubenomxhelo ophilileyo kanye. Ubengathi uya vutha ngoku komlilo. Ebesakuthi amanye amadoda ahleli naye, abonakale azive ngathi antswenyile, ange aziinto ezinyabileyo. Wayengemfo ukwaziyo ukuhlala azole. "Kha uhlale phantsi, Aggrey." Wotsho futhifuthi umhlobo wakhe nenkosi yakhe, uGqija uJesse Jones, kwezi hambo Bazihambayo kunye. Bekuba nzima ukumthi ngxi kumsebenzi othile ofuna ukuzolelwa ithuba elide. Into abeyithanda kukujikeleza ilizwe eli, ethetha ezintlanganisweni ezinkulu nezincinane. Amandl' akhe kuleyo into ayengummangaliso. Ngeenyanga ezi-mbalwa, 'eziya wayefundela ngazo umjila kwiyunivesiti yaseKolambiya, weenza iintetho ezimakhulu mahlanu.

Umfo wayeqabukile, eguqu-guquka ngokwendalo yake ; kanti ke noko ubesakuumba kuthi nkqi, kwezinye izinto. Ukusukelana kwakhe nemfundo kwanini-nini—yaña ngummangaliso inzondelelo enjalo. Unxano lwakhe, enxanelwe ulwazi, lwalungaqatyulwa nto. Kwezi veki zimbalwa zokuña aze kusweleka nje, wayesenzo amacebo okuba akhe afumane ithuba aye kufunda ixesana eJamani. Ubungathi, ukhe wakhangela ezincwadini zakhe, ubone ukuba loo mfo akukho nto angayisukelisiyo. Uthe nxu-u ngakunye emithonjeni yolwazi, kwaye kukwa yinene okokuña, nangani engaseli nzulu kuyo yonke le mithombo, kodwa khona ukusela, usele kakhulu. Ingqondo yakhe yokuzikhumbula izinto yayilungelelene ngohlobo lokuba, into abekhe wayifunda encwadini usenokuyikhumbula nangaliphi na ixesa. UAggrey wayefundiswe ngeyona ndlela iyiyo ; wayengayiboni nganxenyenye into, wayeyibona iyonke.

Noko kungenzima ukufumana iindawana ezitenxileyo kuye, uAggrey noko wayengumAfrika wenene ngobungezelo analo ngemvela. Akazanga afumane ayenze ngabom into engeyiyo yambeko. Kukho konke ukuzitsho kwakhe, kwakuhleli kukho khona ukululama kwengqondo. Uthe ngeli xefa abekwindawo ephakame kunene kubasebenzi BeKoleji yaseAchimota, wakha wahanjelwa ngumFundisi uJ. B. Anaman, umfundisi womFante ongumhlobo wakhe wakudala. Uthe evuka kusasa uMnu. uAnaman, wavuka se kukudala uAggrey evukile, esule nezihlangu zakhe. Uvakele esithi, " Bendisakuzi-sula kaloku ndise yinkwenkwe ; ndise yinkwenkwe yakho nangoku."

Kukho abebesakuthi uya zidla ngezinto azenzileyo. Kuyinyaniso ukuba ube ngakucekisi ubunto abubo, namandla akhe ; ubekuthanda ukuchola-chola izijungqe ezithetha ngaye emaphephene eendaBa. Bekusithi khona ukuba iphepha likhe laanomhlathi othetha ngaye, wosel' esuka ethenga isumi lonke laloo maphepha, ewathumela kwizihlobo zakhe. Xa abalela abantu iincwadi, ube esoloko ebalisa ngezinto azoyisileyo, nangokunconywa kwakhe, loo nto isenziwa ngemihlali. Kanti ke noko, jngaba uya phosisa ukuba umcingela ukuba kukuzidla kobuyatha oko. Ezi ncwadi zakhe sithe sacaphula kuzo, ma kuqondwe okokuBa zife zezbalelwE ukuba zifundwe zizihlobo zakhe zodwa. Kukho abaye benezikhala zo zokuBa unolwavela kakuBi. Enyanisweni wayefana nomntwana lo, ukholwa kukuya kuxelela unina into ethethwe ngaye yititsala, iindawo anconywe ngazo, amabaso awazuzileyo ; ayenze loo nto esazi kakuhle ukuba unina lowo uya kuva kamnandi yiloo nto. UAggrey ubekuthanda ukuba izihlobo zakhe zivuyisane naye, xa avuyileyo. Be kusakuba kho ilizwi elivakala futhi kwezi mbali zokoyisa kwakhe, ilizwi elithi, " Le nto ibethe

ndaziva ndingento yanto ; ndithandazeleni." Amazwi okunconywa ayehlala egalelwa ngokungxazisa phezu kwakhe, kodwa loo nto yonke ayikhanga imphambanise ngqondo.

Ebhomini sakhe waye engumntu obaluleke ngoBunchathu ; kwizinto ezithile ubesakuzilawula gadalala. Uhlobo lokutya izimuncu-muncu akazanga akunikele ngqalelo. Ubesitya nje ukuba ma kaphile, kungekho nto iphi nalapho. Oko ebefunda kune nomk'akhe eNew York, ubesithi futhi afike kuloo magumbi abo, kwizithuha zentsimbi yeri ebusuku, afike abize ukutya, abe mhla-wumbi engakhanga atye nto okokoko kwakusasa. Ude atjho omnye wezihlobo zakhe eziMnyama ukuthi, "Woqhuba konke anokukuqhuba, aqale ke acinge ngokutya." Akazanga atshaye cuba, engazanga asele siselo sinamandla, natf, nakofu le. Ubengaseli nto ngaphandle kwamanzi nobisi nekoko. Ubesakuthi akunikwa iti, umbone encuma esithi, "Ndisemtsha kakhulu kunokuha ndisele iti."

NgasekunxiBeni ubenenkathalo kakhulu, enjalo nje ethanda ukunxiha ezohlobo oluphambili. Ukuha eAchimoto ubenesiqhulo sokuha, ngu "Gqiqa Khaki," waza waduma ngeekala zomqala ezithambileyo, yaye iyindlela nje leyo yokuthi, ngathi kuye kukho amadodana athile ezwe lakowaabo achitha kunene imali kwizinxib. Waye-cocke kakhulu, bada abanye bathi ugqithisile, kwinto emalunga nokuhlamba. Akazanga athintelwe nto, ukuba angawuhlambi umzimba kusasa. Leyo yayiyinxalenye yokuzilawula kwakhe, ukuba awucinezele phantsi umzimba, ukuze umphefumlo untinge phezulu. Ucoceko wayeluthanda ngomxhelo wakhe wonke. Ingaba mhla-wumbi yiyo le nto embange ukuba ayithiye kangaka into ebala libomvu.

UAggrey wayenothando olususu ; ibisakutyhileka

kakhulu loo nto, xa ahleli nezihlobo zakhe nentsapho yakhe. Uku^{ba} ebekhe agqithise enyanisweni, kungaba kuxa ancoma ubulungisa bezihlobo zakhe. Ubesakubala amakhulu-khulu eencwadi zeposi; zide ezinye zibe maphepha ngasumi nangaphezulu. Kuzo zonke ke ezo ncwadi, akukho nomgca omnye angaze oyike uku^{ba} ubonwe liliizwe. Kumachaphaza awabalayo malunga nabantu nezinto za^{bo}, akuyi kuze ufumane kuthand' uku^{be}ka ityala, nabuk^{lak}ra. Namaxa abala ngabamchasileyo, loo nto uya kuyenza ngaphandle komsindo. Wayenesiphiwo esisodwa, sokubusona ubulungisa babantu, engazanga abulibale ubusele, nobuncinane, abenzelwe sona ngumntu. Uku^{ba} ngamaxa athile izihlobo zakhe zibe zicinga uku^{ba} uga^{ba}dele ukuzincoma zona, kulungile ke; kokukhona zoqonda uku^{ba} ma zizame uku^{be}kela kulaa ndawo uAggrey azicingela uku^{ba} zikuyo. Zinomdla kakhulu iincwadi zakhe kubantwana bakhе, ukuteketisa kwazo, namacebo akuzo obulumko; oku kuhlala kangaka engekho ekhaya, kwaye kumenze buhlungu intliziyo, engunzali nje. Wakha weenje nje ukubala kwenye incwadi, "Ntombi yam, eli hlabathi linezinto ezininzi ezixabisekileyo; kodwa kwinxalenye yethu, ese ibone kakhulu ukusona amathuba neenguqunguquko ezikulo, akukho nto ixabiso layo lidlule incwadi evela ekhaya, ivela kumntu othandekayo, noku^{ba} ivela kumntwana noku^{ba} ivela kumfazi ongowakho, okuthadayo. Imali yona ayingeze ikufumanise loo nto; iza yona ilixa^{bi}so nebaso elivela phezulu, saye simbulela uThixo ngalo."

Amadoda nabafazi, abamnyama nabamhlophe, abaye semazi, bathi baku^{bu}zwa uku^{ba} unaziphako zini na esimilweni sakhe, bakholise ngokuthi, "Hayi, asiyazi ke leyo." Omnye umhlobo kambe wakha wathi, uAggrey akanakho ukuligibisela gadalala ilizwi eligadalala. Kanti

kwa yena loo mfazi uqhuþe wathi, UAggrey lo, xa athetha naina Yuropu namaAfrika ngokufanayo, ubethetha ngokuphandle, xa awalathela iziphoso zawo. Yayingento ikhoyo kuye, le nto ikukunyhweleza. Baninzi abantu, kwa namaqela aabantu, awawathobayo, atsho aziva esezintlonini, xa awaxeleta iindawo aphosise ngazo. Phofu ubesakuthetha ngobuþele nangoþulumko, kanga ngokuþa iþe liva-mhla ukuze azibizele ingqumbo. Uku-thethisa kwakhe kwaye kukuthethisa okuphilisayo.

Kukho abathi yinto eyahlala ifika mva ezintweni ezimiselwe amaxesa azo ; okanye ingafiki konke ; phofu naabø batshoyo bekwathi, kungokuþa esithi izinto ma zikhwelelane, ngokohloþo lokuxabiseka nokuþaluleka kwazo. Iyinyaniso yona into yokokuþa wayenazo iziphako namadlala akhoyo, kuþa wayengumntu kaloku, engumntu ngenene. Noko ke uninzi oluþe lumazi, lumthanda, luþe lung'athetha into eyathethwa ngomnye umDaka ongumkhokeli, kwelinje lamaþandla akhe onqulo, owathi, " InCwadi eLungileyo ithi, ' akukho namnye umntu ofezekileyo, hayi, noko amnye ' ; kodwa ekuboneni kwam, ngathi akukho mntu wakha waya kutsho ngaphaya koAggrey, ekusondeleni kwakhe eku-sezekeni okupheleleyo."

Ubuhle wayebuthanda. Ngenye imini umhloþo othile waseAchimota umbone echophile, kanye esazulwini seentyatyambo ezityelwe ekungeneni endlwini yakhe. Wahlala apho yedwa, ondele nzoo kwintyatyambo ethile ekhazimlayo, wanga ufuna ukufumana imfihlelo yoþu þuhle bayo. Apho ke, ' ucinge—watyapha nokutsho loo mhloþo—ukuthi uAggrey wayebonakalalisa obona þunzulu þomphefumlo wakhe. Lowo ujunge ngokuman-galiseka, nangokuthobeka, engxamini yentyatyambo—nguAggrey ncakasana ke lowo.

Kun'inzi awakuzuza ngentsapho yakowaþo, nangobu-

zwe ſakowaſo. Kuninzi ngaphezu kunoko anokukuxela, akuzuze kwizihloſo zakhe eziMnyama neziMhlophe, ezaſe zimthanda, noko akuzuze nakwiitſala ezazixha-mlayo ngaye. Kodwa eyona nto ingamandla ebomini ſukaAggrey yayilunqulo lwakhe. Kwaye kusemfanele-kweni ukuba, engumAfrika nje, aſe elawulwa lunqulo ; kuſa amaAfrika ngabantu abanonqulo kunene. Ekuſeni ezalelwe kumzi waſantu abangakholwayo, wazinikela kuKristu eselikjaca-kracana lomntwana, wamlandela ngaphandle kokuhamba eqingqa—singade sithi, engathanda búzi nokuthanda búza. Bathé abathile abebeſunda kune ye naye eMelika, ſakuthi abaqondi ukuba inokuthi ni na indoda ukuba iſe ingumKristu, xa se ifunde zonke ezi zifundo sel' efunde zona, waphendula yena ke ngelithi, " AndimKristu ngabumfama ; ndinaso isizathu sayo le nkolo ikum entliziyweni." Wayethweswe ugaga Iwe-Ncutſhe yeemFundiso zoNqulo, wakufunda ukutyhilwa kweliZwi kwikoleji edumileyo ; phofu into yeemfundiso zamahlelo incinane kakhulu ezincwadini zakhe azibalayo, nakwiintetho zakhe, nakwiintsumayelo zakhe. Wayezithanda ngokufanayo zonke iinkonzo ezi, elusizi kakhulu kukuthi oku kwahlukana kwamahlelo kubé kuya waxakanisa, kuwaphambanisa, amaAfrika akowaſo. Ubesithi ke yena, ubuKristu obu nobu " tyalike," zizinto ezahlukahlkene kunene. Wazamkela iinyaniso ezinzulu, ezicacileyo, zayo iVangeli, wazama ukuzibonakalalisa ziyingo ephilileyo. Ubesakucaphula iindawo, aziseke phezu kwazo iintsumayelo azithandayo, kwiTestamente enDala ; kanti iinyaniso awayezisumayela nawayelinga ukubuseka kuzo ubomi ſakhe, zaye zizinyaniso zeTestamente enTſa. Kukho ke abathi, wayengathethi nto ngeyona nto iyindoqo kuye elunqulweni. Kodwa ke akukho mntu ubenakho ukumazi uAggrey, aze angayiphawuli into yokokuſa ingqondo yobukho ſukaThixo, yiyo ezaſe

yalawula iingcamango nezenzo zakhe zonke. Ubehleli enobudlelane naLovo ungañonwayo; umthandazo lo waye kuye uyinto ezimasekileyo, uyinto ephilileyo. Kukho ukunconywa okungaphezulu 6ethu kwendoda ngumk'ayo, xa ade athi umk'akhe, " Wandiphakamisa, wandisondeza kuThixo ? "

Wawenza wawufeza umsebenzi wakhe omkhulu ngo-kwechule, nangokwemboni. Ixabiso lentsumayelo yakhe ehlabathini limi ngokuqina kokubambelela kwakhe kwinyaniso ezimbalwa ezicacileyo, nasebusufswini azichaz'e waziJumayela ngabo. Kuyo yonke imibuzo mayela nemicimbi eyona mikhulu ebomini, ngobude nangobusanzi 6ab6o 6uphela, wayesoloko enependulo ecacileyo ethe gca, iyimpendulo yo6uKristu. Umsebenzi ke abeskwenza wona ibikukuyifumayela le mpendulo yakhe, itsho ingene ezingqondweni zoluntu, ayifumayele ngawo onke amandla engqondo yakhe, nawomoya wakhe uphela. Waye kwa yena ngokwakhe eyimpendulo ephendula emininzi imicimbi ekhathaza uluntu. Injongo yo6omi 6akhe wakha wayichaza encwadini, xa abalela umtshana wakhe esithi :

" Kwaabo 6anomlilo ndinga ndingongeza umlilo, aabo 6anamandla ndinga ndingabathwesa ngamandla angaphezu kwamandla omntu. Ndinga 6angathi aabo 6ase bencamile ndibavumele ingoma yethemba ; ndinga ndingabaphefumlela abantu ngempempho yothando, eya kuyigxotha yonke intiyo. Mna, mtshana wam ondi-thandayo, ndiya kholwa ukuba ubulungisa buya kuphetha ngokuboyisa ubub6i, ubuntu 6uboyise ubutshini-tshini, kuthi endaweni yezahlukwano kub6e kho imvisiswano."

ISIQENDU XIII

INTΣUMAYELO YAKHE KWABAΜNYAMA NAKWABAΜHLOPHE

UPhawu lombuzo

WOTHI uAggrey, emi phambi kwemaphu yaseAfrika, atshayele ngesandla asingise enTjona-langa, esusela eNijeriya, emke nonxweme, aze abale umda apha emoyeni, ojika usingise ngasemPuma-langa, ucandise kuloo ntlanga yaseSahara, uhlise usingise eSudan nase-Afrika esemPuma-langa, ubekise ezantsi, ithi ke loo nto yenze into enkulu efana nophawu lombuzo (?). Ukuma oku kwayo iAfrika le, kwa nendawo emi kuyo, iluphawu lombuzo phakathi kwamanye amazwekazi. KuAggrey ke yena, umbuzo lowo uyinkosi yeminye imibuzo ngothi : " YimFazwe, luXolo na, phakathi kwezizwe eziMnyama neziMhlophe ? "

Kwiindawana zonke, umzi oMhlophe uya uyizinzisa intlalo yawo kwesi sithabazi selizwe, baye bona ab-aMnyama Besiya Benqambula ekuyivumeleni le nto. Uvakele esithi uAggrey ekuubuyeni kwaabo, bevela eAfrika, " Sithe nje ngokuba sihamba nje, sayifumana inkulu into yokuthi phatsha kwabantu ; ndiya mbulela uThixo ngoko kungazoli. Abanye abantu iya boyikisa loo nto. Le ntsukumo kuyo yonke iAfrika ixela ukuqala kokuzifumana, ukuqala kokuziqonda ; ixela amandla asaqalayo ukuthi qwenge. Isithabazi esi sikhulu selizwekazi kudala silele ixesa eli ; siya phaphama kaloku ! Loo mlambo uyiNiagara, ungathi uyekiwe ukuba wenze ngokuthanda

kwawo elizweni apha, ungasuka untywilisele utjha-balalise imizi nezixeko, wenze imbubo. Kanti ukuba 'unokuthi, uphantsi kwesandla sikaThixo nje, ulawuleke, ungajika ubé lithende elivelisa isikhanyiso, esingakhanayisela elo zwekazi lilonke, libugxothe bonke ubumnyama, litsho kuvele iAfrika entsa. Akunje ngokuba uMarkus Garvey esithi, abamNyama banokubabukuqa abam-Mhlophe; kodwa kukho le nyaniso kuloo nto ayithethayo: abantu abamMhlophe bona baya kusuka bathi, ukuba ayiphelanga le nkcaso yabo yebala ibekiswe kwabaseAfrika nabaseAsiya, bazibukuqe ke bona ngo-kwabo."

IimPendulo ezinTathu

Iinkokeli zemiDaka zahluka-hlukile kuyo le nto, zatsho zaangamaqela amathathu. Likho eli qela lithi, ma kuthiywane, kunyhukutywane, kuliwe; elesifini iqela lithi, ma kuzekelwane, kubé kho nokwendiselwana; elesithathu lisumayela ukuba ma kubé kho ubuhlobo, nokusebenza ngemvisiswano, phofu kungabi kho kuxutywa kwezizwe. UAggrey ke wayelilungu eliphambili leli qela lesithathu. Ubesakuthi kumgama othile awuqonde lo msindo wentiyo ukuMarkus Garvey, inkokeli yeli qela lokuqala, awuqonde nalapho uvela khona. Ubede atsho nokuthi, "Simelwe kukungamangalisa, xa umfo ade waqhuba ngale ndlela. Ukuña umntu uthi ehamba abe emana ukunyhukutywa, ekhatywa ezinyuse-lweni, engavunyelwa ukuba akhwele ezitramini, abe etyhalelwaa kwesiya seenkomo isitalato, usuke abe yinjovane, ngaphandle kokuba ke abe unobabalo luka-Thixo ngokuthe ngxi ebomini bakhe." Kodwa kule nkqubo kaMarkus Garvey, ithi, "IAfrika ma ibe ye yama-Afrika odwa," loo nto yenziwe ngamandla, uAggrey wayeyichasile kanye loo ndlela. Kuyo yonke iAfrika

esen Tjona-langa neseZantsi, wafika le mfundiso ivutha ezingqondweni zamaAfrika amfundwana incinane; ubesakusuke ke kodwa yena athi libongo loo nto. Wada wathi eDikeni, "Kwiindawana zonke endiya ndifike kuzo, ndova ndibuzwa ukuba, uphi na umkhosi weenqanawa, lo kuthiwa uyeza uvela eMelika. Bendisuka ke mna ndithi, ndiya zazi ezo nqanawana zimbini, iбе enye se igqobokile. Ukuña niya bathanda abantu Bakowenu, baxeleleni niyisasaze Banzi, into yokuña uMarkus Garvey lo ulutshasha lwašo, olona lukhulu. Ukuña ubuyatha benu bukanga ngokuba niye kugalela iimali zenu enxhoweni yakhe—hambani ke niye kuyigalela." Ningase niqonda ukuba abalandeli BakaGarvey aaba ,abamthanda uAggrey; bada bathi abanye kuňo bafuna ukumbulala. Kwenye yeencwadi zakhe ezabalwa ngomnyaka we1922, ndibone la mazwi athi, "Kuya ndivuyisa ukuba owona mndilili waßalandeli BakaGarvey ube ujikiwe; kudala ndiyithandazela loo nto, ndisebenza nkqi, ndinayo inkolo yokuba ubulungisa buya kuphetha ngoloyiso.

Kodwa ke uAggrey ubengavumelani naloo miDaka yaseMelika ithi yona, ukuyinyanga yonke le nto yebala, ma kusuke kwendiselwane. Wayezingca ngebala lakhe; ubesakude athi, "Andikholelwe yinto yokudibananisa omnyama, nogwangqa, nomthubí, nomhlophe, bábe ngumxube. Baninzi abantu Bakowethu abaphazama kuyo loo ndawo. Enyanisweni ndingathi, kukho amaqela amathathu. Kukho eyaabá bathi, 'Akwaňa bendi-Mhlophe.' Ungeva ngoma ithile yašo ithi,—

‘Hina, mlingane, qaňane, gama,
Ngamana eli bala lam laswama !’

“Iqela lesibini leli limthiya nje kodwa umntu oMhlophe, libe phofu lingaxolisiwe kukuña ngabantu abamnyama.

“ Elesithathu leli ke ndiziva nditshela nam kulo. Ndivuyisiwe kukuša ndimnyama, ndisazi ukuba uThixo weenje nje ukundidala, eyazi into ayenzayo ; ndikholwa ukuba kukho nto afuna ukuba ndimenzele yona. Ingqondo ethe nqo yomAfrika ngobunyulu, eningayibonayo loo nto kwimišingelelo yašo, ngokuzekelisa, ithi, ilelo išala ma libe sendaweni yalo nje ngoko linjalo ; elimnyama ma lingabi nasiphazamiso, nelimhlophe lingabi nachaphaza.”

Kuyo le nto ubengaqondi nakancinane ukuba unga-neno komntu oMhlophe, nga ngokude athande ukwenza ubuncoko phambi kwaθantu abamhlophe ngeli bala lakhe, nezi nwele zakhe zisonteneyo. Ubesakuthi akubuzwa ukuba kwathi ni na ukuze anyulwe abe lilungu nje lale Komisoni kaPhelps-Stokes, ubesuka aphendule ngo-buncoko athi, “ Ndafakwa nje ukuze abantu bangaktu-uki bumbumhlophe obu.”

Ibingeyonto yakwendiselana, ingeyiyo neyamfazwe, aphi ibi khona ekaAggrey ingqondo ; ibisekusebenzisani qha. Ubesakuthi ukuyibethelela kwakhe le ndawo ezingqondweni, ayenzele laa mzekeliso wakhe weNgoma yePiyane uthi, “ Ungadlala iculo elithile ngezi zichukumiso zepiyane zimhlophe zodwa, ulidlale iculo elithile ngezi zimnyama zodwa ; kodwa xa se ufuna ingoma enendili, uya kuzisebenzisa kunye ezimnyama kwa nezimhlophe.”

Kungabi kho ukungaSebenzisani

Kuthe ngeli xef aAggrey aseZanzibar, iqela lama-Indiya leva ukuba ukhe waphathwa kakusi ngabathile abamhlophe eDar-es-Salaam, acinga ke ngoko ukuba kuya kuša lula ukuba athethe naye, aze yena angene kuwo, baňagxwagħuxse kunye abamhlophe emaphepheni.

Koko uAggrey wamangala ukudibana nawo, esithi. "Mna inzame yam yeyokusebenzisana nomntu oMhlophe. Inkokeli yenu, uGandhi, iya phosisa ngokukuchitha ukusebenzisana. Akayi kuze alincede elaseIndiya ngalo lonke ixeja asaqhuba loo nkqubo. Kukusebenza kunye ngemvisiswano qha okunokwenza ukuba izonakalo zilungiseke, baba nokuncedakala abantu." Asuka ee ng'a imilomo amaIndiya, akafa nalizwi, ngaphandle kokusuka athi, "Usikhumbuza ngeemfundiso zikaKristu." Aphe-nundle ke apho ngelithi, "Kungokuuba ndingomnye wa-balandelii baKhe."

Ithetha nto ni yona le nto kuthiwa kukusebenzisana? Ithetha izinto ngezinto. Kukho uhlobo oluthile lokusebenza kunye olukhoyo kumafama kwelasemPuma-langa yeAfrika, nakwimihadi yeAfrika eseZantsi, apho athi umfo oMhlophe yena akhuphe imali, aze oMnyama akhuphe ukusebenza oku kwakhe. UAggrey ubethetha ukusebenzisana okunjalo, kodwa ejonge nokungaphezulu lee. Wayengaxolisekanga kukuuba abantu babowabo baba zizicaka nje zabantu abamhlophe. Ubesoloko ebaxelela ukuba ma bayilondoloze imali, ukuze bangasoloko sephile ziimali eziphuma kubantu abamhlophe, khona ukuze naabo bakhululeke ukusebenza nokungassebenzi phantsi komntu oMhlophe, ngokuthanda kwaabo.

Ubethanda uAggrey ukwenza imizekeliso ngemidlalo le. Ungamva esithi, "Sinento esinokuyifunda apha kule bola ikhatywayo. Uya bona, ukho lowa umi ngemva kuhle, nalo ungasekunene, nongasekhohlo; ukho lo ute zekevu phakathi kokhohlo nokunene, ukho kanjalo lo usesazulwini, nongasemva kude phaya! Ibola le ke kufuneka iye kukhutjhwa ngaphaya. Yakuuba ke iye kuthiwa tyhusu ngaphaya, uloyiso aluyi kuuba lolomntu omnye, aluyi kuuba lolweli qela be lidlala; luya kuuba lolwaloo koleji yonke iphela. Xa ndilapho ndithi;

Ma kunga&bi kho uphantsi. Onke amadoda ma kaphakame—onke, onke, oMhlophe, oMnyama, oMthub&i, oGwangqa—bonke, bonke ma bavuke, kunga&bi kho mntu uphantsi, sonke ngabanye ngokwezizwe zethu, siqhube kanga ngoko sinakho ukuphilisana, ku&ba ngamnye ngamnye unomnikelo ama keze nawo.”

Esinye isiDlele

E&bomini &bakhe akukho nto i&bibukeka ngaphezu komphunga wo&buKristu, awaye amkele impatho embi ngawo.

Ngalusuku luthile emva kwemini, kwisixeko sase-Melika esisezantsi, wayedlula ngakwindlu entle kunene, ngaphandle kufumbe into eninzi yempahla yendlu. Lithe inene eliMhlophe, elimi ngasesangweni apha, lambiza kabukhali lisithi, “Wena, nceda apha !” Kulo eli nene, uAggrey lo ngumDaka nje elimnikwe ngumDali ono-&busele, uku&ba abe sisicaka salo. UAggrey wayikhulula ibatyi, wagqiba iiyure zombini encedisa ukuthwala loo mpahla inzima, eyingenisa endlwini. Uthe wakugqitywa umsebenzi, lavakala kwa lona elo nene lisithi, kwa ngo-bungqwangangqwili obukhulu, “Usuna isingaphi ke ngawo loo msebenzi ?” Uphendule uAggrey, encuma ngolo ncumo Iwakhe, wathi, “Andifuni nto, nkos’ am ; ndivuyel’ uku&ba ndikuncedisile.” Watsho, wanxiba ibatyi yakhe, wemka.

Izenzo ezinjalo aziphumi e&buphantsini. UAggrey wa&bona kuyo le nto esinye sezipho eziya kwensiwa ngamaAfrika, esenzela ihlabathi liphela. U&bungamva futhi esithi, “Ndiya kholwa uku&ba imiDaka le inesipho esikhulu eya kuli&babala ngaso ihlabathi, isipho sokuhlangabeza inkohlakalo nentswela-&bulungisa, ngokuchwaiyitha kwentliziyo yothando, nangokusebenza. Ngathi

kum le mfundiso iya kuwafundisa namaAsiya kwa nomntu oMhlophe."

Kukho izinto kwimvelo yomAfrika ezisisiseko esilunge kunene sobuKristu. Mhlawumbi ngumDak' omnyama lo oya kuthi ngenye imini abonise kwihiabathi lonke ukuBa buyinto ni na ubuKristu obu, kanye-kanye. Enyanisweni abantu abanokusebenza, banyamezele, bahleke, baya koyisa isiphetho.

Le ke yinxalenye yentsumayelo kaAggrey kumawabo. Kufuneka ithethwe ngokucacileyo into yokokuBa, aka-zanga awacime amehlo akhe, ukuBa angaziBoni iindawo eziButhathaka zaBo, neziphako abanazo. Ubesakuba-xelela futhi-futhi, esithi, ukuBa ngaba bafuna ukuBa Bazuze indawo phakathi kwezinye iintlanga, ma Bazilungiselele ukuBa kuyo loo ndawo. Ubeephatha kuthi, "UkuBa abantu abaphakamileyo Baniphatha khephu, qumbani, ke kodwa nisikhumbule isizathu sokucekiswa kwethu ngabantu abamHlophe—esi sokuBa uninzi lwaBo lufundisiwe Iwacolwa. Thina ke, kuBantu abazizigidi ezihlanu abamNyama beAfrika eseZantsi, Bangaphi abafike kwesi siganga kuthiwa yiB. A.? Abangedluli esandleni. UkuBa mna uThixo uya ndinceda, ubomi Bam ndiya kuBunikela kuBantu Bakowethu, ndithi ma Bapheze ingxolo; ma Bahambe baye kuBa nento abayenzayo; Bangabi ngabamfimfithi nje kodwa, koko BabE ngabavelisi." Ubesakuthi, "Thanda, usebenze!"

InDlela enDidi-ntathu

Indlela kaAggrey yokunyukela phezulu kwabantu BakowaBo yayineendidi ezintathu: ubuKristu, imfundo, ulimo nemfuyo. Kwabantu ezi ndawo zibonakele ziziindawo ezintathu ezahluka-hlukeneyo; kuAggrey yena yinto inye leyo. Wothi xa athetha entlanganisweni,

umve ethi ekule aße ekuleya, ayenze lula loo nto, kanti wenje njalo nasentsumayelweni. Ubesithi ezi zinto yimitya emithathu nje yentsontelo enye. Ubedla ngo-kubabeka ityala nabafundisi, kuña ezi zinto bezama ukuzahlula-hlula. Singazekelisa, sicaphule eli nqaku :

" Aßafundisi abafika kuqala apha eAfrika babeneenjongo ezintle, kodwa basumayela iVangeli, nekhuba, ngokwezinto ezahlukileyo. Abanye beenza umahluko phakathi komsebenzi nonqulo. Kwingqondo yomAfrika akukho mahluko unjalo. UmAfrika yena ukholelwe ekußeni uThixo lo ukho kwinto yonke. Uthi ukuba umntu uya seßenza ngezembe, aze azixabéle ngalo, siti ke thina loo mntu ubethe ngobusuku obungaphambili, wakha waya kwindawo abengafanele kuya kuyo ; ngoku ke uThixo wezembe uya mohlwaya. Umoya lo unoThixo kuwo ; umhlaba unoThixo kuwo ; ihlathi linoThixo kulo ; uThixo lo ukuzo zonke iindawo. 'Uthi ukuba umsumayeli uthi, ' Hayi, uThixo useZulwini,' sisuke singenwe yinkolo yokuba uThixo uphi-phi-phi, kude lee kuthi."

Ukuña ,ufuna ukuchana iingcingane kanye zomAfrika, unqulo ma lutyhutyhe luße kwinto yonke ebomini. IBandla, isikolo, ifama, kwa nomzi wokusebenzela, yonke loo nto inye. Imfundu engenalo unqulo yayithiyeké isimanga kuAggrey ; imfundu le yena kuye yayithetha ukukhula kwayo yonke indawo esemntwini. Wavakala esithi eDikeni, " Kunga akungebi kho mntu uphunye-zwayo ebufundisini, engalufundelanga ulimo nemfuyo. Kukho iindawo ezintlanu ezingumntu. Sibe sikholisa ukuthi zimbini : umphefumlo, nomzimba. Ukuthi ngumzimba, yingqondo, ngumphefumlo, nayo loo nto ayisisi ndawo. Likho necala lesimilo kanjalo. Kukho nendawo yoßudlelane noßuntu, kuña umntu lo yinto enoßudlelane. Abanye abasumayeli basumayela nje, bahambe ke

Bagogoduke, Bangabi nanto Bayinanzileyo, nokuba abantu aabo balambile, nokuba abalambanga na. Basumayela into ethi, 'Liekele kwizinto eziphezulu ithemba lakho,' baze babuye bambombozele bakungafumanu minikelo ibanelisayo. Ndiya kholwa ukuba yonke ititsala, naye wonke umsumayeli, baya kuwa nento abayaziyo ngolimo olu nemfuyo."

ImFundu eyiyo

Uvakele ngokunye esithi, "Xa ndithetha ngemfundu, andithethi ukufunda izinto zeencwadi nje kodwa; ndithetha ukuqejeswa kwengqondo, nasekuziphatheni, nasentsebenzweni yezandla; ingafumane ibe yimfundu yokubala, nokubala, nokuthetha nencwadi. Ma ibe kwa yimfundu yentloko, eyezandla, neyentliziyo." Le mfundo ke wayeyinqwenelela amantombazana kwa nje ngakumakhwenkwe. Ubesithi, "Akukho sizwe naabantu banokuphakama, xa elinye icala lingamakhoboka, elinye lukhululekile. Indlela eyinqobo yokubagcina abantu, ukuba bangaphakami, kukuthi ufundise amadoda, uwayeke amankazana. Ukuwa ufundisa indoda, ufundisa nje loo mntu mnye; kodwa ukuba ufundisa intombazana, yazi ukuba ufundisa umzi."

Injongo yemfundu kuye yayingekukho ukuphakamisa nje umntu ngamnye, koko ikukuphakamisa iqela labantu, lide lifikelele kumgangatho ongentla. Ubesithi, "Sya kumnceda uThixo ekudaleni ngokutsha izulu elitsha nomhlaba omtsha. Lubizo oluzukileyo olo, umsebenzi wendoda. Alunakuwa phantsi; lumelwe kukuwa lungawi phantsi; ngumsebenzi kaThixo. Amandla aKhe sinakho ukuwafikelela."

Ma kuhunjulwe okokuwa le ndalo intsa, abeyinqwenela uAggrey, ibe iyeyo obu Afrika nqo. Abantu bakowa bo wayebanqwenelela ukuba bayifumane yonke into eyiyo

yasenTjona-langa, kodwa ubesakuthi, "Wayekeni ama-Afrika abe ngamaAfrika ngokohlobo lwavo, angabi yimidongwe nje efumane yaxonxelwa ebuYuropini." Ubedla ngokuthetha kanzima kanjalo ngamaAfrika afundisiwego, la athi, akufumana iindawo ezilungileyo zomsebenzi, angaze abuye azane nabantu Bakowawo, awancede nokuwanceda amawawo. Wayedla ngokuyisebenzia ngokuyidela impendulo yomDaka owathi, wakuBuzwa ukuBa uza kuphinda na uye kuBasesenzela abantu Bakowawo, waphendula ngelithi, "Hayi, andizanga ndilahlekelwe nto ezantsi phaya. Be ndiya kufuna nto ni khona ?" Wayebabeka ityala abafundisi ngokuwanyanzeleta amaAfrika ekubeni alahle iindawo ezithile apha ezingcingeni nasemasikweni awo amandulo, ezilixaBiso. Uthe, "Ikakhulu umAfrika wafundiswa okokuBa yonke into eyeyobuAfrika iyeyobuhedeni, ikholakele, ichasene nobuThixo. Nkqu magama la ethu kwathiwa ngawobuginwa, sanikwa ke amagama obu-Yuropu nawobuMelika. Imidudo yethu yonke yamanagalwa, imidlalo yethu yapheziswa, amasiko ethu alahlwa, yalityalwa yonke into eyinto ebomini besizwe sethu ; iziphumo zoko ke kulusizi ukucinga ngazo."

WaBa ligora ekukhuseleni ukusetyenziswa kwentetho yokuzalwa komntu emfundweni. Ubesithi, "Luza kuse-tyenziswa nini na apha ebomini Bomntswana olu Iwimi lokuzalwa ? Impendulo yam ithi, 'Kwa sentloko.' " Wathi xa kwensiwa imigaqo emitsha yezikolo zaseGold Coast, ma yenziwe ngohlobo lokuba kuthi kwasekususeni kwibanga loI, kude kuse kweleIV. neleV., kungaBi kho tifala iviwa ithetha nelizwi elinye lesiNgesi, ngaphandle kwamaxa ifundisa isifundo sesiNgesi.

Wonke lo mcimbi wemfundo ungaqukunjelwa ngezwi elinye elileli, "Ndinga bonke abantu Bakowethu Bangafundiswa ngeyona ndlela ibanzi, entliziyweni, ezandleni,

nasentloko, ukuze ke ngoko iAfrika ide iße nexabiso ehlaßathini, ngokwezinto eziveliswa ngumoya, yingqondo, naluwebo."

ImiZekeliso

Ekubeni engumAfrika nje, uñeqhuña kakhulu amabali xa afundisayo, ade awaphinda-phinde :

UmLambo oyiNayile

'Kwakha kwaakho imbizo enkulu yemilambo, yaalapho iBrahmaputra, yaakho neGanges ; iThames yayikho, ikho neHudson ; yonke imilambo yayikho. Ithe yaku-gqitywa imbizo, umHlali-ngaphambili wayo uyibuzile ukuña iza kuya ngaphi na, iza kuya kwenza nto ni na kwezo ndawo. Ithe iThames, " Ndiya mna kwindawo ekuthiwa yiLondon, apho ndiya kufika ndiße yinkosikazi eyongamele yonke imilambo yehlaßathi." IHudson ithe, " Mna kwiindonga zam kuya kuña kho iingxilimbela ezinkulu zezindlu ; ndiya kuña ngowona mlambo utye-sileyo ehlaßathini." IGanges ithe, " Abantwana baya kujulelw esifubeni sam ; ndiya kuña ngowona mlambo ungcwalisekileyo ehlaßathini lonke." IMississippi yathi, " Ndiya kuña nguyise wento yonke engamanzi." Kuñe kho mlambo uthile ongazanga wona uthethe nalinye ilizwi, wada wañuza, kusithiwa, " Ungubani wena ? "

" NdiyiNayile."

" Uya kuña phi wena, wenze ni apho ? "

'Iphendule iNayile yathi, " Kwakha kwathi kudala, ukuqalwa kokwenziwa kwehlaßathi, kwaakho ndawo ithile kuthiwa ukubizwa kwayo yiSahara, indawo enkulu, inga ngeUnited States iphela, apho kwaye kungekho mntu unokuphila kuyo, kungekho nanto ikhulayo apho. Ndithe ke, ndiya kuhla ndiy e kuyo, ndiwathobele khona amanzi am avela ezintabeni, ndihle ndipheth'e ukuphila

okuvela ezintañeni, ndiye nakho entlango, ndigqithe ke ndisalekele kuLwandle lwaseMeditare."

'Ithe yonke eminye imilambo yahleka isiqhakjala, isithi, "IAfrika! IAfrika! Yinto ni, Nayile? Yinto ni ungacisi indawo eyiyo? Ibiyini kanye ungasel' uhlal' ekhaya, apha ubukhona?"

'Koko iNayile yona ithe, "Ndiy' apha mna," yatsho yahamba.

'Uthe uThixo uSomandla, ehleli eTroneni yaKhe, akuyibona into eyenziwe yiNayile, wathi, "INayile ndiza kuyenza ibe ngowona mlambo mhle kunene, ngowona uncwale kunayo yonke imilambo yehlañathi." Okunene ke zithe iinqulo zakudala xa zichizekayo, xa lukhulayo olu nqulo lutsha, waluzisela uMoses, owayesingethwe esifubeni sawo loo mlambo w,azincamayo, uyiNayile. Uthe akuba uMoses emkile, kwa nañaprofeti bonke, xa ngoku kufuneka omKhulu wokuña asifundise ngoThixo, wazalwa uYesu. Naye lo Yesu ngokwaKhe mhlawumbi ngelengañanga nakho ukuwenza loo mseñenzi wawenzayo, ngaphandle kwento enye eyile: "Hamba, thañatha umNtwana nonina uye eYiputa, ecaleni leNayile leyo yazincamayo, khon' ukuze kuthiwe, 'Ndamñiza uNyana wam ukuba aphume eYiputa.' "

'Kwakhona, niya khumbula okokuña wathi uYesu, xa aya kubethelwa emNqamlezweni, akwaña kho Sani ma kawuthwale umNqamlezo waKhe, ngaphandle kuka-Simi, owazalelwa ngakwiindonga zeNayile leyo yazinikelayo.

'Ngoko ke, zihlobo zam, musani ukuyidela iAfrika le.'

UKhozi

'Umfo othile wacanda ehlathini efuna iintaka, nayiphi na angathi akholwe yiyo. Usuke wañamba intsonjo

lokhozi, wagoduka nalo, walifaka phakathi kweenkuku zakhe, namadada, neekalkuni, walityisa ukutya kwamantsontso eenkuku, ukuſa ma litye khona, nangani lilukhozi, ukumkani weentaka.

'Emva kweminyaka emihlanu, kwafika kuloo mzi ichule leentaka, lize kuſona umnini-mzi lo. Uthe emveni kokuba behambile emyezweni apha, wathi, "Laa ntaka l'ukhozi, asiyiyo ntaka yasekhaya." Uthe umnini-yo, "Ewe, phofu se ndiyiqeqesele ekubeni iſe lintſontſo lasekhaya. Ayiselulo ukhozi, ise ilintſontſo, nangani ububanzi ſalo, ukususela kwelinye iphiko ukusa kwelinye, buziinyawo eziſumi elinantlanu." Lithe ichule, "Hayi, liselukhozi noko; linentliziyo yokhozi. Ndiya kulwenza mna lubabe lubeke phezulu esibaka-bakeni." Uphendule umnini-lo wathi, "Hayi, ilintſontſo ngoku, aliyikuze libabe!"

'Bavumelana ukuſa ſakhe ſalulinge. Lithe ichule laluthabatha ukhozi, laluphakamisa, lavakala lisithi ngamandla, "L'ukhozi, ulukhozi wena; ulunge esibaka-bakeni phaya wena, akulunge kule nkunkuma ukuyo yomhlaſa. Yolul' amaphiko akho ubabe!"

'Lunge lungemka ukhozi lweenje njeya, lweenje njeya, 'suke Iwajonga ezantsi, Iwaſona iinkuku zisitya ukutya kwazo, Iwatsiba Iwehla.

'Uthe umnini-lo, "Endikuxelele ukuſa le nto ise iyinkuku." Lithe ichule leentaka, "Hayi, lukhozi. Kha uluphe elinye ithutyana ngomso." Kuthe ngengomso laluthabatha lakhwela nalo endlwini phezulu, lathi, "L'ukhozi, ulukhozi wena. Yolul' amaphik' akho ubabe!" Koko luhindile ukhozi Iwaſona iinkuku zisitya, Iwatsiba Iwehla, Iwaya kutya nalo.

'Uthe umnini-lo, "Ndakuxelela kwanini-nini ukuſa se iyinkuku le, akusayi kuze uyibone izenza ezo nto." Uphindile umfo ozaziyo iintaka wathi, "L'ukhozi, Iwaye

lusenayo ingqondo yobukhozi. Kha uluphe nje ithutyana libe linye ; ndiya kulwenza lubabe ngomso."

'Kuthe ngengomso wavuka kwa kusasa, wemka nalo ukhozi waphuma esixekweni, wafenxa ezindlwini, waya emazantsi entaba ende. Kwakuxa ilanga liphumayo, kuxa lithi tshapha ezincotsheni zeentaba ; yaye yonke loo mixawuka ikhazimla luvuyo lokuba ilanga liphumile, umso uzole kamnandi.

'Uluphakamisile ukhozi, wathi kulo, "Khozi, uya bona, ulukhozi wena. Ulunge esibaka-bakeni phaya, akulunge kwezi nkunkuma zal'o mhlaiba. Yolul' amaphik' akho ubabe !"

'Lusuke ukhozi lwasinga-singa, Iwangcangcazel, Iwanga lufikelwe yint' apha entja ; alwababa noko. Ichule leentaka liluthabathe ngoku lalujongisa nzoo elangeni. Lusuke Iwabonakala se luwolula amaphiko, Iwavakala lusithi kru, ngokokhozi kanye, Iwemka, Iwaya lunyuka, lunyuka, alwaza lubuye. Lwaye lulukhozi, nangani lugcinwe Iwensiwa mbuna, Iwada Iwanga luyinkuku.'

Ubesakuthi ke uAggrey, akuña eli balisile eli bali ngamandlakazi amakhulu, umve esithi, "Bafo ndini Bakowethu BaseAfrika, sasidalwe saangumfanekiso kaThixo, koko abantu aaba basenza ukuba sicinge ukuba singamantsontso ; nathi sisacinga ukuba singawo. Kanti siziinkozi. Yolulani amaphiko enu nibabe ! Musan' ukuxola kukutya kwamantsontso !" Wotsho ke ayizekelise le ndawo ngezinto ezininzi ezibagcinleyo abantu bakowaabo ukuba bangaphakami.

Ngenyanga kaTshaz'iimpuzi, ngomnyaka we1928, e-Achimota kusekwe umButho kaAggrey waBaFundi. Iinjongo zaho yayikukuhumbuza abafundi ngomisebenzi omkhulu obekwe phezu kwaabo, nokusasaza intsumayelo kaAggrey—ngentetho evakalayo, ngowokwenza ukuba

uAggrey ahleli ezingqondweni. Ude umOngameli wawo waliweza elithi, " Ingabi kukumenza nje kodwa uAggrey wethu ukuba ma kahlale ehleli, koko sizamele okokuña nathi ngokwethu sibe ngooAggrey abakhoyo ; kuña kanene, asizizo nkuku, siziinkozi. Sinakho ukubaba sibeke phezulu, nje ngaye, side sigqithe nalapho afike khona, xa nguba sizimisele ukulihlawula elo xabiso lifunekayo. Asingentingi yini ? Sinakho ngokumhlophe. Ngoko ke ma sinduluke ! Zinkozi, ma sibabe ! "

Naaso ke isaci esifanele kukuthi isikolo ngasinye sama-Afrika sizithaBaThele—" MA SINDULUKE, ZINKOZI ! "

Kwimbasa yeAchimota kukho umzekeliso welizwi lakhe lezichukumiso zepiyane, ezimhlophe nezimnyama. Eyona ngoma inendili yoluntu ayinakho ukwenziwa, ngaphandle kokuwasebenzia kunye amabala aMnyama naMhlophe, athe uThixo wawadalela ukuba asebenze kunye. Le ke yeyona ngqondo inzulu eyaye isentliziyweni kaJames Emman Kwegyir Aggrey.

UTHE EFILE, WABE ESA THE THA.

IZIHLOMELO

Isihlomelo I : Isiqendu I, iphepha le4.

" Ngenxa yewonga likabawo, nohlobo lwakhe, kuthe ngeemini zakudala, xa amafante ayesilwa idabikazi elisi namaElminiya, wanyulwa ngamaAnamabu ukuba abe ngophambili kubalamli. Okunene yena waphumelala kunye naabo wayenab.

" Kuthe ngexa izizwe zeCape Coast neAnamabu zazixaabene, kubonakala okokuwa zizonde ukuphelela ekuxaabelaneni kwaabazalwana ngemfazwekazi embi, iGuluneli eyayikho ngelo xesa, uMnu. uCruikshank, owayehleli iminyaka elisumi linesibozo kwelo laseGold Coast, wazama kakhulu ukuyiphelisa loo ngxwaaba-ngxwaaba, koko akaphumelela. Waabiza ubawo, ophulaphule iingxelo ngeengxelo zamacula omaabini, kwada kwaaziintsuku ezilinan. Uthe, eyiKyame nje yelo thuba, mhla waphakama ngolo suku lubalulekileyo, ukuba ayihlaziye intetho, afike nakwisiphumo sayo, nje ngoko baabone ngakho yena kunye namaceba akunye naye, lajukuma igazi emadoden, asuka amehlo la awo aziingwenye ezi kumacula omaabini. Wema iiyure ngeeyure, ephengulula, echaza ubunqhina ngoUbunqhina. Wayengakwazi kufunda nakubala, koko ngokwekhumsa lama-khumsa, akubanga kho nanye incam ayilibeleyo nayiphosileyo. Kude kwathi kuphi, emva komcimbi obalulekileyo obilisa igazi, ohlasimlisayo, wafika esigqibeni, anela ancamisa omaabini amacala. Yada yathi iGuluneli uCruikshank, ukuxoliseka kwayo nguye

nangumsebenzi wakhe oßalulekileyo waloo mini, yamßala ubawo ngeeponti ezibomvu zontlanu ezineeseleni zontlanu.

" KwiNgqungquethela enkuIu yamaFante, ezazithe zonke iziZwana zamaFante, kunye namaphahlohi azo, zadibana ukuba zizame iindlela zokuzikhushela, nokwazana, kwa nokuzama ukuziphakamisa, ubawo, uKodwo Kwegyir, wayengomnye waabo bawuqalayo loo mcimbi, esisithethi sawo, esasimele neqela lezinye iziZwana.

" Ngexesa iAsanti neFante zaziphathelene izikweqe, iindlela zazisoloko zivaliwe; kodwa ubawo yena wayengazanga avaleleke—wayecandisa nanini na. IgoIa lamagoIa, ongazanga ayoyike imbumbulu, kuIa esithi ayimngeni yena, wayephambili emikhosini, ekwa ngo-wokuqala ocebia kumacala omaßini ukuba ma lixole. Wayesaziwa kakuhle kwiinkundla zamaAsanti kwa nje ngakwezi zamaFante, ebekwe ngokuthe jikelele. Aye emthembile omaßini amacala, waye naye engazanga alidanise elo themba."

IsihlomeLo II : Isiqendu IV, iphepha la33.

(a) Emva kweminyaka ethile, uAggrey, xa athetha kubafundi eDikeni, kwiAfrika eseZantsi, wabalathisa into esisigxina.

Uthe, " Nifanelwe kukuIa *nenze* ngokonqulo lwenu, *niphile* ngokwemfundo yenu. Ndiza kuyichaza into endithetha yona, xa ndithi, nize *nenze* ngokonqulo lwenu. Ndakha ndaya kumzi waßaFundisi ; ndaqqiba apho ibanga lesiVII. ; ndaza ndeenza iminyaka emine kwisikolo esiphambili. Ndifundise iminyaka esithoba, ndemka ke ndaya eMelika ; ndazuza ugaga lwemfundo yaseKolejini. Ndiphumele ngaphandle ukuya kußumayela. Ndandi-wabetha amazwi esiHebere, nawesiLatini, nawesiGrike,

njalo-njalo, kodwa ke ißandla eli lalikhathala yinto ni zezo nto? Aabaa Bantu Babeswele, nokuhlala oku kwaßo bedwela egumbini elinye belisumi. Babenento ababeyisweleyo; ndawa phantsi nam ekußancedeni, nje ngoko nawuphi na umntu anokuwa phantsi, xa aßumayela intsumayelo yeemfundiso nje kodwa.

"Ndathi kanti, ndingazi nje, mna ndibaba phezulu, kanti kufuneka ndihlile ndeza eßantwini. Ndaqala ngoku ndaßumayela kwindawo ethi, 'Bapheni, Batye'; ndaßumayela ngoku ngeenkuku, ngeebokhwe, ngento yokutya, ngezinto zokunxiba. Ndaßa nentsumayelo ngezithunywa, ndangena ndathetha ngeengcongconi na-ngeempukane, njalo-njalo, ndisithi zizithunywa zika-Thixo. Iingcongconi ezi ziz'e kuthi, 'Kukho ukufa kwesi sithuba, nafa yifiva. Nditsho kuni, aniva? Ngalo lonke ke ixesa eningekeva, imigxobozo iya kusoloko ikho, inenzela izikhuhlane. Yigutyuleni.' Bosuka ke Savume enye ingomas ethi, 'Sindulule isicaka sakho ngoxolo.' Emva kwenkonzo siße nentlanganiso yokunyula iqumtu lokuzikhangelia ezi ndawo. Bafumana xhegokazi lithile lingenanto yakubasa. Bathi, 'Ee, lona aliyi kuza etyalikeni.' Ndißale malunga nesumi labantu, amabafune iinkuni, Babancede abantu; Baqala ke ukuza.

"Uhloßo lobuKristu esifanelwe kukußa sißuqhube, Boßokujikeleza sißanceda abantu; Bothi ke xa uthandazayo Bakwazi ukuthi, 'Amen!' Abantu Bagqithisile khona ukuthetha oku. Ukuthetha akunandleko, ngaphandle kukußa ubé uza kuthetha ngetelefoni umgamma omde; uya kulihlawula ke ixabiso laleyo.

"Ndathi ukuya kwam kwißandla lakwaMiller, ndafika apho abantu Beswele kanye. Indlu endayinikwayo yayinamagumbi amaninzi, elunyekwe ngemibane, inezinye izinto ezimakhazi-khazi zeli xeja kukulo; koko kwanga kum kusisono ukuba ndiße ndihleli apha. Ndithe

kumalungu ebandla lam, ndiza kuya kuhlala nawo ezindlwini zawo, ndayenza loo nto. Uya bona ke, bafelala bona ngasibozo ngajumi egumbini lilinye, zivingciwe neefestile; babewoyika umoya wasebusuku. Ndada ndacela ukuña noko ndingakhe ndenze inyinyi. Wasakuthetha umi kude nabantu, thetha naño ngokomntu ongomnye waño. Ndiya kholwa ngumthandazo; bekuya kufuneke ke ndikhe ndithandaze phambi kokuba ndikutye oko kutya kwabo; kwaye kunezothu ukubonakala kwakho. Ndivakele ndisithi, 'Kumnyaka ozayo ndiya kuzibala iinkuku eninazo. Kulula ukuzifuya, inyama yazo ilungile, aye amaqanda ekukutya okufaneleke isimanga kubantu abakhulu nakubantwana.' Nili ndele ukuña abantu seze nemali bevela eMelika. Zisizeni ngokwenu: fuyani iinkuku ezi; abantu abaMhlophe safuna amaqanda, baye bengakhathali nokuba avela kumntu oMhlophe, nokuba ngoMnyama na ?

"Ndingene ngoku ndasumayela ebantwini indlela yokutyiswa kwaBantwana. Baninzi kaloku abantwana abasweleka ngenxa yoBudenge Sokungazi imigaqo ehamba ngayo indalo le. Inxalenye yaaba bantwana Bengabantwana angeleba ngooLuther, nooBooker Washington, njalo-njalo, ukuña bafesindisiwe bakhula. Ungathi ukuña uya kwazi ukupheka, ungaliguqula lonke ihlabathi eli. Kumalungu ebandla lam ngoku se kukho iimoto ezilisumi linesithoba; izindlu ezintsa ezakhiweyo zimajumi mahlanu. Ngoku ndithi xa ndisumayelayo, bathi, 'Amen ! ' Bathi, ' Haleluya ! ' "

(b) "Kumzana othile waseMelika, kwakha kweza imiDaka, yakhalaza kum isithi, abantu abaMhlophe abaze bakhetha naño. Ndiphendule ngelithi, 'Velisani nani izinto ezifunwayo ngabaaMhlophe; baya kuthetha nani. Fuyani iinkuku ezi, thengisani ngamaqanda; niya kuyibona ke inguquleko.' Ndazimisela

ke kuloo nto, nanini-nanini, nasezintsumayelweni zam, ndacebisa le nto yokufuywa kweenkuku. Ihle yandiva imiDaka, yeenza, yaanezinto zokuthengisa, iinkuku, namaqanda. Yini le? Yaguquka ngoku indlela abaphathwa ngayo ngabamhlophe, yaanto yimbi; yathi nayo ngoku imiDaka yenyuka, batyeba abanye. Yenza ukuwa ube noncedo kanga ngokuwa bangabi nakwenza nto ungekho. Naantso indlela eningayihlambulula ngayo ke intlalo yenu le."

Isihlomelo III : Isiqendu V, iphepha la42.

Kwisithuba seveki enye phambi kokuwa abube, uAggrey ubalele unyana wakhe, uKwegyir, esenje nje :

KU KWEGYIR AGGREY.

NEW YORK,
23 kweyenTlaba, 1927.

SITHANDWA SAM KWEG,

Ndidane ngokwenene ndakungakuboni ekhaya, ndakuwa ndifikile. Unyoko undihlangabazeze kwa sesitisini. Sithe sibulisana, ndabe ndiphanga ndibusuza, ndisithi, " UKweg. uphi na ? " Uthe, ukwelingasentla kumsebenzi wekampi; ndeenzakala kabuhlungu "ngaphakathi". Ndandise ndizixonxile iintetho esiza kukhe sibe nazo sisobabini. Ndandinqwelenla ukukhe ndibe nethuba lokuva izinto ozimisele ukuzenza, size ke sikhe sizixoxe sicebisane.

Ndiyifumene incwadi yakho, ndazama ukukhe ndizibone izinto ngale yakho injongo. Ndiya sazi isiphumo sokuqhulwa, kwinkwenkwe ekule ntanga uyiyo—babebanye besithi wena ulivila. Thina bantu bomzi lo

siyazi okokuſa loo nto ayiyo nene. Ndithethe futhi ngawe eAfrika—ukusula kwakho izihlangu, nokuſeka kwakho izitena—ndaye ndive mnyak' enye ukuſa uſebenza kumzi wokwenza iqabaka. Akuyiyo nkwenkwe ilinqeneſa, nakanye. Kwa okuya wawungekakhuli, ubu-dla ngokundincedisa xa ndingenisa iinkuni, ekutshayeleni, nasekugutyuleni umzi jikelele, ekunqunqeni uthango, nasekusulen'i nasekululekeni iinguſo, ekuthunyweni, na-ngebotile yakho yeyeza, ebihleli ikulungele ukunyanga nawuphi na umntu onenxeba apha endlwini. Yiyo le nto safikelela kwiſigqib'o sokuba uſuna ukuſa ligqira. Nangoko ubuſe Hampton, ubuſla ngokusebenza emva kwemini, ngeentsuku ezithile—ngathi ke Bethu Bekuba ngolweziNe. Unyoko kwa naabantu bakoaba Banga-basebenzi—akukho nqeneſa; kwaye ngakwelakowethu icala, sonke singabakhuthelyo; kude kuthiwe elinye igama lam ndingu "mſebenzi." Ukuze ndide ndiphume-lele nje eLivingstone, ndaphumelela ngokuzisebenzela, ndiphila ngeyam imali. Akunalo nalinye ithambo nalangu lilinqeneſa emzimbeni wakho. Kanti abanye aaba Bangaaba abazi nto bona, baze ke ngoko badlale ngawe, bakuqhule, bazame ukukucaphukisa—waye ke nawe uya kuzama ukuſa bonisa okokuſa akuwunqeni umſebenzi, ungakuchasanga ukusebenza. Iya ncomeka ke loo nto, Kweg.

Kanti ke nangaphezu kwavo loo moyo wokuſonisa iintanga zakho okokuſa akulilo ibulempu lenqeneſa, kusekho enye indawo. Kukhw' idinga olisbekileyo. Kub'e kungafuneki ukuſa loo nto ma ide ibalwe, ifungelwe. Uyihi' omkhulu, uKwegyir, akazanga abale phepha lamnqophiso. Ubesuka athi, "Ilizwi lam se lindibophile; kwanele ke." Umntu ke onje ngaye, obenakho ukuzilanda umlibo wokuzalwa kwakhe kude kuse kumnyaka we1076, abe kanjalo uya gqitha nalapho, ade

aye kwelaa xesa impucuko yamaYiputa iBisaqala ukuBa kho, umntu onjalo ke wayezitsho kunokuBa angaze afoxe kwidinka alibekileyo. Izolo bendiseWall Street, ndaanethuBa apha lokuBaxelela abeLungu abathile nge "Siko lobuAggrey," nangelizwi lakwaAggrey.

Ndisuke ndaaneenyembezi zokuzitsho, ndakuyifunda incwadi yakho, kulaa ndawo ithi akuvumanga ukubala iphepha lomnqophiso, usuke wema ngesithembiso sakho kwaakuphela—izwi lakwaAggrey. Uya bona ke, loo nto izukile, loo nto ifanelekile. Ndiya zidla ngawe. Ndiya yiBona injongo yakho. Ndiya wubona umoya woBu-handiba ovela kwiminyaka emakhulu-khulu, ukuBa nangu utsitsa kuwe. Akuphumi kumlibo wamanuku-nukwana, nangaliphi na icala. Ndaye ndixolisekile nakukuthi oku : ungalikhuphi izwi lakho ngento ongekayiqondisisi. Wakuhlala ulilumkele ilizwi lakho nanini-nanini na. UkuBa uthe ngoBuNhamo walnikela ilizwi lakho okokuBa uya kwenza into ethile, waza kamva waqiniseka okokuBa le nto iya kuba kukoona, ukhululekile ke ngeso sizathu ; ewe, ubotshelelwe ekuBeni ma ufoxe kweso sithembiso. Akuzanga kufe kulungile ukuyenza into engeyiyo ; ndiqinisekile ukuBa nawe uya yazi loo nto. OkwesiBini, ukuBa se uthembisile—ma khe ndithi, ufe mhlawumbi uthembise ukuBa uya kuphuma nabanye ngesisusa esithile somgcoBo—kuze kuthi ngosuku olungaphambi kohambo olo, 'suke agule unyoko kakhulu, okanye kuhle enye into enkulu, ukhululekile ukuBa olo hambo uluoxise, okanye se uluyeka kanye ; kuba into elunge ngaphezu kwezinye, yiyo ema ikhokele, kunale incinane, nokuba na nayo ikwalungile ngeyayo indlela. Kodwa kwizinto nje zokuhlala, xa uthe emva kokuba uthandazile ngokuzithoba, nasemva kokuyicikida ngenyameko into, wavuma, Bambelela ke kuloo nto, nkwenkwe yam, Bambelela kuyo. Ilizwi lomAggrey limbophile.

Isihlomelo IV : Isiqendu VIII, iphepha la68.

UMnu. uKisosankole ugqiba yena ngeli lilandelayo, ethetha ngezinto ezithile ezizizihamo zohambelo luka-Aggrey :

" Kuqala, abantu abatsha batyhilelwé okokuþa ukuphuma esikolweni akuthethi ukuthi kuphelile apho ukufunda. Okwesibini, ngokuthi kwakhe nje kodwa athethe ngamaNgesi amabini, esithi, noko aMhlophe nje, kanti " amnyama " ezintliziyweni, ngenxa yomsebenzi wawo omhle, loo nto ikhuthaze abaMhlophe kwa naþa Mnyama ukuba þaqonde, ukuba kanti ibala eli alinto yakonto. Akuzanga kubé kho xeja ezintethweni zakhe, nakwizincoko zakhe, angakhe ngalo ayivelise le ndawo yebala, nokuþa uyivelisa mhlophe, nokuþa uyivelela ngecalá. Okwesithathu, waphumelela ekoyiseleni abantu abatsha ukuba þangawucekisi umsebenzi wezandla ; ubesithi, ' UThixo uniphe umhlaþa ; wucokiseni ke.' Uninzi lwaþantu emveni kokuba emkile eluGanda þazisifa iiofisi nemisebenzi yazo, baya kulima imihlaþa yaþo. Okwesine, uvuselele umnqweno wokufunda kumankazana —hayi, ma ndithi kumantombazana—ngokuthi oku abeke umk'akhe ukuba abe ngumzekelo. Okwesihlanu, ubonise ukuba inkquþela-phambili ayizanga ichasane nonqulo. Okwesithandathu, waqondisisa okokuþa ukusebenzisana kunye kulihlakani lenkquþela-phambili, nokokuþa izahlukwano zise ziyinto ni na elunqulweni, entlalweni, nangebala."

U-AGGREY UM-AFRIKA

370
92
AGGR
(WILL)


LINENR LIBRARY
C01 0063 5725



370.92 AGGR (WILL)

No. 80116 Class A 496 371106

WTI



G. & S. LTD. C.T. 15M/4/42. (RED.)

DATE DUE

From A Collection:

TO STAY IN THE LIBRARY

AFRICAN STUDIES
GOVT.
19 MAR 1985
ISSUED FOR
PHOTOCOPYING

SPRING MARK
MISSING
- NEEDS TO
BE REMOVED

AFRICAN STUDIES
GOVT. PUBL.
21 MAR 1985
ISSUED FOR
PHOTOCOPYING

AFRICAN STUDIES
GOVT. PUBL.
26 MAR 1985
ISSUED FOR
PHOTOCOPYING

G. & S. LTD. C.T. 15M/4/42.